Ikho Indoda Apha Enokukhanyisa Isibane

Masithobe iintloko zethu ngoku. Bawo wethu waseZulwini, siyaKubulela ngale ntsasa ngenxa yokulunga nenceba yaKho, ngokusinika ilungelo lokuhlanganisana apha kwakhona, iseyimini enye kweli cala lenguNaphakade elikhulu, ukuza kunqula Lowo uthandekayo, iNkosi uYesu Kristu. SiyaKubulela ngenxa yokuba Weza emhlabeni ukuza—ukuza kusihlangula ku—kubomi bezono, nokuza kusinika eli lifa likhulu sinalo ngobulungisa baKhe. Kwaye njengokuba thina, ngale ntsasa, silapha ngokonozakuzaku baKhe, uku—ukuze siqhekeze esi Sonka soBomi kwisihlwele esilindeleyo, wanga uMoya oyiNgcwele angaphefumlela iLizwi ngalinye aze alifake ezintliziyweni zabantu, kanye ngaloo ndlela siswele ngayo. Sikucela oku eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala phantsi.

2 Ngenene ndiyaliqonda eli, kwaye licham elikhulu, kwakhona ngale ntsasa, ukuba sime apha kunye nani. Sicela uxolo ngokuba indawo ingasekho kangangoko besinokwenza, ukukhathalela abantu. Umnquba wethu awumkhulwanga ngokwaneleyo. Kwaye sinombulelo ngokuba lapha, kude kudlule ezi holide, ukusuka, ukusuka ezantsi kwikhaya lethu e . . . eTuscon. Imozulu ibimbi ke noko, kodwa siyavuya ngenxa yokuba lapha nokuze sibe nayo inkonzo.

Ngoku, ndifuna ukwazisa ukuba ngokuhlwanje kuyakubakho inkonzo yempiliso ngokuhlwanje, okanye umthandazo wabagulayo. Yaye ndimxelele uBilly khona ngoku. Wathi, "Ke, uzakwenza ntoni?"

3 Ndathi, "Ke, mhlawumbi kungcono ukhuphe amakhadi athile ngokuhlwanje, amalunga namashumi amathandathu, ukuze abantu xa bengenaku . . . "

Kwaye, yabona, kuxinene kakhulu apha, sibe nokukwazi ukuba singabezisa kanjani na kanye, ngabanye ngabanye, ukuze ube nokubizwa ngenani lekhadi lakho, ukuze kungabikho kuxinana. Singababiza nje, ngabanye ngabanye, sibangenise emgceni sibathandazela njalo.

4 Ngoko, wena, ukuba uyagula, okanye unalowo umthandayo ugulayo, ufuna ukuza naye umngenise, yiza malunga necala leyesithandathu, into elolo hlobo, intsimbi yesixhenxe, ufumane ikhadi lomthandazo. Uyakuba esemnyango, kungenjalo nangoluphi na uhlobo awakhupha ngalo, ekungeneni kwakho.

5 Kwaye, ngoko, kuyakuba malunga netyeli lokugqibela eneneni ndibuya, okwethutyana, kuba ndinodweliso lomsebenzi oluxakekileyo ngoku. Ezantsi, nokuya kwiZizwe eziManyeneyo kude kube sentwasahlobo, seyiza kuphela. Ngoko, thina, mhlawumbi siyakubuya kwakhona selihambile noko eli hlobo.

Ukuba iNkosi ithandile, ndingathanda ukwenza njalo, ukuba sithe sayifumana i—indawo kweli cala ukuba inazo iziphozisi zomoya. Bendizakucela uBilly. Ndingathanda ukuthetha ngalaa Maxilongo aSixhenxe, ndibe nenko- . . . inkonzo apha yaMaxilongo aSixhenxe, ukuba—ukuba iNkosi ithandile. Ukwenzela, ezo, i—iZigaba eziSixhenxe zeBandla, naMatywina aSixhenxe, ke ngoku ngaMaxilongo aSixhenxe. Size sifumane ithuba elithile njengangoJuni xa abantu befumene iholide yabo, sibanike ithuba ukuze babe nokungena.

6 Kwaye ndivuyiswa kukubona uMzalwana Shepherd elapha ngale ntsasa, ovela esibhedlele. Ndandiphumile ukuya kumbona ngenye imini. Yaye Dade uShepherd, andikhange ndikwazi ukukutsalela izolo. Elaa phupha ubundithumele lona ibilelilunge, lilunge kakhulu. Ubonile, njengoko belinjalo, uKristu ekwi—ephezu . . . e—esibhaka-bhakeni, ephezu kweli hashe limhlophe, ukanti ke ebotshiwe, uyabona. Kodwa, nangoko, phambi kokuba linyamalale, usapho lwakho lonke luye lweza kulibona. Elo, ukucaciswa kwelo phupha, kukuba usapho lwakho luyibonile intshukumo yaKhe yale mihla yokugqibela phambi kokuba ludlule, ukuba Ibiyintoni na. Ngoko, kukuthi, loo nto iyeyomoya kakhulu, yaye iyintsikelelo elunge kakhulu kuni, nilusapho. Olwa sapho luphume kwimbandezelo ethile enkulu, ukuza apho lukhoyo namhlanje.

7 Yaye ngoku sinenye into, ebukwicala elilusizi, ngale ntsasa. Okoko sathi sahlangana apha . . . Omnye wabahlobo bethu abathandekayo, na—nabathi beze kulo mnquba, usapho lwaCoats; lona olo, siluthanda sisonke. Luvela ngasempuma ezantsi, kwaye, kungenjalo eChicago, malunga apho. NoDade Billie Habb, kunye—kunye nodade wabo, u-Armstrong, nawo wonke loo mantombazana. Bona . . . Ndicinga ukuba babengama Nazarene, baze beza eNkosini, bangabahlobo bethu abathandeka kakhulu.

Kwaye uMzalwana noDade Coats, umama kunye notata wabo, bebesendleleni begoduka ngenye imini, besuka ngapha ngaseNtsona, kwakho umntu otyibilike endleleni waze—waze wabulala uDade Coats, ngephanyazo. Kwaze—Kwaze kwathi xa benditsalela ngaphaya, e—eTuscon, ndeva malunga naloo nto, ndandihleli apho kanye apho ndiphethe ibhokisi yeelekese ebesandula kundenzela yona, ndihleli e—etafileni. Yaye akwazi ukuba loo nto yandenza ndizive njani na. Kodwa ndi—ndiyayicinga loo nto, ndibulela iNkosi ngale ntsasa,

ukuba abe akazange abulaleke ziintlungu. Ebesaluphala, kwaye ebengamelwe kukubulaleka. Waze waya eKhaya ukuba aye kuhlangana noThixo.

8 Bendicinga nje ke, ndithetha namantombazana wakhe, khona ngoku, kwela gumbi liphaya ngaphakathi. UMzalwana Coats ulapha ngale ntsasa; uneembambo ezaphukileyo. Ndaza ndambiza esibhedlele apho ebelaliswe khona, ngaphaya eMissouri, iimbambo zakhe nokunjalo zaphukile, kodwa ngenene uthe wanenkuthalo, uMkristu wenene; esazi ukuba loo kumkanikazi akafanga, uphila ngonaphakade kunye noKristu, kwaye kuyakubakho ixesha lokuhlangana.

9 UYobhi wathi ngelinye ixesha, "Owu, ukuba Ubungandifihlayo engcwabeni, undigcine kwindawo efihlakeleyo, ude udlule umsindo waKho."

10 Ingaba wakhe wamqaphela uThixo, kwindalo, esenza kwaloo nto inye? Njengencindi esemthini apha phezulu, ibambelele emagqabini; yaye phambi kokuba kufike ilixa lasebusika, umsindo othi ugalelwe ngomhlaba . . . 'Yabona, ngaxesha lithile umhlaba wawungenabusika. Kwaye kwiMillenium uphumlo lweminyaka eliwaka akusayi kubasabakho busika, uyabona, ngoko bungumsindo phezu komhlaba. Ngoko xa yathi yenzeka loo nto . . . Yabona, phambi kokuba kufike umsindo, uThixo ngenceba yaKhe uthumela laa ncindi ezantsi kanye ngaphakathi . . . phantsi komhlaba, iyokungena ezingcanjini zaloo mthi, ize igcinakale apho ude umsindo wobusika ube udlule, aphinde ayinyuse ibuyele phezulu kwakhona, uyabona, ngexa lentwasahlobo.

"Owu, ukuba Ubungandifihlayo engcwabeni, undigcine apho kwindawo efihlakeleyo, ude udlule umsindo waKho." Nantso into Ayenzele udade wethu. Nantso into Ayenzela onke aMakristu.

11 Mzalwana Coats, UThixo akusikelele. Ndivuya kakhulu ukuyazi loo nto, ukuba iTywina likaThixo liye laxhathisa ngelixa lenkathazo. Ndiyazi ukuba yintoni na ophumela kuyo, kuba ndakhe ndaphumela kwinto efana naleyo, kwiminyaka eyadlulayo. Kodwa ndi . . . Ngabanye ngabanye simelwe kukuwuwela loo mlambo mkhulu; kwaye, mna, isaya kuba lithuba lam, ngolunye lwezintsuku; nethuba lakho, ngolunye lwezintsuku. Kodwa uDavide, "Andiyi koyika bubi; ngokuba unam Wena. Intonga yaKho umsimelelo waKho uyandithuthuzela."

12 Ngoku ekukhumbuleni uDade Coats, udade wethu othandekayo osanduleleyo ukuya kuThixo. Ndi . . . Njengesikhumbuzo esincinane kuye, ngale ntsasa, ndifuna ukuba ibandla lime ngenyawo okomzuzwana nje.

Masithobe iintloko zethu sicinge ngalowo wakhe wathi, kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo wahamba engena—engena

kulo mnquba, ephuma engena phambi kwethu, wasibamba ngezandla, uMkristu othandekayo, ngoku ukuloo ndawo yathi iNkosi yandivumela ukuba ndiyibone kungekudala kwithuba elidlulileyo, engumfazi osemtsha kwakhona, elindele usapho lwakhe oluzayo.

13 Bawo wethu waseZulwini, siyaKubulela ngezinkumbulo zikaDade Coats. Onjani yena, ukuthandeka udade! Ke ngoku kufika ilixa lokuba xa sithe saliphila elethu ithuba ebomini, elabelwe thina, simelwe kukuwuwela umlambo. SiyaKubulela ngenxa yokuba engakhange abulaleke. Kusenokuba bekungekho nto ichasene naye apha, abemelwe kukubulaleka ngenxa yayo. Uyekungena nje ngokuthe ngqo kwiingalo zikaThixo, ngomzuzwana nje.

14 Umyeni wakhe, abantwana bakhe, balapha kusasanje, Nkosi, bebuyele kanye kwisigxina sabo sokusebenza. Indlela esiKubulela ngayo ngolo kholo lobukroti! "UKholo loobawo bethu lusaphila, endaweni yomhadi, umlilo, nekrele." SiyaKubulela ngenxa yazo zonke ezi zinto.

15 Phumza umphefumlo wakhe othandekayo, Nkosi. Ebengudade wethu. Usizi, ukuphela kweenyembezi kusentliziyweni yethu, ngenxa yokungabikho kwakhe, kodwa uvuyo luyaxhuma lunyuka luphuma kwezi nyembezi ziwayo, masazi ngokuqinisekileyo ngeLizwi laKho ukuba uyaphila kubomi obungenakubhubha obungasokuze bufe. Kwaye akusayi kubakho ngozi apho akhoyo ngoku, ulindele kuphela abo baya kuza emva kwakhe ukuya kuhlangana naye.

16 Sikelela uMzalwana Coats, sikelela la mantombazana nosapho lwakhe, Nkosi, nabo babathandayo, nabo bamthandayo. Kwaye ngenye imini, Bawo, sithembe ukuba siyakuhlangana naye phaya phezulu ngaphakathi kwingaPhesheya elikhulu, apho kungekho kugula khona, ntsizi, nakufa. Kude kube lelo xesha, sigcine sisempilweni sonke siphilile, siKukhonza, silindele loo mini. EGameni likaYesu Kristu siyakucela oko. Amen.

17 Wanga uMoya oyiNgcwele omkhulu osebenza kuthi apha emnqubeni, ekutyhileni iLizwi laKhe, wanga Angawuphumza umphefumlo wakhe okhaliphileyo eluxolweni side sibuye sihlangane naye.

18 Ngoku kushushu apha ngale ntsasa, ngenxa yokuba yimizimba, uyazi, okungako ibubushushu bomzimba womntu.

19 Ngoku, singathanda ukwenza isaziso ngoku. Ngamanye amaxesha iinkonzo zethu apha, zibande, nge—ngethuba lakusasa, isizathu soko kukuba . . . Eneneni akulunganga ukuyibambezela kangako inkonzo, ngokuba, iyure, iyure enesiqingatha, kungenjalo iiyure ezimbini. Koko into endiyenzayo ndiyashicilela phaya emva, yabona, yaye eli khasethi liya kwihlabathi liphela. Kwaye nantso into

endi . . . Siyahlangana, ithuba elide olo hlobo, ngentsasa, kungenxa—kungenxa yokuba ndiza apha ukuza kwenza la makhasethi. Oko kukuthi . . . ? . . . ngoku ba . . . Yabona, ningabona phaya kwelaa gumbi, a—amakhasethi e—enziwayo ngoku, kwaye ayaphuma aye kuyo yonke indawo ehlabathini jikelele.

20 Ngoku, kungekudala, iNkosi ithandile, kusasanje, nje ukuba siphume apha . . . Ndiyakube ndimnka, iNkosi ithandile, kusasa ngomso, ngexesha elithile, ndibuyela e-Arizona, ngokuba ndinenkonzo ezayo. Ukuze ke kube kuyo yonke indawo eMazantsi. Yaye nina bantu basemazantsi nivela eGeorgia, naseMississippi, naseTexas, nase-Alabama, siyehla siza kanye apho, konke ukuya kungena eFlorida, kwangoku.

21 Ukusuka apho siya ePhoenix, size siye eCalifornia, sibuyele ngqo eDallas, ukuze—ukuze mhlawumbi sithi gqi eSan Antonio, ndiyacinga ukuba kulapho, sibuyele ngaphaya e-Alabama, naseFlorida, ukuphumela apho. Ngoko siyakunibona apho ezantsi bantu, iNkosi ithandile, kwakutshanje.

22 Nihlale nisithandazela njalo, siyakunazisa ke ukuba kuyakuba nini na, ukuba sithe . . . iNkosi yabeka entliziyweni yethu ngoku ukuba siqhube i—iintsuku ezimbalwa apha, kweli hlobo lizayo.

23 Bendinoludwe lweenkonzo ezicetywayo eziliqela. Yaye abaninzi benu eNew York bayazi xa wathi wafika laa mbono, lo wawuthetha ngezaa nkonzo zamazwe ase-Scandanavia . . . Niyawakhumbula edweliswe apho? Ke ngoko, ndathi ndiseNew York, wafika loo mbono, owawusithi zonke ezo nkonzo ziyakucinywa, ngasizathu sithile. Kwaye ndiyakhumbula ndabaxelela abanye benu apha, xa sasiseNew York. Kwenzeka loo nto kanye, kuba bonke babefuna usuku olunye baze ababi nakusifumana esasakhiwo.

Ngoko, ke, kusenokushiyeka ithuba elincinane apho ngoJuni. Isenokuba ibe ibiyintando yeNkosi, bendicinga, ukuba mhlawumbi ndibuyele loo Maxilongo kanye apha phambi kokuba limnke kakhulu ixesha. 'Yabona? Ukuze sazi ukuba yonke into isebenza ngendlela kanye. Ngoko ibiyiloo nto ebisentliziyweni yam, ngoko kusenokwenzeka ukuba koko Afuna ukuba ndikwenze.

24 Ngoku ndiyabona ukuba nitshintshiselana ngezihlalo, naphaya—naphaya ngaphandle emaholweni, njalo njalo. Akwabe nje besinendawo yokuhlala.

Ke ngoku xa sinaloo Maxilongo, oko kukuthi . . . sifuna ukufumana iholo enkulu yesikolo esiphakamileyo. Ndiyacinga ukuba ihlala amawaka amahlanu anamakhulu amahlanu, siyakuthi ke sibe nethuba, kananjalo, lokuba umntu wonke afumane isihlalo, ahlale phantsi aphula-phule ngokuzolileyo xa si—xa sishumayela.

25 Kungenjalo, le, la Maxilongo, alunge, alunge kakhulu. Ndandikhangele kuwo ngenye imini. 'Yabona, kwiTywina lesiThandathu, zonke ezo zandi zaMaxilongo aSixhenxe zavakala kanye phezu kwelo Tywina lesiThandathu, 'yabona, kanye phambi kokuba iTywina leSixhenxe livulele uKuza kukaKristu.

26 Kwaye, kusihlwanje, ndinoMyalezo obaluleke kakhulu endifuna ukuwuthetha kanye phambi kwe—kwe—kwenkonzo yempiliso. Yaye ukuba ulapha, ube uzakulalisa, ke, siyazama, ukuba kunokwenzeka ukuqalisa kwangethuba kancinane, kuba kuyakubakho umgca wokuthandazela. Andiyi kushumayela thuba lide kakhulu, kodwa kukho into ebendifuna ukuyithetha kwibandla, okwethutyana, ndibe bunikrobisa kwi—kwi—kwi— kwi . . . ukuba ziqhubeka njani na izinto ngeli xesha, nokuba simi phi na kanye, mna ngokungcono kokwazi kwam ngeSibhalo.

27 Ngoku, ndifuna ukuba nityhile kusasanje kunye nam, ukuba ufuna ukuyiphawula kungenjalo uwugcine ukuba sifunda ndawoni na, kwiNcwadi ka-Isaya. Ndinqwenela ukufunda ku-Isaya, isahluko sama-42 sika-Isaya.

28 Sivuya kakhulu ngale ntsasa, kananjalo, ukuba sibe noMzalwana uDauch ehleli kunye nathi apha. Ngeli thuba nisatyhilayo . . . Uyazi, babecinga ukuba akasayi kuphila, apha eShreveport ngenye imini. Yaye unokholo ngenene. Ewe, mhlekazi, uyagwenyela aphume nje entweni; iNkosi imsikelele . . . ? . . . Uyabona, uMzalwana Dauch unamashumi alithoba ananye eminyaka ubudala, yaye unokusilela kwentliziyo okupheleleyo; nokuhlaselwa yintliziyo, ngaphezu koko. Yaye kwaloo gqirha wathi akaboni ndlela yakuba aphile. UMzalwana Dauch uyaphila, ugqirha ke yena ufile. 'Yabona? 'Yabona, ngokunjalo . . . Uyabona, uMzalwana uDauch nanku ehleli apha.

29 Ke ngoko, i—indoda enamashumi alithoba ananye eminyaka ubudala, inokusilela kwentliziyo nokuhlaselwa yintliziyo. Ke apho, xa ndandinyuka ndisiya apho, ndambona ehamba esihla ngesitrato; ndambona esenkonzweni. Ndaze ndaya ndamxelela, ephantsi kwentente yomongo-moya, "EGameni leNkosi, ndikubamba isandla kwi . . . Ndiyakukubona enkonzweni kwakhona, ndikubambe isandla usesitratweni."

Kwakwinkonzo elandelayo, yayinguye lowo, ehleli phaya emva apha enkonzweni. Ndaze ndawela ndaya eLouisville, apho sathi sadla eBlue Boar phaya ngaphesheya, ukuya kudla, ndaze ndathi nje ukuba ndiphume enqweleni yam, ndenyuka ngesitrato, nanko uMzalwana Dauch ehamba esihla ngesitrato. Yayinguwo lowo, ngokugqibeleleyo kanye. Nendlela eyathi iNkosi yamsikelela ngayo!

30 Ngoku sizakuthetha ngempiliso, ngokuhlwanje, nezinto ezinjalo, ndinezinto ezibaluleke ngenene endimelwe kukunixelela zona ngokuhlwanje.

31 Kodwa ngoku, ukuze ndibe nokufumana la makhasethi ngoku, ngoko lungiselelani ukuwavula, ndifuna ukuqalisa ukufunda ku-Isaya isahluko sama-42, nokuqala kumqolo wo-1 ukuya kowe-7. NakuMateyu isahluko se-4, ukuqalisa, ndiyakholwa, ivesi ye-15 neye-16.

32 Ngoku, kwi—kwisahluko sama-42 sika—sika-Isaya, sizakufunda.

> *Mboneni ke umkhonzi wam, endimxhasayo; umnyulwa wam, okholwa nguye umphefumlo wam; ndibeke uMoya wam phezu kwakhe: uyakukuphumelelisa okusesikweni eziNtlangeni.*
>
> *Akayi kunkqangaza, aliphakamise, alivakalise ezitratweni ilizwi lakhe.*
>
> *Ingcongolo evikivekileyo akayi kuyaphula, umsonto oqhumayo akayi kuwucima: uyakukuphumelelisa okusesikweni ngokwenyaniso.*
>
> *Akayi kuba nakucinywa akayi kuvikiveka, ade . . . akumise okusesikweni ehlabathini: zilindele isiyalo sakhe iziqithi.*
>
> *Utsho . . . uThixo, yena uYEHOVA udala izulu, alaneke; utwabulula umhlaba, neziveliso zawo; unika abantu abaphezu kwawo, ukuphefumla unika abahamba kuwo umoya:*
>
> *Ukuthi Mna YEHOVA ndikubizile ngokobulungisa, ndakubamba ngesandla, ndiyakukulondoloza, ndikwenze umnqophiso wabantu, isikhanyiso seeNtlanga;*
>
> *Ukuba uvule amehlo eemfama, ukuba ukhuphe abakhonkxiweyo ekuvalelweni, abahleli ebumnyameni ubakhuphe entolongweni.*

33 Ngoku kwiVangeli kaMateyu isahluko se-4, ndinqwenela ukufunda ukuzaliseka kweso siprofeto sanikwa ngo-Isaya. Isahluko se-4 sikaMateyu, ndi—ndizakuqalisa ukufunda. Ukuba kuyenzeka, masiqale kumqolo we-12 endaweni yowe-15.

> *Ke kaloku akuva uYesu ukuba uYohane unikelwe entolongweni, wemnka waya kwelaseGalili;*
>
> *. . . esukile eNazarete, weza wahlala eKapernahum, engaselwandle, emideni yakwaZebhulon neyakwaNafetali:*
>
> *Ukuze kuzaliseke okwathethwayo ngo-Isaya umprofeti, esithi,*

Umhlaba wakwaZebhulon, nomhlaba wakwaNafetali, wendlela yaselwandle, phesheya kweYordane, waseGalili yeeNtlanga;

abantu . . . abo bahleli ebumnyameni babone ukukhanya okukhulu; nabo bahleli ezweni nasethunzini lokufa bavelelwe kukukhanya.

Waqala oko uYesu ukumemeza, esithi, Guqukani: kuba ubukumkani bamazulu busondele.

34 Yanga iNkosi ingongenza intsikelelo yaYo ekufundweni kweLizwi laYo! Ke ngoku, ngumxholo omncinane ongaqhelekanga endeva umntu othile ewuthetha, owawuthetha oku, kodwa ndifuna ukuthabatha oku ukwenza ingongoma: *Ikho Indoda Apha Enokukhanyisa Isibane*. Ke ngoku sizakuqalisa ukuthetha ngaloo ngongoma yokukhanya.

35 Le ilandela iingongoma ezintathu ebesisandula ukuthetha ngazo.

Enye yazo, bekuseTuscon, okanye ePhoenix, yokuba kwakutheni ukuze uYesu adlule ngendlela yaseBhetelehem. Oko kukuthi, Ubemelwe, ngenxa yokuba Yena uyiBhetelehem. IBheteleham! U-*B*-*e*-*t*-*h* uthetha "indlu"; *i*-*e*-*l*, "Thixo"; i-*h*-*e*-*m* si "sonka," isonka. "INdlu yeSonka sikaThixo." Kwaye Mkristu ngamnye ozalelwe kuKristu uzalelwe eBhetelem, indlu yesonka kaThixo.

36 Ngoko, apho ke, umzekelo ngoDavide, owayengumbhaduli ngexesha lokugxothwa kwakhe kubantu bakowabo. Wagxothelwa ngaphandle. IBhetelehem ke yayingqingiwe, amaFilisti ayexhontelene ejikeleze iBhetelehem. Yaye uDavide, engumbhaduli, umzekeliso webandla namhlanje, kaKristu. Yabona, uKristu ungumbhaduli kwibandla ElilelaKhe namhlanje. Benze njalo. Umbhaduli yinto eyaliweyo. Kwaye uDavide wayaliwe, ukanti wayengukumkani othanjisiweyo; kodwa umprofeti wayesele emphilisile.

37 Kwaze kwathi ngeli xesha, ngenxa yokuba e—engobhadulayo kubantu bakowabo, wayechole amakhalipha amaninzi eeNtlanga. Elinye lawo labulala amakhulu asibhozo amadoda, ngenye imini, ngomkhonto, okanye ngekrele. Laze elinye latsibela emhadini labulala ingonyama, ngemini eyayinekhephu. Kwaye—Kwaye babehlanganisa iintlumayo, ezo ke ziimbotyi kungenjalo ii-ertyisi, okanye into elolo hlobo, baze—baze bonke babaleka bemnka, lona lema labulala amadoda yade yadinwa ingalo yalo. Ngokunjalo bababulala nabantakwabo Goliyathi abo bakhaliphileyo.

Amadoda angamakroti, ebambelele kuDavide, ngokuba ayesazi ukuba uzakuphatha. Ayesazi, kungenamsebenzi nokuba ngubani na owayesithini na. UThixo wayebeke intambiso yakhe phezu koDavide, yaye ayeyazi loo nto.

AyeziNtlanga. Kungenamsebenzi nokuba babemgxothele ngaphandle kangakanani na, nangoko ayesazi ukuba wayezakuphatha. Kwaye ngenye imini apho . . .

38 Ngumzekeliso onjani lowo namhlanje, kaKristu, umbhaduli! Uthi, "UKristu, abe ngumbhaduli?" NgokweBhayibhile, ukuba sithi . . . UThixo uthe ngokukhalipha wasikhupha esiphumelisa kwezo Zigaba ziSixhenxe zeBandla. Eli bandla laseLawodike, uKristu ube ngumbhaduli ngaphandle kwebandla laKhe, waliwe, uzama ukubuya angene ngaphakathi. Uyabona? Ungumbhaduli, kwibandla ElilelaKhe. Yaye isizathu sokuba Abe ngobhadulayo, kungokuba Yena liLizwi, kwaye abalivumeli ukuba lingene ilizwi. Bamnkela imigaqo, endaweni yalo.

39 Yaye siyafumanisa, ngoko, ukuba kolu krutha-kruthwano lukhulu, loo madoda angamakroti angqonge—angqonge uDavide ayeziNtlanga.

40 Ukuba uyaqaphela ukuba iBhetelehem yayisekwe kanjani na. Andifuni kungena kuloo ngongoma, kodwa indlela iBhetelehem . . . Eneneni uRahabhi, ihenyukazi, unyana wakhe nguye owaseka iBhetelehem. Yayiliziko lengqolowa, yaye kukho amanzi amaninzi alungileyo apho. Waze wafumana eso sixeko sincinane. Yayisesona sincinane kuzo zonke izixeko, kuba umprofeti wathi, "Kuphuma . . . Bhetelehem yakwaYuda, awunguye nakamnye omncinane kubalawuli bezixeko zaseYerusalem . . . okanye kwaYuda? Kodwa kuphuma kuwe uMlawuli oyakubalawula abantu baM." Kwesona sincinane.

41 UDavide ekunyulweni kwakhe apho. Abantakwabo abakhulu, abalungileyo, xa umprofeti uSamuweli wenyukayo, wamthambisa, bonke babemi apho. Bebakhulu, bengamadoda akhaliphileyo, akhangeleka ngokungathi ayenjalo, ngokukhangela, engookumkani abakhangeleka kakuhle. Kodwa lowo wayesaliwa kanye yayinguyena-yena, uDavide, eyathi i-oli yagalelwa phezu kwakhe. Isixeko esaliweyo yayisiso awathi uKristu . . .

Ngabaliweyo athi abachole uKristu, yabona, abo baliweyo kanye.

42 Yaye siyafumanisa, ukuba emva kokuba waya ku-Obhede. Kwaye emva kokuba waya kuBhohazi. Kwaze kwangena omnye ongoweNtlanga, owathi wangena ngoRute. Kwaphuma apho ke uYese. KuYese kwaphuma uDavide. Kwisitali esincinane esisethambekeni lenduli apho ngaphandle kwaphuma uKumkani wookumkani, uYesu Kristu, uNyana kaDavide, uNyana wakhe ngokomoya.

43 Ngoko ke, wayenguye, uDavide ngokwakhe ezalelwa kwesi sixeko, kwakunyanzelekile ukuba afike kule ndawo incinane. Yayibizwa ngokuba yiBhetelehem, ethetha, "i—indlu yesonka sikaThixo." Kwaye Yena yiNdlu yeSonka sikaThixo.

44 UDavide, engqengqe apho phezu kwenduli ngaloo mini, waze wajonga ezantsi wawabona amaFilisti exhontelene ejikeleze ngolo hlobo, inokuba waba nobushushu wanxanwa. Wathi, “Owu, ukuba bendinokusela kwelaa qula, kube kanye kwakhona!” Kuba, ingcinga nje encinane kwezakhe yayingumyalelo kwabakhe, kwabo bamthandayo.

45 Kunjalo namhlanje, eyona incinane kwiingcinga zikaYesu, kungenjalo kuthiweni malunga neLizwi laKhe, imelwe kukuba ngumyalelo kuthi ziiNtlanga ziMthandayo. Kuba siyazi ukuba Uyangena ekulawuleni kungenamsebenzi nokuba Waliwe kangakanani na. Izulu nomhlaba liyakudlula, kodwa le*Nto* iyakuba isalawula ngendlela efanayo xa onke amazulu nomhlaba sele edlule. Kwaye siyazi ukuba Uyangena ekulawuleni, kuba akukho nto inokukuthintela oko ukuba kungenzeki. [UMzalwana Branham ubhambatha iBhayibhile yakhe—Mhl.] Lo nguKristu, sisityhilelo saKhe, kwaye lento izakwenzeka kanye njengokuba iLizwi lisithi iyakuba njalo, kuba Yena uliLizwi. Kwaye okuncinane kwemiyalelo yaKhe apho, akunamsebenzi nokuba kuncinane kangakanani na, ukuba ngowokuthi “umelwe kukuphindwa ukubhaptizwa,” okanye nokuba uyintoni na, siyakuwenza, nakanjani na. Kungumyalelo waKhe.

46 Yaye ezona zincinane kwiingcinga zikaDavide zazingumyalelo kwezo Ntlanga, kuba, zona, zingumzekelo weBandla leeNtlanga namhlanje. Amadoda angamakroti! ’Yabona, loo madoda ema ngakuDavide ayeziiNtlanga, kodwa, engamadoda angamakroti. Ayengoyiki. Ayengalwazi nokulwazi ukuba luyintoni na uloyiko.

47 Enye indoda yathabatha ikrele yabulala amakhulu asibhozo amadoda, abe emngqongile jikelele. Yayiyenjani indoda! Inye kuwo, i . . .

Indoda enye. Kwakukho ikhalipha loMyiphutha elenyuka libaleka, linomkhonto omde. Yona inentonga nje esandleni sayo. Yathabatha intonga yangquba loo mkhonto waphuma esandleni sakhe; yathabatha umkhonto yambulala, ngokwayo. ’Yabona?

48 Esinye kwezo zigebenga esasineminwe ezi-intshi ezilishumi elinesine, ngolo hlobo. Ngoku, ishumi elinesine lee-intshi, iminwe yakho mide ngokulingana nje nesandla, sivaliwe; ukhe wasivula, loo nto ingenza isandla esineminwe engamashumi amabini anesibhozo ee-intshi. Iphethe umkhonto! Yatsibela apho kanye yayibulala. ’Yabona? Kuba? Yayiyindoda elikroti, iNtlanga ikhangele kulowo uthanjisiweyo yayisazi ukuba uzakulawula.

49 Ingaba uqaphele, indlela awayengamakroti ngayo kuDavide? Xa uDavide wathi ekugqibeleni walawula, wawenza angabalawuli bezixeko. Akathembisanga kwaloo nto uYesu? Ikwayiloo nto inye, ukuba uyakubenza abalawuli.

50 Ngoko, apho ke, xa uDavide wathi wanqwenela ukuba afumane ukusela okuhlaziyayo. Ngokuqinisekileyo wayenamadala, amanzi ashushu angcolisekileyo apho phezulu, awayewasela. Kodwa kwenzeka ukuba acinge ngalawo ahlaziyayo amanzi asezantsi apho eBhetelehem, indlu yesonka sikaThixo. Waze wathi, "Ukuba nje bendinokusela kwelaa qula!" Aze loo madoda arhola ikrele lawo alwa ishumi elinesihlanu leemayile zamaFilisti, kungengakuba wayewacelile ukuba enze njalo, kodwa kungenxa yokuba ayesazi ukuba wayewafuna. Aze awasika loo maFilisti, konke ukuya equleni. Ngeli thuba amabini awo ayesilwa, omnye wawo wafumana i—i-emele yakhe yamanzi; abuya alwa evula indlela yawo yokubuya, yonke indlela ebuyayo, aze awanika uDavide. Uthetha ngobukroti!

51 UDavide, laa ndoda indala yakwaThixo, wathi, "Makale uThixo ukuba ndibe ndingawasela ephuma kwaba bahlobo bathe babeka ubomi babo emngciphekweni." Waze wenza umnikelo wesiselo; wawagalela phantsi apho phandle, eNkosini. "Wanikeni iNkosi. Yiyo Efanelwe yiloo nto, hayi mna." Abeka . . .

52 Kwaloo mzekeliso kaKristu Buqu, ngoBomi ObubobaKhe obunguNaphakade obukuYe; iLiwa elabethwayo, laphalaza uBomi baLo phezu komhlaba, njengomnikelo wesono kuthi, ukuze eli Lizwi libe nokuphila.

53 Owu, ziNtlanga, njengoko besenditshilo, ngubani oyakurhola eloo krele kunye nam? Ufuna isiselo esihlaziyayo, ngale ntsasa, hayi esi sidala singcolisekileyo semigaqo yecawe nezinto ezinjalo sidlala ngaso apha. Ufuna ukholo olunyanisekileyo kwiLizwi laKhe, ngubani oyakukholelwa lonke iGama laLo. Masiye equleni sibuye namanzi okusela, ahlaziyayo; ukudumisa okungakhelwanga phezu kwemigaqo nobuhlelo. Koko ukudumisa kwenene koMoya, uKristu ephakathi kwethu, ephila uBomi baKhe ngendlela Afuna ngayo, phakathi kwethu, oko—oko akukho kwimigaqo nezinto ezahlukeneyo. Masithi nje—nje sibe naYe ngaloo ndlela.

54 Ngoku, elandelayo yayithetha ngendlela uThixo awasebenza ngayo kubantu bakhe ngephupha, ngemihla ka—kaYosefu. Nayiqaphela? Iphupha lelesibini. Liyindlela yesibini yokusebenza kukaThixo. Abanye abantu bangaphupha, angathethi kwanto. Ungadla kakhulu ube namaphupha amabi wakulala. Iphupha ke liyindlela yesibini. Yabona? Kodwa kwakutheni ukuze uThixo akhusele OwaKhe uNyana ngendlela eyeyesibini? Wavela kuYosefu. Ukhuseleko loMntwana OngowaKhe, Wathumela ngendlela eyeyesibini. Ingaba wakhe wayicinga loo nto? Kuba, kwakungekho mprofeti elizweni. Kwanyanzeleka ukuba asebenze ngamaphupha. Yaye yayingelophupha lalimelwe kukutolikwa.

INgelosi yeNkosi yathi, “Yosefu, musa ukoyika ukumthabathela kuwe uMariya umfazi wakho, kuba oko kukhawulweyo kuye kungoMoya oyiNgcwele.”

55 Yayiyinto engaqhelekanga ukwenzeka leyo. UYosefu eyindoda elilungisa, yena . . . Yayiyinto engaqhelekanga. UThixo akaqhelekanga. Yaye okungaqhelekanga kunzima ukukuqonda. Yiloo nto kunzima kangaka ukuyiqonda iNyaniso namhlanje; Ayiqhelekanga kakhulu. Umfazi ukuba abe nosana ngaphandle kokwazana nendoda, yayiyinto engaqhelekanga kakhulu leyo.

Kodwa ukuba uthembekile unyanisekile, uThixo angavela kuwe nangoku ephupheni. Oko kubonisa ukuba nantoni na onayo, nokuba yingqondo yakho, nokuba unokukhalisa umlozi, ucule, ungqine, okanye nantoni na onokuyenza, ukuba konke okunguwe kunikelwe kuThixo, uThixo angakusebenzisa ukuba uyakuMvumela nje ukuba ayenze loo nto.

56 Ngoko, ngobusuku obulandelayo apha phezulu, uMzalwana Neville washumayela ngengongoma yo “kusaba,” indlela eyathi ngayo i—indoda yasaba. Ndaze ndacinga ukuba yinto ebalulekileyo noko leyo.

Yaye ngale ntsasa uMoya oyiNgcwele ukhangeleka efuna ukuba ndithethe ngengongoma yokukhanya, iyeyona nto ilandelayo leyo. Ndiqhubele phambili nje, ekuqalekeni, indlela ebaqala ngayo ubomi bukaKristu estalini, siyahamba siphumela kubo sibuyela emva kwakhona kwingongoma yethu. Yaye ebengayazi loo nto; ndabe ndingayazi; kwaye yiyo le kanye ikwinto enye. Yabona, iqhubela phambili, into elandelayo kuxa wathi Wangena kulungiselelo lwaKhe. Yaye kusihlwanje sinento ethile eyakunxibelelana kanye naloo nto, ukuze siqhubele phambili, ngokuhlwanje, iNkosi ithandile.

57 Ngoku, ukuKhanya okukhulu! “IiNtlanga ezazihleli kwiingingqi zamathunzi okufa, ukuKhanya okukhulu kwavela phakathi kwazo. KwaZebhulon, nakwaNafetali, kwi . . . ngakwindlela yaseGalili yeeNtlanga, ukuKhanya okukhulu, babona ukuKhanya okukhulu.”

58 Ngoku ukuKhanya, ukuKhanya kwetyeli lokuqala, sikufumana eBhayibhileni, kufumaneka kwiGenesis 1:3. Yayikukuthi, uThixo wathetha iLizwi lenza ukukhanya. UThixo wathi, “Makubekho ukuKhanya,” Genesis 1:3, kwaze kwakho ukukhanya.

59 Ngoku khumbula, ngoko, ukukhanya kuza ngeLizwi elithethiweyo likaThixo. Yaye ukukhanya kububungqina, okanye ingongoma athe Wayithetha, ikukukhanya. Xa kuthe kwabhabha ukukhanya, kubonakalalisa loo nto. UThixo wathi, “Makubekho ukukhanya.” Kwakungekho kukhanya, waze Wathi, “Makubekho ukukhanya,” kwabakho ukukhanya.

Bubungqina obo. Ukukhanya bubungqina beLizwi elithethiweyo laKhe. Ikwayiloo nto inye namhlanje, ubungqina beLizwi laKhe elithethiweyo.

60 Ngoku xa ubona iLizwi laKhe lingqinelwa, okanye, amanye amazwi, esaziswa, eqondakalalisiwe, yiloo nto i—ikukuKhanya kweLizwi laKhe elithethiweyo. Kwaye, ngaphandle kokukhanya, akukho nto inokuphila ngaphandle kokukhanya. Akukho bomi phezu komhlaba namhlanje koko bobuvele ngendlela yo—yokukhanya kwelanga, ubomi bezityalo, njalo njalo. Yaye akukho bomi bunguNaphakade ngaphandle koNyana kaThixo. 'Yabona? Nguye ukuKhanya.

61 Ngoku siyafumanisa, ndiyakholwa, njengokuba sifundisisa ngoku, yaye oku kuKhanya . . . "Umhlaba wawusenyanyeni."

62 Ngoku, abanye abantu bayaxambulisana namhlanje kwizikolo zethu, njalo njalo, malunga nokuba ihlabathi linezigidi ezingakanani na zeminyaka ubudala, baze bazame ukugxeka iBhayibhile bathi Iphosakele. Abakwenzi nje, abayifundi iBhayibhile. Kuphelele apho. Ngokuba, iBhayibhile ayisixeleli ukuba lidala kangakanani na ihlabathi. IBhayibhile ithe, "Ekuqalekeni uThixo wadala amazulu nehlabathi." Isiphumlisi! Kwakunini, njani, oko, asikwazi. Ngoku, yeyokuqala leyo. Kwaye, iba sisiphumlisi, sisiphelo seso sivakalisi eso.

63 "Ekuqalekeni uThixo wadala amazulu nehlabathi." Kungenzeka ukuba yayilikhulu lezigidi, okanye izigidi eziphindwe ngezigidi, okanye nokuba yayiyintoni na ekwakuyiyo. Indlela Awalenza ngayo, kukuYe ukwazi, yabona, hayi kum.

Kodwa ihlabathi, ke, "Ehlabathini kwakusenyanyeni." kuselubala; yaye amanzi ayephezu kwe—kwehlabathi. Waze uThixo," wathi, "wahamba phezu kwamanzi." Waze wathi, "Makubekho ukukhanya."

64 Ngoku, ndiyakholwa ukuba ilanga, nokunjalo, lalisele likhona, ndiyakholwa, inyanga. Njengoko iqhubela phambili, kwiGenesis 3, ukuyicacisa . . . Kodwa ndiyakholwa, yayiyintoni eyayilapha, elathi ihlabathi, sasizakulisebenzisa, yaye ke ngoko . . . Laze ke langena; kwakukho inkungu nokunyakama phezu kwawo wonke umhlaba, isenza kube mnyama. Waze uThixo wathi, "Makubekho ukukhanya," baze ubumnyama banyamalala bemnka, kwaze kwakho isibhaka-bhaka esingenamafu.

65 Yaye ndiyakholwa ukuba nantso indlela uThixo azenza ngayo izinto. Yena . . . eBhayibhileni, kwivesi elandelayo uthi, ivesi ye-4 ithi. "Waze Wakwahlula ukukhanya ebumnyameni. Ukukhanya Wakubiza ngokuba yi 'mini,' nobumnyama Wathi u 'busuku.'" Yaye iLizwi likaThixo lihlala likwahlula ukuKhanya ebumnyameni. 'Yabona? LiLizwi elahlulayo, 'yabona, ukuKhanya ebumnyameni.

66 UThixo uhlala esenza loo nto inye, xa Elungiselela ukusebenzisa nantoni na. Njengoko Walungiselela ukusebenzisa le nkwenkwezi yakudala, okanye nokuba yayiyintoni na, eli hlabathi, kwanyanzeleka ukuba Ahlule ukukhanya ebumnyameni. Xa Elungiselela ukuba ashiye, ukuba asebenzise i—iqela labantu, Umelwe kukuba ahlule ukuKhanya ebumnyameni. Xa Elungiselela ukusebenzisa umntu ngamnye, Wahlula ukuKhanya ebumnyameni. 'Yabona?

67 UkuKhanya kuza ngoThixo. Kwaye i . . . Khumbula, ukukhanya kuza ngeLizwi laKhe elithethiweyo. ILizwi likaThixo lathi, "Makubekho ukukhanya," xa kwakungekho ukukhanya, waze Wathumela ukukhanya ukwahlula ubumnyama ekukhanyeni.

68 Eli Lizwi lo myalelo lenza isibhaka-bhaka sazola ukuze ilanga libe nokukhanya livele. Kwaye iLizwi laKhe namhlanje lilo elizolisa kumnke wonke umoya wokungakholwa.

69 Bendincokola, ndine—ndine, ndiyacinga, udliwano-ndlebe olulishumi elinanye kanye nje phambi kokuba ndize kufika epulpitini ngale ntsasa, phaya ngaphakathi. Kubi kakhulu . . .

70 Ngenye imini umhlobo wam omncinane, uJim Poole, unyana wakhe omncinane, babecinga ukuba wayehlaselwa yintliziyo, bambalekisela esibhedlele. Yayiyimeko yesifuba, yamfaka lo mfo mncinane . . . Wayengakwazi . . . Intliziywana yakhe ixhuma, ephefumla, e—ekhala engafumani mphefumlo, loo mfo wakhangeleka ngokungathi wayesifa, bathi bakuza naye apha. Yaye ndandilungiselela ukuya esibhedlele; bamzisa apha. Ndambamba ngesandlana sakhe; ndathi, "Into ebange loo nto, yimasisi ehlasele lo mntwana. Kwaye, imasisi, yifiva ethe yafikela loo mfo mncinane. Uze umjonge. Kwiintsuku ezimbalwa ndifuna ukumbona kwakhona. Uyakube ezele yimasisi." Nanku ke ezele yimasisi, uyabona. Uyabona?

71 Ngoku, yintoni? UThixo wahlula ubumnyama ekukhanyeni, okanye ukukhanya ebumnyameni. Yaye Wahlula ukufa eBomini, yaye Uyenza ngeLizwi laKhe. ILizwi laKhe lilo elihlala livelisa loo nto njalo.

72 Ngoku, ukukhanya! Ke, ngoku, imbewu yayisele iphezu komhlaba. Ndiyakholwa ukuba uThixo wayityala imbewu. Kwaye nje ukuba ilanga libe nokufikelela kuloo mbewu, yaqala ukukhula. Yaye naso isizathu sokuba kube kuthabatha iintsuku nje phambi kokuba kuvele ezi zinto, kungokuba imbewu yayisele isemhlabeni. Into eyayiswele yona kukukhanya nje.

73 Yaye yiloo ndlela uThixo anayo namhlanje. IMbewu yaKhe sele ilapha, iLizwi laKhe. Inye into Eswele yona kukuKhanya phezu kwaYo. Yaye Yena ukoko kuKhanya, kuba Yena uliLizwi. ILizwi nokuKhanya yinto enye. UBomi obulapho ngaphakathi bukukuKhanya kweLizwi, yabona, buBomi.

Intsobi yobomi ilele ngaphakathi kukhozo, kwaye ukhozo . . . ubomi bubo obuthi qheke buvelise ubomi ngaphandle kokhozo. Yiloo ndlela athi uKristu eLizwini enze iLizwi ukuba libe yiloo nto Limelwe ukuba liyenze ngayo. Kanye njengobomi kukhozo lwengqolowa, okanye nokuba lolwantoni na; benza ukuba ukhozo lwenze oko lumelwe kukukwenza, ngokuba bububomi obukulo. Bubomi buphela!

74 Ngoko, uBomi bungeLizwi likaThixo kuphela libonakalalisiwe. UBomi buza kuphela ngeLizwi likaThixo libonakalalisiwe. Okoko nje into iseNcwadini, *ngolu hlobo,* isenokubuzwa. Kodwa yakubonakalaliswa, ngoko ubona imveliso yoko Bebuthetha ngako kubonakalalisiwe, oko ke ke kukuKhanya phezu—phezu kweLizwi. 'Yabona? Nako okuvelisa . . . ILizwi belitshilo, kwaze, ngoko, kwathi kwakwenzeka, obo buBomi buseKhanyeni, ukuKhanya kuzisa uBomi. UkuKhanya kuzisa uBomi.

75 Ungatyala ingqolowa apha phandle, iyakuthi . . . uyibeke kwigumbi elingaphantsi, uyigqume ngaphezulu, ayinaku—ayinakuze ivelise bomi nantoni na, ngokuba ayinako. Akukho kukhanya apho. Kodwa nje ukuba ukukhanya kuyichathe, ngoko iyakuvelisa ukukhanya ukuba iyimbewu enokuntshula.

Yiloo nto inye kwiLizwi. Uyabona, iLizwi likaThixo, lithi lakuchathwa kukuKhanya, liLivelise . . . ukuKhanya kuyaLichatha, livelise iLizwi liliphilise kwakhona. Sigaba ngasinye sahlala silolo hlobo. Owu, indlela esizivuyela ngayo ezi zinto zibalulekileyo, indlela elathi ngayo iLizwi langqinela ukuKhanya kweLizwi elithethiweyo. Yabona?

UThixo wathi, "Makubekho ukukhanya."

76 Ngoku, kwakuyakuthini ukuba Wayethethe nje kwaze akwavela kukhanya? Ngoko asiyazi nokuba yinyaniso na loo nto okanye hayi. Asazi nokuba unyanisile na. Asazi nokuba UnguThixo na okanye hayi, ngokuba Uthe nje, "Makubekho," kwaze akwabikho. Yabona?

Ke ngoko uThixo ethetha size siyibone ukuba ikho loo nto, ngoko kukuKhanya oko kuvelayo, iNyaniso yeLizwi. 'Yabona? Kukho ukuKhanya noBomi.

77 Bonke ubomi bemveli buza ngeLizwi elithethiweyo laKhe. Yaye ilanga liLizwi laKhe elithethiweyo. Wathi Wadala ukukhanya okukhulu emazulwini, ukulungiselela imini, nokukhanya okungeneno elungiselela ubusuku. 'Yabona? Yaye bonke ubomi bemveli bumelwe kukuza ngeLizwi elithethiweyo likaThixo. Intyatyambo ayinakukhula ngaphandle kokukhanya kweLizwi likaThixo elithethiweyo ukuba likhanye phezu kwayo, kuba ilanga lilo, s-u-n, liLizwi elithethiweyo likaThixo, xa Wathi, "Makubekho ukuKhanya." 'Yabona? Bubomi obuthethiweyo bukaThixo. Kwaye

akunamsebenzi nokuba bazama kangakanani na abantu uku—ukuthetha *oku*, *okuya,* okanye *okunye*, kuyakuhlala kuyinto enye. Umelwe kukuba ube nalo elaa langa, ukuze ubomi, bemvelo, bube nokuza kuphela ngeLizwi elithethiweyo likaThixo.

78 Kwaye uBomi bokoMoya, uBomi obunguNaphakade bunokuza kuphela ngeLizwi elithethiweyo loBomi likaThixo. UBomi babunguS-o-n kweli xesha. KuYe kwakukho ukuKhanya, yaye kuYe akukho bumnyama; yaye Yena ukukuKhanya kukaThixo okuthethiweyo. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] ILizwi elithethiweyo likaThixo, kuba, "Ekuqalekeni wayekho uLizwi, uLizwi wayekuThixo, uLizwi wayenguThixo." Lona LinguThixo ngonaphakade. 'Yabona?

Koko kuKhanya ke kukaThixo okuvela kwiLizwi, ukuze kulenze Liphile. *Nantsi* into Awayithethayo [UMzalwana uBranham ubhambatha iBhayibhile yakhe—Mhl.], ngoku makukhanye ukuKhanya! Amen! Makukhanye ukuKhanya, kwaye ukuKhanya kuyakuvelisa lonke iLizwi kwindawo yaLo efanelekileyo, ngexesha lalo. Amen! Owu! Uyabona, kwakufika ixesha!

79 Ngamanye amaxesha olwa khozo lulele emhlabeni, luthe tyaba, kubo bonke u—ubusika, ngokwembewu, ingqolowa yasebusika ehlwayelwe emhlabeni. Kodwa lakuba kwindawo eyiyo elaa langa, owu, imelwe kukuphila. Yabona? Yaye ayinakuphila ngaphandle kwelanga.

UThixo ke wenze izithembiso kwisigaba ngasinye nakumhla ngamnye. Kwaye kwakulunga ukuKhanya, kuze kukhanye phezu kwaloo nto, kuyakuvelisa ngokuchanekileyo kanye oko lakuthethayo iLizwi, ngokuba Yena ukukuKhanya noBomi.

80 ILizwi likaThixo liza kuphela ngeBhayibhile. IBhayibhile kaThixo i—iyimo eshicilelweyo yoNyana kaThixo, ngokuba iBhayibile ithe yona Isisityhilelo sikaYesu Kristu. InguThixo eZityhila ngoKristu, kwaye uKristu liLizwi. KukuKhanya kukaThixo ke okukhanya phezu kwelo Lizwi, ukuze kuLingqinele, ukuqondakalalisa ukuba uThixo usabuthetha uBomi, uBomi obunguNaphakade. Uthetha ukuKhanya okukokwemvelo, kuvelise ubomi. Ubomi buza kuphela ngokuKhanya, iLizwi libonakalalisiwe, okanye lenziwe inyama. Ekwenziweni kwawo onke amadinga, eBhayibhileni, ebonakalaliswa, kuxa uYesu Kristu, iLizwi lenziwa inyama phakathi kwethu. UThixo uhlala esebenza ngomntu njalo. Umntu sisixhobo sikaThixo sokusetyenziswa.

81 Ngoku, ukuba kuyakuba shushu kancinane apha kuni, ningazitsala iifestile zihle, okanye nokuba yintoni na eninqwenela ukuyenza, niphungule ubushushu. Mhlamwumbi

umgcini-nkonzo angabuphungula ubushushu buhle kancinane. Ndiyabona ukuba abaninzi bafudumele. Yaye kushushu njengokuba ndime apha kanje, kananjalo, ngoko—ngoko niyikhumbule loo nto. Ndiyavuya ukuba kube kufudumele endaweni yokuba kubande, kuba ndi—ndiyakuthanda ukufudumala. Ndi . . . Ukufudumala kuhlala kusizisa ukukhanya njalo, ubomi, benziwa ngumlilo.

82 Qaphela ngoku, "lenziwe inyama." Xa iLizwi lenziwe inyama, Liba lelibonakalalisiweyo. Njengokuthi, uthabatha iLizwi uLibeke kwindawo eyiyeyalo nakumhlaba onguwo, Liyakuhluma livelise. I—Imbewu iyakuvelisa okohlobo lwayo. Kwaye iLizwi, xa lifakwe kuhlobo olululo lwentliziyo, liyakuZibonakalalisa. Liyakuvelisa ukukhanya. Liyakuthi qheke livele phezu kwako. Kulungile.

83 Akukho nto iyeyemvelo, akukho nto iyeyemvelo okanye eyomoya, enokuphila ngaphandle kokuKhanya kukaThixo. Ububomi bunokuza kuphela ngoko ngokuKhanya. Akukho nto iyeyemvelo okanye akukho nto iyeyomoya inokuphila ngaphandle kokuKhanya kukaThixo. Yicinge loo nto. Kulungile. Kodwa Akuthumela kuthi ukuKhanya, yabona, kuze kwenze zonke ezi zinto, size thina siKwale; ngoku nantso eyona ndawo ilusizi, kuxa ukuKhanya kwaliwe kwakuthunyelwa kuthi.

84 Ngoku ungaqikelela into yokuba umntu othile namhlanje athi, "Ndiyayiphika nje eyokuba kukho into efana nelanga. Andikholwa ukuba likho ilanga"? Aze abaleke aye kwigumbi elingaphantsi a—avale zonke iingcango, ahlale emva ebumnyameni, aze athi, "Akukho nto injengelanga apha. Akukho nto injengokukhanya." Ungazi, khona ngoko, ukuba kukho into engundonakele ngokwasengqondweni kuloo mntu. Yabona? Kukho into engalunganga, xa anokubaleka angene kwigumbi elingaphantsi elimnyama aze ale ukwamnkela intsikelelo yokukhanya esikuphiwe nguThixo. Kukho into engundonakele kuye. Akayifuni imitha efudumeleyo yalo. Akafuni nto inika ubomi. Akakufuni ukukhanya kwalo ukuba ahambe kulo. Kungcono kuye ukuba ahlale ebumnyameni. Oko kubonisa, ngokwasengqondweni, ukuba kukho undonakele, ngokwemvelo, kuloo mntu.

85 Oku ndikuthetha ngothando nangentlonipho. Ngoko ikho into engundonakele ngokwasemoyeni kumntu oyakubaleka aye kungena emva kumahlelo womgaqo aze akwale ukubona ukuKhanya kweBhayibhile xa kukhanya kanye phambi kwakhe. Ukho undonakele kuloo mntu. Yabona, ubaleka aye kungena kwimigaqo yakhe neemfundiso, aze avale ucango athi, "Akukho nto injengaLeyo. Iintsuku zemimangaliso zidlule. Akukho nto injengempiliso eNgcwele, akukho nanye kwezi zinto. Loo nto yayiyeyompostile." Loo ndoda iphambene ngokwasemoyeni. Yabona? Kukho into

engundonakele kuyo. I—I—Itsala imidiya-diya ihle ize ikumangale ukungena kukaMoya oyiNgcwele phezu kwayo. Ukuba inokuthi . . .

"Ukuba nithe nahlala kuM, naMazwi aM ahlala kuni, ngoko, ukuKhanya okukhanya phezu kweli Lizwi, celani oko sukuba nikuthanda." 'Yabona? 'Yabona?

86 Ikho into engundonakele, ukuba angala izibonelelo aziphiwe nguThixo athe uThixo wasinika ukuba siphile ngazo, iLizwi laKhe. "Ilungisa liyakuphila ngokholo."

"Waye umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, koko ngeLizwi lilonke," hayi inxenye yeLizwi, "lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo." Yaye xa umntu eyakwala Lona, ukho undonakele kuloo mntu; kukho into engundonakele ngamava akhe, lowo ubanga ukuba uyamthanda uThixo amale uThixo. Kukho into engahambanga kakuhle kuloo mntu. Siyayazi loo nto, ngaphandle kwamathandabuzo. Wala Lona, abaleke aye kungena endaweni, athi, "Ngoku ndizakuthi nje . . . Andifuni kwazi nto ngaLo. Ungakhe undixelele nto malunga nezi ziNto. Mna, mna andikholwa kwanto ngaLo. Wena, akunamsebenzi nokuba uthini na!"

87 Kukho umfo owathi, kungekudala kwithuba elidlulileyo. Ebendinixelela ngaye. Wathi, "Andikhathali nokuba ubunokuzisa amashumi amahlanu abaphethwe ngumhlaza, uze uze noogqirha abangamashumi amahlanu ukuba bangqine ngabo, andikholwa. Andikhathali nokuba ungavusa abafileyo kanye phambi kwam, andinakukholwa yiloo nto." Yabona, ikho engalunganga kuloo mntu. I—I—Ikho ke. Kwaye—Kwaye, nangoko, loo ndoda yayingumlungiseleli, yabona, yabona, imelwe kukuba ingumfundisi.

Kodwa ngenxa nje yokuba loo mbutho ungakholelwa ku—kumandla kaThixo, ungakholelwa kuloo nto (iLizwi) ukuba Lithetha kanye oko Likuthethayo, loo ndoda ibaleka iye kungena kwigumbi elingaphantsi, elidala elingundileyo, elimdaka elingcolileyo igumbi langaphantsi lombutho, ize ikumangale ukufudumala nemitha enika uBomi yoMoya oyiNgcwele, uYesu Kristu, isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ngoko ikho into ephosakeleyo kuloo mntu. Uyabona?

Kuye kungcono ukuba aphile koko kungunda, ebumnyameni, njalo njalo, kunokuba aphile ekuKhanyeni kukaThixo nakoko iBhayibhile itshiloyo, ukuthi, "UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani. Nemikhulu kunale niyakuyenza, ngokuba Ndisiya kuBawo waM." Ikho into ephosakeleyo kuloo mntu. Ngaphandle kombuzo, konke, ikho into engundonakele.

88 Yaye kuwe mntu uphulaphule oku, kwihlabathi jikelele nokuba uphi na. Kukho into engundonakele kumava akho, xa

usithi uyamthanda uThixo uze wale iLizwi laKhe. Kukho into ekhoyo. Wala kwaloo nto. . . Akumangalisi ukuba ezi zinto zingenako, ibandla libe likule meko likuyo nje, zibe izinto zingenakwenzeka njengoko uThixo wathembisayo, kungokuba awufuni nokwamnkela iLizwi okanye uhambe ekuKhanyeni. IBhayibhile ithe, "Masihambe ekukhanyeni, njengokuba Yena esekuKhanyeni, ngoko iGazi likaYesu Kristu, uNyana kaThixo, liyasihlambulula kuso sonke isono." Isono ku "kungakholwa."

89 Ngoko ukuba sihamba ekuKhanyeni esikuphiwe nguThixo kwalo mhla, ngoko uThixo uthabatha elaa Lizwi kubonelelwe ngalo kweli lixa alingqinele.

Kanye njengokuba Wenzayo kwiGenesis 1:3, wathi, "Makubekho ukukhanya," kwaze ukukhanya kwavela. ILizwi laKhe laphuma, kwaze ukukhanya kwaLilandela, kwaze kwagabula yemnka inkungu. Baze ubumnyama baya kwenye ingxingwa, nokukhanya kwakhanya kwelinye icala.

90 Nantso indlela enza ngayo namhlanje uThixo. Uthumela iLizwi laKhe lelilixa, aze uMoya oyiNgcwele eze alenze liphile eloo Lizwi. Buze ubumnyama buhambe buye phezu kwemigaqo namahlelo, kodwa ukuKhanya kuyakhanya ngokuba kuliLizwi likaThixo lingqinelwe lokuba iLizwi laKhe liyinyaniso. Ngoku, akukho nto iyintsomi malunga naloo nto, loo nto ngokuchaneke kanye siSibhalo. Kulungile.

91 Ngoku, sifumanisa ukuba i—izazi, izazi zakuDala, zalandela into ekubonelelwe ngayo nguThixo. Zalandela iLizwi likaThixo, ukuya ekuKhanyeni, ngokuba yayiliLizwi elazisa uBomi. Ngoku uthi, "Zalandela njani?" Kulungile, zazinjalo, kuhlobo, lweenzululwazi zeenkwenkwezi, siyayiqonda loo nto.

92 Size ke sifumanise ukuba uBhileham, umprofeti, kudala kwiNumeri 24:17, uBhileham wayeluhlobo oluthile lwenzululwazi yeenkwenkwezi okwakhe. Wayengumprofeti, ngenene, waze waprofeta apha, wathi iNkwenkwezi iyakuvela iphuma kwaYakobi.

Ke xa ezi zazi zabona iLizwi likaThixo lithe iNkwenkwezi iyakuvela iphuma kwaYakobi, zalandela loo mqondiso mncinane siwuphiwe nguThixo ukuya kumthombo wokuKhanya okunguNaphakade.

Baya kwenjenjalo nabantu abalumnkileyo namhlanje, abangamfanyekiswanga yimigaqo, bayakulandela oko bakuphiwe nguThixo, iLizwi elithethiweyo bade babone ukuzaliseka kwaMandla kaThixo edubula evela ngeli lixa. Bona, bayawabona, baze bazi ukuba alapha eSibhalweni. UThixo wathembisa ngawo kulo mhla.

93 Akunamsebenzi nokuba ayemangaphi na amaziko ezophando ngesibhaka-bhaka, zazingaphi na ezinye izinto,

ezaxelela ezoo zazi, “Kutheni, niphulukene nengqondo yenu!” Yaba yiminyaka emibini ziseluhambeni. Zadlula kwizizwe ezininzi, yaye babeye bathi, “Niyaphi?”

94 “Owu, sibone iNkwenkwezi yaKhe eMpuma, yaye size kuMnqula.”

Zathi ke zakwenza umgca eYerusalem, iziko eliyintloko yobuhlelo, azizange zifumane mpendulo. Zenyuka zisihla ngezitrato, zikhwaza, “Uphi na Yena, ozelweyo uKumkani wamaYuda?” Kwakungekho nto bayaziyo ngaloo nto.

Ngoko, zabiza kwiLizwi, ukuze zifumanise. Zazilandele, zazi ukuba laa Nkwenkwezi yayizikhokelela ekuKhanyeni okunguNaphakade. “Sikhokele ekuKhanyeni kwaKho okugqibeleleyo.” Kwaye iLizwi lilo elikukhokelela ekuKhanyeni, ukuKhanya ke kuko okwenza iLizwi lingqineleke. Qaphela, zona yayingamadoda aziingqondi.

95 Yaye amadoda azizilumko namhlanje, hayi aba-. . . “Ubulumko behlabathi bubudenge kuThixo.” Zonke iinzululwazi zenu, nani bantu baxhomekeke ekufundeni okuthile okukhulu, okanye into ethile eyenye, eyakunixelela ukuba icukucezwa kanjani na i-atom; ayinakukunika Bomi. Akukho nto inokukunika uBomi ingelilo iLizwi elithanjisiweyo likaThixo. Lilo kuphela obunokuza kulo uBomi, kungeLizwi elithethiweyo laKhe.

96 Kwaye ilungile loo nto, ukwazi ukuba ungayicukuceza kanjani na i-atom. Ndinqwenela ukuba babe abazange bafumanise malunga nayo. Kodwa ukuba bona. . . Banyanzelekile ukuba benze njalo, ngokuba eli hlabathi liyajinga namhlanje. . . Kwanyanzeleka ukuba yenzeke, ukugqabhuza le mingxuma mikhulu isemhlabeni, ukuze kuphume olwaa daka lushushu luzale ngokutsha kweli hlabathi kwakhona, luwenze umhlaba omtsha; apho amalungisa ayakuhamba khona phezu kothuthu lwabangendawo, kwiMillenium uphumlo lweminyaka eliwaka, apho isono siyakuba sesilityelwe. Yonke into inendlela yokuzihlaziya. Nomntu, owanikwa ukuba aphile phezu kwalo mhlaba, ngobulumko bakhe, ukuthabatha umthi wolwazi endaweni yomthi wobomi, uyakuwutshabalalisa umhlaba awathi uThixo wamnika wona ukuba aphile phezu kwawo. Kodwa abo basephezu komthi woBomi, bayakuza kumazulu amatsha nomhlaba omtsha, apho kungekho kugula nakufa khona. UkuKhanya! UkuKhanya, Nkosi, sithumele ukuKhanya.

97 YayiziiNgelosi zikaThixo ezathi zabonakalisa ukukhanya phezu kwenduli, ukuze kukhokele abelusi ukuya ekuKhanyeni okunguNaphakade. Yabona, buza kuphela ngokuKhanya. Ubomi bunokuza ngokuKhanya kuphela. Abelusi, befuna ukwazi. Uyazi, xa ukumkani ezalwa, baba nokucula, nokuvuya

kakhulu, xa kuzelwe ukumkani. Ngoku, Yena wazalwa ngendlela efihlakeleyo kakhulu, wazalelwa estalini, e—emkhombeni wesitali apho iinkomo namahashe zazisidla khona, ukanti ke WayenguKumkani. Ne—Neengelosi zehla zaculela abelusi amaculo, ekuKhanyeni.

IiNgelosi, ngokwazo, zazikukukhanya okwabonakalaliswa neLizwi likaThixo. Zazinalo iLizwi likaThixo, zabaxelela, "Namhlanje, emzini kaDavide, eBhetelehem, kuzelwe uKristu uMsindisi." IiNgelosi zazineLizwi, kwaye iLizwi leza ngokuKhanya, ukuza kukhokela. Baze balandela iLizwi leeNgelosi, ukuya ekuKhanyeni okunguNaphakade. Balufumana uSana apho, lusongelwe kumaniki-niki eeqhiya, njengoko Zazitshilo. Kuba, uyabona, uBomi buza ngokuKhanya kuphela.

98 Qaphela, Yena wayeliLizwi lenziwe ukuKhanya, okanye libe kukuKhanya. ILizwi kweso sizukulwana, yayinguYe iLizwi lokuKhanya leso sizukulwana, ngokuba abaprofeti bakudala babethethile ngaYe, yabe inguYe lowo efika angqinele ukuba Yena wayekuKhanya kweLizwi elithethiweyo likaThixo. Uyabona? Bonke abaprofeti babe—babetshilo, babezalisekile kuYe, yabona, abaprofeti balapha kudala abakunye neLizwi apha.

Njengokuba wayenjalo uThixo ekuqalekeni, xa Wathi, "Makubekho ukukhanya," kwaze kwafika ukukhanya.

Ngoku umprofeti wathi, "Intombi iyakumitha, izale uNyana. IGama laKhe kuthiwe ngu-Imanuweli, kuba Iyakuba nguThixo enathi." Ngoku, babeyithethile, iLizwi laliphumile; kodwa Yena wayekukuKhanya. Wayeyintoni Yena? Yinzaliseko. Haleluya! Wayeyinzaliseko yeloo Lizwi. Wayesisibonakalaliso seloo Lizwi.

99 Kunjalo namhlanje, iLizwi likaThixo lizaliseke ngelixa! Nako ke ukuKhanya. NguThixo eZibonakalalisa. WayekukuKhanya kwehlabathi.

100 Kwaye xa abaprofeti, bephefumlelwe nguMoya oyiNgcwele, bathi, "Sizalelwe uMntwana, sinikwe u—uNyana, okanye uMntwana simnikiwe; iGama laKhe liyakubizwa ngokuba ngu 'Mcebisi, uMthetheli woXolo, uThixo Oligorha, uSonini Nanini,'" yayinguye lowo. Wayeyintoni Yena? WayekukuKhanya okwazalisekisa elaa Lizwi, amen, ukuKhanya okwazalisekisa eloo Lizwi.

101 KuMateyu, uMateyu oNgcwele isahluko sama-28, sifumanisa loo nto. Kwaye xa uYesu wavukayo kwabafileyo, naYe wayekukuKhanya kweLizwi elithethiweyo likaDavide, elathi, "Andiyi kuwushiya umphefumlo waKhe kwelabafileyo; ndaye Ndingayi kuMnikela OyiNgcwele waM ekuboneni ukubola." Ukufa kwakusebumnyameni. Kodwa Wawaqhaqha

amatywina okufa, wangena kuwo, wabuya waphuma kwakhona. WayekukuKhanya, iLizwi elingqinelweyo, lokuba abafileyo banokudla ubomi emva kokuba befile. Wayekuko.

102 NgoMhla wePentekoste, nako ukuKhanya okwabonakalayo xa uMoya oyiNgcwele wafikayo.

U-Isaya wathi, kwisahluko sama-28 sika-Isaya, u-Isaya wayithetha loo nto, ukuthi, "Umthetho phezu komthetho; umgca phezu komgca; intwana apha, intwana phaya." "Bambelela koko kulungileyo." "Kuba Ndiyakuthetha ngemilebe ethintithayo nangalwimi zimbi kwaba bantu. Naku ukuphumla, le yiSabatha eNdiyakuyinika . . . Kwaye yonke loo nto abayi kuyiva; bayakumnka, bahlunguzele iintloko zabo."

Yaye xa ngoMhla wePentekoste, xa uMoya oyiNgcwele wehlayo phezu kwabo bantu, baze benza njengamadoda anxilileyo nabafazi, begxadazela phantsi koxinzelelo loMoya oyiNgcwele. Bahamba bemnka behlunguzela iintloko zabo, bathi, "Aba bantu banxilile, bazaliswe yiwayini entsha," nezinto ezinjalo. Eneneni ke yayikukuKhanya, iLizwi elaliprofetiwe, libonakalalisiwe.

103 Kunjalo kwisigaba ngasinye, iLizwi lenziwe labonakalaliswa, langena eBomini, likukuKhanya kweso sigaba sexesha, nalo iLizwi libonakalalisiwe. Kanye njengokuba kwakunjalo kwiGenesis 1, xa uThixo wathi, "Makubekho ukuKhanya," kwaza kwakho ukukhanya. Xa uThixo wathi kuyakubakho uNyana; waze wakho uNyana.

104 Xa uThixo wathi, kuYoweli 2:28, "Kuyakuthi ngemihla yokugqibela, Ndiwuthulule uMoya waM phezu kwayo yonke inyama; oonyana benu neentombi zenu bayakuprofeta; phezu kwabakhonzi nabakhonzazana baM ndiwuthulule uMoya waM; amadodana enu ayakubona imibono; amadoda amakhulu aphuphe amaphupha." Yaye zonke ezi zinto wathembisa ngazo, xa Wona, uMoya oyiNgcwele wehlayo, wawukukuKhanya phezu kwelo Lizwi. Xa iLizwi lenziwa labonakala, ngoko Laba kukuKhanya.

Yena ukukuKhanya. UkukuKhanya esimelwe kukukulandela. Nguye kuphela ukuKhanya. IiNgelosi zafumana ukuKhanya, zakulandela ukuya kuYe.

105 Ngoku, kuzo zonke izigaba zexesha, uThixo ubeke okungako kweLizwi laKhe ekubekela isigaba ngasinye sexesha. UThixo uhlala ethumela umntu othile njalo ukuze eloo Lizwi libe nokungena kuye libonakalise ukuKhanya kwaLo. Ukuze, sonke isigaba sexesha, senze into enye, sihlale sisenza loo nto njalo.

106 Yena wayeyinzaliseko, njengokuba benditshilo, yabo bonke ubuNgcwele, amandla angcwele abaprofeti. Babengoothixo abancinane. Xa iLizwi leNkosi lathi leza ebantwini, uYesu

watsho, ngokwaKhe, ukuba wayenguthixo. Niyayazi loo nto. Wathi, “Ukuba umthetho wenu watsho, noobawo benu phaya kudala, bababiza, abo lathi iLizwi likaThixo leza kubo, bababiza ngokuba ‘ngoothixo,’ ningathini ukuNdigweba, nisithi, xa Ndithe, ‘NdinguNyana waloo Thixo’?” Yabona?

Ngeli thuba, nkqu uThixo ngokwaKhe, Wathetha iLizwi ngabaprofeti, Wayesisibonakalaliso seloo Lizwi lithethiweyo. Yaye ukuba umprofeti wayebizwa ngokuba nguthixo, ngokuba wayesisibonakalaliso seLizwi lomnye umprofeti, ningaMgweba njani xa Ekwayiloo nto inye? WayenguNyana kaThixo, njengokuba Eyakubizwa ngokuba unguNyana kaThixo.

107 WayenguMesiya ekwakuthenjiswe kudala ngaye ihlabathi elalimlindele. WayenguMesiya wedinga ebonakalalisiwe.

108 Khangela kuYe xa Wayemi apho. Wathi, “Ukuba andiyenzi imisebenzi kaBawo waM, ngoko Ndigwebeni.” Yabona? “Kodwa ukuba anikholwa ndiM, kholwani yiyo imisebenzi eNdiyenzayo. Yona ingqina ukuba NdinguBani na. Iyanixelela ukuba NdinguBani na.”

Uyabona, obo bumfama, iyure enobumnyama ababephila kuyo, babengenakuYibona loo nto. Babengaqondi nje konke. “Angayiloo Nto njani Yena? Angathini ukuba nguye nawuphi na uNyana kaThixo, ngeli thuba wayezalelwe kanye apha ezantsi eBhetelehem?” Ukuba babazile nje, iLizwi Lalithe laliyakuza ngolo hlobo. “Kuba, uYise, uYosefu, ungumchweli. Unina, kuba, eneneni phakathi kwabantakwethu kukholelwa ekubeni Yena wazalwa ngobugqakhwe.” Yabona? Ukanti nangoko iLizwi likaThixo laliyithethile loo nto.

109 Wathi, “Ziphengululeni iZibhalo, kuba nicinga ukuba ninoBomi obunguNaphakade kuZo, zibe Zona Izizo kanye ezingqina ukuba NdinguBani na. Zizo kanye Ezingqina ngaM, iZibhalo eziNgcwele.” Ngoko ke Wayeyintoni? KukuKhanya kukaThixo. Akumangalisi ukuba abe Wathi, “Mna ndikukuKhanya kwehlabathi.”

110 Akazange Atsho nje kuphela, “NdikukuKhanya,” koko Wathi, “Nina nikukuKhanya.” Ukuba iLizwi laKhe lingaphakathi kuwe, liZingqinela, ngoko ukukuKhanya kwehlabathi. Qaphela, sifumanisa ukuba, ukuKhanya kwesigaba ngasinye sexesha kwabonakalaliswa ngendlela efanayo kanye.

111 Ngoko ndifuna ukubuza umbuzo, njengoko . . . kuba ixesha lethu liyaphela. Kwakutheni, kwakutheni ngoko ukuba babe . . . babe bamala? Babenokuyenza njani loo nto, xa i . . . Kwa iBhayibhile yabo, ababeyifunda, yayibonakalaliswa phambi kwabo. Ngoku fundisisa nzulu ngenene ngoku.

112 Ngoku khumbula, ndithetha kubantu abaninzi ngeli xesha, uyabona. Hayi nje amakhulu amane okanye amahlanu alapha, koko ndi—ndithetha kumawaka amaninzi.

113 Yima nje okomzuzu. Misa isidlali-makhasethi sakho ubuze loo mbuzo. Kwakutheni ukuze amadoda angawenkolo, amadoda alungileyo. . . Kwakutheni ukuze uYosefu abe nombuzo? Yabona? Kwakutheni ukuze uYo-. . .? Kungokuba akazange aziphengulule iZibhalo.

Kwakutheni ukuze ababingeleli babe nombuzo? Sinye isizathu sokuba babe benza loo nto; babeyazi. UNikodemo wayicacisa ngokupheleleyo. Wathi, "Rabi, siyazi ukuba ungumfundisi ovela kuThixo Wena. Akukho mntu unokuyenza into Oyenzayo ngaphandle kokuba abe uThixo unaye. Siyayiqonda loo nto." Kodwa yintoni na? Zizithethe zabo ezababamba ukuba bangayenzi loo nto.

114 Ngoko kwakutheni ukuze babenjalo, ukuze babe bamala uMesiya? Kungoku. . . Kwakutheni ukuze bakwale ukuKhanya? Nali iLizwi ababesazi ukuba lalizakwenzeka, kodwa xa iLizwi labonakalaliswayo ukuze libonakalalise iLizwi likaThixo ukuba lizalisekile, thelekisa loo nto nanamhlanje. Yabona? Xa apho, kubhaliwe eLizwini, oko kuyakwenzeka, ngoko kwakutheni ukuze loo madoda ayale loo nto; abafundisi? Kungokuba babephila elitheni lokunye ukukhanya. Yiloo nto. Babephila kwilitha.

Yiloo nto abayenza namhlanje. Baphila. . .

Isizathu sokuba balimangale kungokuba baphila kwilitha lokunye ukukhanya. Yabona? Ngoku, babephila elitheni loko wakuthethayo uMoses, babebanga oko. Babephila kwilitha loko (esinye isigaba sexesha) esasidlule.

Yaye naso kanye isizathu namhlanje sokuba lo Myalezo, wokuba, "UYesu Kristu isekwanguye," ube uyaliwa, kungokuba abantu baphila kwimitha yezinye izigaba. Seso sizathu sinye abaya kuWumangala ngaso. Ngoku siyaqaphela.

115 Kwaye uWebster, utsho, ukuthi, "Ilitha luhlobo oluthile lokukhanya kobuxoki. Ilitha kukukhanya kobuxoki; yiloo nto inye ibengezelayo."

Kanye—Kanye ngokwesanga endleleni. Uhla ngendlela, abaninzi benu baqhuba iinqwelo-mafutha, ukhangele ezantsi phambi kwakho. Xa ubona elaa langa liphezu komhlaba, utsala ukukhanya okuthile, kanye njengesanga, kukhangeleke ngokungathi kukho amanzi kuyo yonke indlela. Kodwa, wakufika apho, akukho nto apho. Bubuxoki nje, besanga, ilitha lokukhanya kwenene.

Yiloo nto eyenziwa ngumtyholi namhlanje, kukubonisa abantu isanga, iBhunga leeNkonzo, iqela leemvaba, eliyakujika libeyinto ebubuxoki. Ngokuba, kungenxa yokuba kukho ukuKhanya kwenene okukhanyayo. Okuya kuKhanya kwenene kwakungakhanyi, ngekungazange kubekho sanga.

UkuKhanya kwenene kuyabengezela. Kona ke kuku-. . . Bahleli kwilitha lesinye isigaba sexesha, enye into, kuba yenzeka yadlula.

Ngoku, ilitha, esi sanga sibubuxoki. Sililitha lelanga.

116 Yaye kuyiloo ndlela, benza kwaloo nto, ilitha lobuxoki lokuKhanya kwenyaniso.

117 Ngoku, oko kwaqondakala ukuba Yena wayekukuKhanya kwenyaniso. Yayinguye ukuKhanya. Kwakutheni ukuze bangazi ukuba WayekukuKhanya? Wawunokwazi njani ukuba Yena wayekukuKhanya? Ngenxa yokuba iLizwi elalithenjisiwe lenziwa labonakala ngaYe, ngoko Yena wayekukuKhanya kwelo Lizwi lithethiweyo. Amen! Owu, loo nto inokuphantsa indenze, ndibe ngumBhaptizi ongumPentekoste, ndikhwaze. Qaphela, yicinge nje!

118 Ilitha, yabona, ukuphila elitheni! Kodwa xa iLizwi lenene liphila, kukuKhanya oko, oko kwathethwa nguThixo.

Ngoku, kube yini ukuba uThixo wayethe, ekuqalekeni, "Makubekho ukukhanya," ehe, kwalunga, kwaza kwakho into eyenye evelayo, yabona, isanga nje? Yabona, ngeyayingekuko, nangoko, oko kwathethwa nguThixo. Hayi, ngeyayingekuko. Kwakunokuthini ukuba uThixo wayethe, "Makubekho ukuKhanya," kwaza kweza enye inkungu? Yabona, ngekwakungazange kukhanye. Kodwa, isizathu sokuba kufike ukukhanya, kwakuliLizwi laKhe libonakalalisiwe.

Kwaye namhlanje, xa uThixo ethethe izinto ezinje ukuba ziyakwenzeka ngeli xesha, nize nikubone kuzenza, (yintoni na?) kukuKhanya phezu kweLizwi likaThixo. LiLizwi lenziwe ukuKhanya, liZibonakalalisa.

119 Ngoku, bathi, "Uthi Wena singoobani na? Kuba," wathi, "Nizama uku. . . Siyazi ukuba Uphambene. Kuba, unguMsamariya; awukho ngqondweni yaKho ipheleleyo. Ke, uzama uku. . . Ngubani onokuxelela. . . Siyazi ukuba Wena wazalelwa esonweni. Asikwazi apho Uvela khona. Asinanto ibhaliweyo ingesazisi saKho kumaqela ethu. Kuba, Uphambene. Unedemon." Yabona? Bathi, "Kuba, uphulukene nengqondo yaKho." Kodwa eneneni Wayengowenene, ukuKhanya kwenene kukaThixo, kukhanya.

Ilitha ke lona lalicinyiwe, lawavala amehlo abo. "SinoMoses ongumkhokeli wethu!"

120 Wathi, "Ukuba benikholwa kuMoses, ngenindazile Mna."

121 Kwaye ukuba ungakholwa kuYesu neBhayibhile, ungayazi le yure uphila kuyo. Bathi, "Ke, singaMakristu. Si. . . " Ukuba beningawo, ngenizazi izenzo zikaKristu zalo mhla. 'Yabona, ngeniyazi loo nto.

122 UYesu wathi, "Bonke abo baprofeti bathetha ngaM. Kwaye ukuba benikholwa kwabo baprofeti, kuba, beniyakuNdazi.

Imisebenzi yam iyabonakalalisa. Ngokuba, oko yathi Ndiyakukwenza, Ndiyakwenza. Ngubani ke onokuNdigweba ngoku ngokungakholwa?"

123 Nangoko ke abazange bayibone. Kuba? Amehlo abo ayecinyiwe, ngelitha; yabona, ilitha lento ethile ababeyithathe ngokuba yayiliLizwi leNyaniso elithethiweyo. Ngoku yicinge. Yicinge loo nto. Babebanga ukuba babekholwa kweloo Lizwi. Kodwa izithethe zabo zazibujikile ubuso babo bemnka kwiLizwi lenyaniso, baya kwilitha, ngoko ke babengenakuyibona into eyinene.

Kunjalo namhlanje. Kwahlala kunjalo kwisigaba sexesha ngasinye. Yabona, i—iLizwi lenene liyakhanya, kodwa babopheleleke kwizithethe kangako, ngokokude, babe abanakulibona iLizwi elo. Bakhangele elitheni, baze ke bamfameka. Ilitha liyakukumfamekisa. Kukho isangqa semitha yalo. Iyakukuphanyaza. Kwaye, iyakwenza njalo, xa . . .

124 UYesu wathi, "Nizimfama, zikhokela iimfama." Babemelwe kukuba bakubone, babone ukuba WayenguBani na. Kodwa abazange babone, ngokuba babephila kweloo litha.

125 Ngoku, ilitha, njengoko benditshilo, kukukhanya kobuxoki, isanga, kukuqonda ngendlela engeyiyo ukuKhanya kwenene. Ukuqonda ngendlela engeyiyo; yinto ethile e—emelwe kukuba ibe ngathi kuKo, kodwa ingeyiyo loo Nto.

126 Ngoku inye indlela ekuphela kwayo ababenokuwuqaphela ngayo umahluko, kungokuba kwa ezo zinto wazenzayo uYesu zaqondakalisa ukuba WayenguBani na, ukuba Yena wayekukuKhanya oko. Babecinga ukuba babesekuKhanyeni. Kodwa ngoku ukuba ungema nje umzuzu uqwalasele ukuba ngubani na osekuKhanyeni, ngoko.

127 Ngoku, namhlanje! Ukuba imposiso embi olo hlobo yenziwa ngamadoda enkonzo aloo mhla, into embi kangako yenziwa, bazalwana, anicingi ukuba ikwalixesha lokuba sime siqwalasele ukuba kuyintoni na ukuKhanya? Masingayenzi imposiso embi olo hlobo. Kodwa niyayenza. Seniyenzile, yabona, nabe ningayazi, kanye njengoko babenjalo ngoko. Ngoku yima umzuzu nje ufumanise ukuba lithini na iLizwi ngonamhlanje.

128 Ukuba babemile bacinga, "NguYe lo ezalisekisa, igama negama, ngokuchanekileyo kanye oko iLizwi lathi Uyakukwenza."

Kwaye Wabamema, njengoko ndinimemayo nam! Yabona? Yabona? Ndiyanimema ukuba nikhangele eLizwini, ziphengululeni iZibhalo, nibone ukuba asililo na eli ilixa. Uyabona? "Ziphengululeni iZibhalo, kuba kuZo nicinga ukuba ninoBomi obunguNaphakade, zibe Zona Zingqina ngaM."

ZiZo ezingqina ngalo msebenzi namhlanje. Imisebenzi ngokwayo iyangqina ukuba iyenziwa, sibe iSibhalo sisithi iyakwenziwa, ngoko ikukuKhanya kwale yure. ILizwi likaThixo latsho.

129 Izithethe zenu nezinto ezinjalo ziyiloo nto kanye yathi iBhayibhile ziyakuba yiyo, njengabo bahlunguzela iintloko zabo bemnka. "Zonke izithebe zizaliswe ngumhlanzo," yatsho iBhayibhile. Nako ke apho babekhona. Babengenakuyikholelwa loo nto. Banikina iintloko zabo. Kwaye, manene, niyaqaphela? Kwaye, bazalwana, niyayiqaphela lento, ukuba, xa usala kwaloo nto uThixo ayingqinelayo phambi kwakho, ukuba wenza kwaloo nto inye bayenzayo, ubuyela emva emhlanzweni wakho wezithethe?

130 "Njengenja ibuyela emhlanzweni wayo." Ukuba loo nto yamhlupha kwixa lakuqala, iyakumhlupha nakwilixa lesibini. Ukuba ibandla lobuKatolika, lilelingumbutho laza lenza umbutho wokuqala, lezisa ukufa ebandleni; liyakwenza njalo nelamaLuthere, elamaWisile, nawo ewonke kuwo, iBhaptizi, iRhabe, nezakwaMoya. "Inja ibuyela emhlanzweni wayo, nehagukazi ekuzityika-tyikeni kwayo." Yabona? Sizakufikelela kuloo nto emizuzwaneni embalwa, iNkosi ithandile.

131 Ilitha, ukuhamba elitheni, yabona, isangqa, ukuqonda okungekuko kokuKhanya kwenyaniso. Waqondakalalisa ukuba WayekukuKhanya.

Ngokuba, Yena, njengokuba e. . . kwaba mbalwa kakhulu, owu, bethu, izigidi zichasene naYe! Kwakungekho nesinye kwisithandathu sabantu, nesinye kwithoba ebantwini, phezu komhlaba, esakhe sazi ukuba Wayelapha. Hayi, ndiyaqikelela, isinye—isinye ekhulwini kumaYuda, kungenjalo yayingomnye kumashumi amahlanu awo, okanye owamashumi amane kubo, ndingatsho, mhlawumbi nangaphantsi koko, kwabelizwe ElilelakoWabo kanye, owakhe wazi ukuba Wayelapha. Ukuze abo baziyo ukuba Wayelapha, baMbalele ekuthini yinto ethile ebubuxoki, ngokuba ihlelo lalibaxelele ukuba yiloo nto Awayeyiyo. Yabona?

Kodwa nangoko WayekukuKhanya ekwakuthethwe kona ukusukela kwiGenesis, ekuqalekeni, waze wabaxelela ukuba baziphengulule iZibhalo bafumanise ukuba Wayengaphili kanye ngelo xesha na; ukuba Yena, imisebenzi Awayenzayo, yayingazalisekisi kanye oko kwakubekwe ngedinga kweloo xesha na. Amen. Owu!

132 Yinto ebaluleke kangakanani, mzalwana! Siphila kwilixa elingummangaliso.

133 Waqondakalalisa ukuba wayengonyanisileyo. Wayekoko kuKhanya kanye babebanga ukuba babenqula kona. Babebanga ukuba babenqula oko kuKhanya.

Kwaye kunjalo namhlanje. Babanga ukuba banqula Kona. AbakwaMoya babanga loo nto. Babanga ukuba banjalo, babe bemfameke kangangokuba bangabi nakubona. Kuba? Bazenza umbutho, baze, kube kukho ilitha ebusweni kubo. Yabona? Sisithethe into ebangela ukuba ihlanganise abantu, baze bathi, "Sizakuhamba senze *oku* n*oku*, no*ku* no*kuya*." Ngoku sizakuza ekubeni kutheni ukuze kwenzeke loo nto, iNkosi ithandile.

134 Qaphela, imisebenzi yaYo yayiliLizwi eliphilayo ngokwaLo. Into Awayeyenza yayiliLizwi eliphilileyo ngokwaLo, libonakalisa ukuba WayekukuKhanya ekwakuthenjiswe ngako ukusukela ekuqalekeni kwehlabathi. Wayekoko kuKhanya. UkuKhanya kwiLizwi lesithembiso sesigaba sexesha kwenza ukuba Liphile kanye oko idinga lathi Liyakukwenza, kodwa babeLijike kangangokuba bangabi nakuLibona. Yabona? Kodwa Yena wayekukuKhanya kweso sigaba sexesha.

135 WayekukuKhanya ababebanga ukuba banqula kona. Babecinga ukuba babenqula uThixo wendalo kanye. Babephila benqula kwilitha elithile, noYesu wathi, "NiNdinqula ngelize, nifundisa iMfundiso yabo yezithethe zabantu, hayi iLizwi." Nguye iLizwi, kwaye WayeliLizwi libonakalalisiwe. Babemelwe kukuyazi loo nto.

136 Ndiyathemba ukuba ingagqobhozela loo nto, naphi na apho iviwe khona, yabona, ukuba iliLizwi libonakalalisiwe. "Owu," uthi, "owu, sinalo iLizwi." Kuba, iLizwi, wonke umntu uyayiphatha iBhayibhile, ofuna ukuyiphatha. Kodwa, xa iLizwi lingqinelwe, lenziwe labonakalaliswa!

Kuba, uthi, "Ke, siyakholwa!"

137 Ewe, mhlekazi, babekholwa, lonke eloo xesha. NoSathana uyakholwa. Abo baFarisi, ngubani owayenokubagweba bengakholwa? Kodwa babengakholwa kwiLizwi lelo lixa. Babenqula kwilitha lento ethile eyenye.

Yiloo nto inye abayenzayo namhlanje. Yabona? Bagcine okukaLuther ukupro-. . . izithethe okanye—okanye izithethe zikaWesley, nabo bonke abanye, isithethe sakwaMoya. Kodwa kuthiwani ngelixa?

AbaFarisi babezigcina izithethe zabo. Kodwa ngaphaya kwezithethe zabo kwakukho iLizwi eliyinyaniso likaThixo lisiza likhanya, kwaze, Lakwenza njalo, lawamfamekisa amehlo abo. Abazange babe nakuLibona kuba babejonge enye into.

Kunjalo namhlanje! Wanga uThixo angayenza ingene nzulu, ngokokude eneneni ibachane abantu abamelwe kukuyikholelwa. Liphelile ixesha kunokuba ucinga.

138 Unyana wam, uBilly Paul, uyathetha xa elele, kodwa akaphuphi qho. Wakhe waphupha lalinye ngobunye ubusuku elathi lamchukumisa. Wathi waphupha esenkonzweni ethile, kwaye—kwaye babe. . . Ndandingekangeni.

Wathi, ndathi ndakungena, kwabe kubhabha umlilo uphuma emehlweni, ndaze ndathi, “Lifikile ilixa. Liphelile.”

Waze wonke umntu waqalisa ukukhala, “Andinako! Abantwana bam!”

139 Kwaye nkqu nenkosikazi yam yathi, “Andikwazi nokucela uSarah ukuba asikelele itafile, njalo njalo.” Ndaze ndathi . . .

Wathi, “Kumelwe ndiye kulanda uLoyce no—nosana oluya.”

140 Ndathi, “ULoyce akanakuza ngoku. Usana luseluncinci kakhulu ukuba lube nento oluyaziyo. Billy, iyure ifikile. Sinyanzelekile ukuba sihambe.” Ndathi, “Kusezinzulwini zobusuku ngoku. Phambi kokuba kuse, uYesu uyakube elapha. Ukuba akwenzekanga njalo, ngoko ndilingqina lobuxoki likaKristu.”

Kwakho umntu othethayo, wathi, “Akukho mntu uwaziyo umzuzu nokuba yiyure.”

141 “Andizange ndiwuchaze umzuzu okanye iyure. Ndathi, ‘ngexesha elithile phakathi kwangoku nokusa.’” Ndaze ndathi, “Masi—masihambe.” . . . ? . . . Ndathi, “Kodwa sikwelo lixa. Masihambe.”

Saze sangena enqwelweni, ndadumisa, senyuka intaba. Sathi sakwenza njalo, kwakhangeleka ngathi kukho ukukhanya okuzayo esibhaka-bhakeni, kodwa kumnyama phezu komhlaba. Wathi ndatsalela ecaleni lendlela, ndaza ndaphakamisa izandla zam ngaphaya ngolu hlobo, umlilo usabhabha uphuma emehlweni am. Waze wathi ndathi, “Nkosi, oku ndikwenze ngokomyalelo waKho. Ndenze nje oku ngenxa yokuba Wena undixelele ukuba ndikwenze ngolu hlobo. Ezi zinto ndizenze ngokoko Wena wandixelela kona.”

Ndaze ndabheka ngakwintaba enkulu yamatye awomeleleyo; kwaze u—ukuKhanya, kungengazandla, kwaqephula iLityе liphuma kuloo ntaba, lingamakhulu eetoni ubunzima, nalo ke Lisiza. Ndathi, “Jikani iintloko zenu; musani ukujonga. Kuza kudlula konke oku kwimizuzu embalwa.” Wathi, kwaza kwakho ulwandile olukhulu lobungcwele lufika kuyo yonke indawo, njengoko eli Litye lalisiza kuloo ndawo.

142 Lisenokuba liphelile ixesha kunokuba sicinga. Apho, yabona, ingokweSibhalo kanye loo nto, uyabona, “ILitye, kungengazandla, lithwebuka entabeni.”

Yaye ngolunye lwezi ntsuku kuyakuba lolo hlobo, xa uyakube ukhalela into ethile. Ndathi kubo, “Besenilifumene eloo thuba. UThixo ethe rhoqo ukuniyala, amatyeli ngamatyeli. Ewe.” Ndathi, “Nditsho nokuba ngowam umntwana, okanye nokuba ngubani na, ilixa lifikile. Ndinokuthetha kuphela oko Andixelele kona ukuba ndikuthethe, kwaye kuyakwenzeka,” kwaze kwenzeka.

Kwathi—Kwathi ngoko ngesiquphe [UMzalwana uBranham uqhwaba izandla kanye—Mhl.], nanko Esiza, "iLityе elathwebuka entabeni, kungengazandla." UDaniyeli wayibona loo nto, uyazi, kudala phaya kwiminyaka emininzi eyadlulayo. UBilly kwakungekho nto ayaziyo malunga naloo nto, koko yayili—yayiliphupha elithunyelwe kuye livela eNkosini.

143 Ngoku, uyabona, babanga ukuba banqula loo Thixo kanye babehlekisa ngaye. Kwaye kwaloo nto inye ibuyele emva kwakhona namhlanje, ngesizathu esinye, ukuphila kwilitha endaweni yokuKhanya. IZibane ezikhulu zinokukhanya. Kulungile.

144 Khangela ukuba bobunjani bona ubumnyama esikubo namhlanje! Khangela ukuba yintoni na eqhubekayo namhlanje! Khangela ubugwinta, udlwengulo, ukrutha-kruthwano! Kuba, iyazaliseka. Ndiyakholwa ukuba yayinguBilly Graham owathi, kwinkonzo yakhe yokugqibela, "Kwiminyaka elishumi ukusukela ngoku, wonke ummi waseCalifornia uyakunyanzeleka ukuba aphathe umpu ukwenzela ukuzikhusela. Akukho mthetho waneleyo unokunyanzeliswa usebenze." Abantu baphambene nje; kuyadutyulwa, kuyagwintwa, neziganeko zodlwengulo, yonke into, yabona. Yonke into iyindlobongela nje, yabona, apha phezulu ezitratweni. Yabona, yi—yimini esiphila kuyo leyo, imini yaseSodom. Yabona?

Kodwa kukho ukuKhanya okukhanyayo! Ukuba nje banokukhangela, ukuba nje bangabona, bakhangele eLizwini babone ukuba yintoni na emelwe ukubakho ngeli lixa, bangazi ukuba yintoni na le kuzanywa ukwenziwa yona.

145 Ngoku, babanga ukuba banqula oko kuKhanya, ngokunjalo nabo babebanga ukuba babenqula oko kuKhanya, kodwa babenqula kwilitha lokunye ukukhanya endaweni yoko kwenene. Yabona? Yayinguye ukuKhanya.

146 Imigaqo nezithethe, ibajikile ekuKhanyeni kweNyaniso kweLizwi ledinga. ILizwi athe uThixo walingqinela, ngoYesu, ukuKhanya kwehlabathi, weza walenza eloo Lizwi laphila kanye ngexesha laKhe, ngokungqinelana naloo mihla kanye. "Uyakunqanyulwa embindini weveki ezimashumi asixhenxe, kunjalo, oko kukuthi yiminyaka emithathu enesiqingatha yokuprofetha kwaKhe. UMesiya uyakuza, inkosana, aze aprofete, kuze ngeentsuku ezintathu ezineziqingatha zoku, aze ke Anqanyulwe asuswe kwabaphilayo, enze isicamagushelo." Kwaye ichanekile kanye loo nto. Washumayela iminyaka emithathu enesiqingatha. Laze elabo . . .

147 Kwaye kwalaa Ndumiso wathi uDavide, "Thixo waM, Thixo waM, UNdishiyeleni na?" INdumiso 22, "Onke amathambo aM, bakhangela kuM. Banikina iintloko zabo.

Badlula ngakuM." Kumakhulu asibhozo anamashumi amahlanu eminyaka, ngaphambi kokuba kwenzeke, xa uDavide wayecula eloo culo ekuMoya, kwaye yabalelwa ekubeni sisiprofeto esikhutshiweyo. Babewacula loo maculo etempileni ngeloo thuba kwa eloo Dini lalijinga emnqamlezweni, izandla zaKhe, zigqojoziwe. "Bagqobhoza iizandla zaM neenyawo zaM." Yabona? Yabona apho? Ngoko, kungoba? Babephila kwilitha. Abazange bakubone ukuKhanya.

148 Ucinga ukuba umntu osezingqondweni angayenza loo nto? Hayi kanye njengokuba ndingenakucinga ukuba umntu osezingqondweni angabaleka ehle angene kwigumbi elingaphantsi angene ebumnyameni, avale iingcango zakhe, athi, "Andivumi ukuba ndibone ukuba kukhona ukuKhanya." Yimpambano leyo.

Kwaye uphulukene nokomoya kwakhe, kwindawo ethile, xa umntu ebona laa Bhayibhile ukuba ithembise *oku*, aze akubone kuphila kanye phambi kwakhe kubonakalalisiwe, aphinde aqhubele phambili ehleli kuloo migaqo nezinto ezinjalo phaya ngaphandle aKwale. Bubuthsothsi ngokwasemoyeni obo. Injalo kanye loo nto.

149 YayinguYe lowo ngoku. "Wayeku—WayekukuKhanya kwehlabathi, laze ihlabathi alakwazi. . . Weza kwaBangabaKhe; aBangabaKhe abaMazi. Weza ehlabathini, ihlabathi ke lalenziwe nguYe, laza ihlabathi alaMazi." Yabona? "Ke abo bathi baMazi bonke, Wabanika igunya lokuba babe ngabantwana bakaThixo, kwabo bakholwayo kuYe."

150 Khumbula, asinakuphila ekukhanyeni kwezolo. Ukukhanya kwayizolo kudlule. Akusekho konke. Kona, ukukhanya kwayizolo, kuyinkumbulo nje ukukhanya kwelanga kwayizolo kuyinkumbulo kuphela, okanye, kuyimbali. Asinakuphila ekukhanyeni kwayizolo, asisenakwenza njalo. Yinto enye ke, nakuba isekwalelo langa, ilanga elinye, kodwa suku ngalunye luzisa ukomelela kwalo ukomelela okuthe chatha, ukuze luvuthiswe ingqolowa yesivuno. Yabona?

151 Ilanga liyafika namhlanje, liye lisomelela. Suku ngalunye ngoku liya lisomelela, lisomelela ngokuthe chatha kancinane, kude kuthi ekugqibeleni, ingqolowa, ebilele apho, i—iyakuqalisa ukufumana ubomi. Emva komzuzwana, u—ubomi buyakuhluma, buye busomelela kancinane, bomelele kancinane kunoko. NgoMatshi, u-Epreli, uMeyi, uJuni, uJulayi, iba sekuvunweni ngoko, uyabona. Kwa elo langa linye lisakhanya namhlanje, ngo—ngoJanuwari okanye uDisemba, ibheka phezulu iqubha ekhephini linyibilika lisihla kulaa ngqolowa, liyizisela amanzi; ikwalilanga elilnye, kodwa laa

ngqolowa ayinakuphila koko kukhanya kunye ngoJuni. 'Yabona, ayinakuyenza loo nto. Yabona, ilanga liya lisomelela ngokomelela suku ngalunye, nengqolowa ke imelwe kukuba yekhulileyo kancinane ukuze yamnkele oko kukhanya kwelanga.

152 Nantso ingxaki yanamhlanje. Ingqolowa eyahlwayelwa koobawo bamandulo, phaya kudala ku—kuLuther noWesley nabanye, yanqaphela; ayimelani noNyana. UNyana uyayibulala. Yakwala ukukhula. Yabona? Yazinqamla, yazikhupha kwisiqu, ngokunjalo, yaze yaphumela *ngapha* yazenzela into eyeyayo. Yaba likhatshu, ngoko, akwabakho Bomi kulo. Ingqolowa imelwe kukuba iyakhula isiya isomelela, njengoko uNyana esiya esomelela imihla ngemihla.

153 Ngoku masikhangele okomzuzu. Sizakukhangela izigaba zebandla. Zisixhenxe izigaba zebandla. Yaye njengoko ezo zigaba zebandla, ngasinye kuzo, khangela indlela Awathetha ngayo kuzo ukuba kuyakuba yiyo, indlela eyathi ngayo ingqolowa ibe iyakhula ihle izokufika kweli lixa lokugqibela, le yure yokugqibela siphila kuyo. Ngoko amabandla amelwe kukwenza kwaloo nto, yabona, amabandla.

154 Ngoku khangela, uLuther wahlwayela ingqolowa, yaye uLuther wayeyingqolowa waze wayihlwayela. Kulungile. Wayenjalo noWesley; kwaye, kananjalo, babenjalo nabakwaMoya; ayenjalo amaBhaptizi, amaNazarene. Kodwa, uyabona, ngoku uLuther wayengenakubuyela emva aphile ekukhanyeni kwehlelo lokuqala, ubuKatolika. Hayi, mhlekazi; wayekokunye ukukhanya. YayinguThixo lowo evuthiswa into ethile. Ngoku abambalwa kakhulu baphuma kuloo nto, laa mvuselelo yobuLuthere.

155 Kwaze kwafika imvuselelo kaWesley, ke ngoko, kuyo, kuba, babengenakubuyela emva benze ezikaLuther. Yabona?

Kwaze kwaphinda kwavela abakwaMoya. AbakwaMoya ke bazenza umbutho benza kwaloo nto inye, bathabatha ikhatshu. Qaphela.

156 Kodwa ingqolowa iqhubela phambili njalo. Ngoku sikwesinye isigaba. Kutheni bengaYiboni nje? Kutheni bengaboni nje ukuba ingqolowa ikhulile? Nali iLizwi lesithembiso salo mhla. [UMzalwana uBranham ubhambatha iBhayibhile yakhe—Mhl.] Kutheni bengaYiboni nje? Kungokuba baphila kwilitha likaLuther, ilitha likaWesley, ilitha lobuBhaptizi, ilitha lakwaMoya. Baphila kwilitha lokunye ukukhanya. Naso isizathu sokuba babe abanakukwamnkela ukuKhanya kweLizwi elipheleleyo okungqinelwe njengoko uThixo wayethembisile. Laa Matywina aSixhenxe, apho imfihlakalo epheleleyo yatyhilwa khona, angabuya achaze ukuba kutheni na ezi mfihlelo

zenzeka ngolo hlobo nje; kwaye, unangoko, kwakufika loo nto, baya besimnka ngokumnka kuLo kunokuba bakhe benza. Abanakuzithethelela.

157 UThixo uyenzile loo nto ngoMoya, ngezityhilelo. U—Uyiqondakalalisile ngokuchanekileyo, ngokwezenzululwazi nangayo yonke enye into, ukuba oko kuyiNyaniso, ukuba oko kuyiNyaniso. Ukanti basafuna ukuphila kwilitha lakwaMoya, "Ndingum-Assemblies! NdingowoBunye! NdiliBandla likaThixo! Ndiyi*le*!" Yabona, baphila kwilitha elinamashumi amane obudala, amashumi amahlanu eminyaka eyadlulayo. Baphila kwilitha likaLuther. Baphila kwilitha likaWesley, ubuBhaptizi, ubuRhabe, okanye ubuNazarene obuthile, ilitha lesinye isigaba sebandla esadlulayo saza sazibumba senza kwaloo nto inye, sala asakuvuma ukuKhanya xa kuKhanya ngenene.

158 Kunjalo nje niphila kwisanga. Ndiyithetha ngentlonipho loo nto, yabona, kodwa ninjalo; andenzeli kunikhathaza, kodwa ndenzela ukunivusa. Niphila kwisanga.

Bekunokuthini ukuba uYesu, wayethe, "Kuba, niziimfama, nikhokela iimfama"? Babengenako . . . Wazama ukubaxelela; baza abayenza loo nto. Wathi, "Bayekeni. Ukuba imfama ikhokela imfama, baya kweyela emhadini bonke." Yiloo yure endifikelele kuyo! Ukuba bayakudidizela, andinakuyinceda loo nto. Ndenze konke endinokukwenza. Ndenze ngokuchanekileyo kanye.

Ndikwenze ngokomyalelo waKho oku, Nkosi. Ulingqina.

Ukususela ngowe-1933, ezantsi emlanjeni, xa okwa kuKhanya kuphaya nikubonayo, kwathi kwehla kukhanya, kwahlala Kulapha kanye kuloo Mnquba kwangqina kuni, yonke le minyaka. Kwaye yonke into Ekwayithethayo yenzekile. Zaye ziyaqhubeka ukwenzeka. "Iimfama ke mazikhokele iimfama." Ndiyakulindela nje loo yure mna; Uyakufika, ngolunye lwezi ntsuku.

159 Qaphela, ukuphila elitheni likaLuther, ukuphila kwilitha likaWesley, ukuphila kuwo loo matha akudala phaya, naso isizathu sokuba babe abanakukubona ukuKhanya kwenyaniso. Ukuba bangema okwemizuzu embalwa, bathabathe nje iBhayibhile baYifunde, bangabona ukuba iyi . . . oku kuKhanya kulidinga lale yure.

160 Ngoku siza kuthabatha ezinye zezi zinto okomzuzu nje. Wathembisa, ngokukaMalaki 4, ukuba ezi zinto ziyakwenzeka. Wathembisa, kuzo zonke iZibhalo, ukuba oku kwakuya kwenzeka. Yabona?

161 Qaphela uSirayeli kananjalo, umzekelo wethu, eseluhambeni. Khangela, ukudla imana, eyayikukuKhanya kwakhe, uBomi, eyayibanika amandla, uBomi. Ingaba kunjalo?

[Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] USirayeli wayengenakuyidla imana eyayiyeyezolo eyayimwele. Yayingcolisekile. Yayibolile. Yayingamlungelanga. Babeyakufa, yiyo. Imana eyayibagcina bephilile izolo yayiyakubabulala namhlanje. IBhayibhile ithe yaba nentsholongwane kuyo, ingcolisekile. Kwaye imana, babemelwe kukufumana entsha yonke imihla. Amen.

Yayiyintoni ke? Abantu abaphila ngemana kaLuther, uWesley, nabanye baphaya kudala, nidla into engcolisekileyo enibulalayo, ngokomoya. Iyanibulala, nifile kwizithethe zenu.

162 Imana yayizolo kaLuther, ayinakumsebenzela nto umWisile. Imana yobuWisile ayinakumsebenzela owakwaMoya. Imana yowakwaMoya ayinakusebenza namhlanje. Yabona ukuba ndithetha ukuthini na? Yonke imihla yayifika, imihla ngemihla, intsha, Yenze njalo ke kuzo zonke izigaba zebandla.

Imana kaLuther yayingumyalezo wogwetyelo. Umyalezo kaWesley wawukukubonakalaliswa kongcwaliso. EyakwaMoya yayikukubuyiswa kwezipho. Kodwa le kukungeniswa kweLityе leNtloko, umhla wokugqibela, uMthi woMtshakazi, ochasene nayo iyonke loo nto, ukanti UsekwakukuKhanya okunye kwabakhulileyo.

Njengokuba ilanga elinye, likhanya namhlanje, liyakuvuthiswa ingqolowa ukulungiselela isivuno ngoJulayi. Yabona ukuba ndithetha ukuthini na? Kodwa ukukhanya kwanamhlanje akuyi kuba kokulungileyo phaya kuJulayi. Komelele ngokuthe chatha. Ingqolowa ikhulile noko; ikulungele ukumelana nako. Amen. Ngokuqinisekileyo injalo. Babengenakumelana nako ngoku; yayinako ngoko. Yayingekabi lixesha elifanelekileyo lonyaka, ngoko; lilo ngoku.

163 Awunako ukuchasana nendalo kaThixo. Unomthetho, kwaye, ukuphikisana naloo mthetho, kuyasibulala isityalo sakho. Umelwe kukuhamba ngokwemithetho ethethiweyo kaThixo, yaye imithetho yaKhe liLizwi laKhe. Nawuphi na umthetho ulilizwi elithethiweyo. Kwaye iLizwi liyingcinga ibonakalalisiwe. Uyabona? Ngoku si—siyazi ukuba yinyaniso leyo.

164 Umbono uyintoni? LiLizwi likaThixo, okanye into ethile exelwe kwangaphambili, okanye ukuchazwa kwangaphambili kwesiganeko. Yaye umbono abathi banawo abaprofeti, noYesu awayenawo, uPawulos awayenawo, nabo bonke, wabe uchaza malunga nalo mhla, wawuyinkcazo yangaphambili yoko kuyakwenzeka. Naku ke sikubona oko kuchaza kwangaphambili kubonakalaliswa, babe abantu bengakuqapheli. Yabona ukuba ndithetha ukuthini na? Ngoku, imana yezolo . . .

165 Khangela apha. Wakhe waliqaphela, ilanga, s-u-n ilanga, lihambile, lisuka eMpuma ukuya eNtshona, njengoko

lalihamba lonke ixesha. Wakhe wayiqaphela loo nto? Kwaye, qaphela, izigaba zebandla zenze kwaloo nto inye. Intoni? Ilanga, s-o...s-u-n ilanga, laqala eMpuma. Nempucuko ihambe kunye nelanga, ukukhanya kukaThixo okuthethiweyo ukuze baphile kuko. Benyukile, belandela ilanga, khangela ukuba lalisiya phi na.

166 Ubomi ngokwabo, ekuzalweni kwakho, kufana nelanga. Uqhubela phambili, ude uye ekutshoneni kwelanga, ukusukela ekuzalweni kwakho ukuya ekutshoneni kwelanga.

167 Abantu bahambe bebhekisa ngasentshona, njalo. Inkcubeko eyona indala esinayo yiChina, kumazwe asempuma. IJerusalem...Kwaye, qaphela, ihamba njalo ibheka ngasentshona ekuhambeni kwayo, nanjengoko ihamba iqhubela phambili ngokunjalo, ibhekisa eNtshona.

168 Senze njalo nesigaba sebandla ukuhamba indlela enye, ngo-S-o-n nyana kaThixo. Khangela, uPawulos, ibandla lakuqala, laqala eMpuma; lahamba ukusuka apho, latsiba lawela u—u—u—ulwandle, laya kutsho ngaphesheya eJamani. Lenze izigaba ezithathu zokuhamba. Khangela apha. Ukusuka e-Asia, ukuhla ukungena—ukungena ePalestina, latsiba lawela uchweba lolwandle ukuya eJamani; yayinguLuther lowo. Laze laphuma kuLuther, lawela iGophe lamaNgesi, laya kungena ngaphesheya eNgilane; ngoWesley. Ukusuka kuWesley, litsibile laya kufika kuNxweme lwaseNtshona, kwiZizwe eziManyeneyo. Kwaye eli, ukuba ungabhekela phambilana, libuyela emva eMpuma kwakhona. Lixa langokuhlwa eli.

169 Khangela indlela ezalwa ngayo izigaba zebandla. ULuther...UPawulos, owokuqala, phaya kudala kwisigaba sakuqala; kwaze kwehla ukuza ku-Iren-...ku-Irenaeus, njalo-njalo; ukuhla ukuya kungena eFrance; ukusuka apho, kwawela kwangena eJamani; ukuya kungena ngaphesheya eNgilani; kuqhubeka njalo kusiya eNtshona.

Ke ngoku asisenakubheka phambili kwakhona. Esi sisigaba sokugqibela. Ithini ke iBhayibhile malunga nesi sigaba sokugqibela? Yabona, ngokwezomiwo-mhlaba, ngokwezophando ngobume bomhlaba, naphantse ngayo nayiphina indlela ofuna ukuyivela ngayo. NgokweSibhalo, kuqala; iSibhalo, kakade, kuqala. Ubungqina, ngokwezembali, nangayiphi na indlela ofuna ukuyivela ngayo, sisekupheleni, isigaba sokugqibela sebandla.

170 Kwaye, khangela, njengoko kwaye kubheka phambili kwakhula ngokukhula ngokomelela. Kwaye kwenze njalo nokwenene, igcuntswana elincinane leBandla likhula lisuka kugwetyelo, ungcwaliso, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, ke ngoku kuza ekuhleni kweLityе lentloko, liyazibumba. Akusekho mibutho emva koku. Ayisayi kubakho kwakhona. Yabona, ayinakubakho, yabona, siseNtshona.

171 Ukukubonisa nje, ngayo yonke imizekelo nayo yonke enye into. Uze ke ujonge koko kutsiba kuthathu, ukuhambela phambili okuthathu. Siza kungena kuloo nto ngokuhlwa, yabona, yabona, ukuba sisekupheleni kwexesha njani na. Nje ku. . .

172 Ilanga s-u-n lihambe njengo-S-o-n nyana; uS-o-n nyana njengelanga s-u-n. Ibandla lize ngaloo ndlela ifanayo, ukusuka kwiZigaba eziSixhenxe zeBandla, njalo-njalo. Impucuko iqhubele phambili kanye ukuya eNtshona, neBandla liqhubele phambili lisiya eNtshona. Ke ngoku ukuba singabhekela phambili kunoku sesikuko ngoku, sibuyele emva eMpuma kwakhona. Ukulushiya kwakho unxweme lwaseNtshona, uphindela kanye uye kungena eChina, eJapan, ubuyele emva kanye kwakhona. Ngamashumi asixhenxe eemayile ukunqumleza, ubuyela kanye eMpuma kwakhona. Ngoko, iMpuma neNtshona zihlangene, kuphelele ke apho. Sisekupheleni. Akukho nto isaseleyo.

173 Kwenzeke into enye ke, namhlanje, eyenzeka phaya kudala. Kwalaa nto kwahlanganwa nayo eNtshona yileya kwakuhlangenwe nayo eMpuma. Abantu abaphila kwilitha lokunye ukukhanya okwakuzama ngenene ukubonisa ukuba kukho ukuKhanya okwakuzakufika, baze baKwala, ngokuba babenelitha endaweni yokuKhanya. Owu! "Yaye kwabakho ukuKhanya elizweni leeNtlanga; uZebulon, uNafetali; kwelaseGalili, . . .iGalili, umhlaba wabeeNtlanga."

174 Esi sisigaba sesixhenxe sebandla. Khumbula, kwaye xesha ngalinye elithi ngalo ilanga liqalise ukukhanya eMpuma, ikwalelo langa linye elikhanyisa eNtshona. Yaye kwaloo Moya mnye ubuhleli ukho kuzo zonke izigaba, ngolo hlobo, isekwanguloo Nyana namhlanje. Kuphela, yintoni na? Kanye njengokuvuthwa, ixesha lonyaka. Eli langa likhoyo ngoku, iyakuba isekwaleli langa livuthiswa ingqolowa kobu busika, kule ntwasa-hlobo, yabona, kodwa (yintoni?) lilanga lidibene noko liyakuba kuko. Kwaye namhlanje, kwesi sigaba sokugqibela, yiloo nto babeyiyo, ihlangene naLe.

Ukanti ke basafuna ukuphila phaya kudala, njengabanqapheleyo, baye kungena kwelinobumnyama, elidala lehle-. . .igumbi elingaphantsi lehlelo lakudala nomgaqo, bathobe imidiya-diya yabo, bathi, "Ndiyakummangala ukuLibona. Yimfeketho iyonke leyo." Yaye ngeli thuba iyiBhayibhile kanye, ababanga ukuba bayayikholelwa, iqondakalaliswa kwangoMoya oyiNgcwele omnye isizisa ukuKhanya ngemihla yokugqibela!

175 Uqaphele? Uze ujongisise phaya kuMalaki, indlela awayaba ngayo loo nto, "UKholo loobawo kubantwana, nabantwana babuyele kooyise." Yabona, kwaloo Moya mnye wathi Wamvusa phaya kudala, uphinda Uvele apha kwakhona,

iyinto enye. Yabona, ngokutshintshiselana nje, ngokuchanekileyo, ubuyela endaweni yawo kwakhona. Kuba, ngoba? IMpuma neNtshona zihlangene. Ngokuchanekileyo kanye phantsi kobuso bethu, babe bengayiboni nangoko. Kuba? Akumangalisi ukuba uYesu wathi, "Bayekeni nje, ngoko. Bazimfama, zikhokela iimfama, zonke ziyakweyela emhadini."

176 Ukukhanya kwezinye izigaba zexesha kubonakalalisa oku kuKhanya kuphela. Yabona? Ilanga lanamhlanje liyatsala nje kuphela, lisisibonakalaliso selanga eliyakuba lapha ngalo Julayi okanye u-Agasti, ukuba uThixo. . . ukulungiselela isivuno. Kwaye uNyana, ngokukaLuther uMartin Luther, noWesley, noSankey, uFinney, uKnox, uCalvin, uMoody, bonke abanye abo, loo madoda makhulu akudala ayenako oko kuKhanya; noJohn Smith webandla lamaBhaptizi, no-Alexander Campbell, ibandla lama-Campbell, abo babizwa ngokuba ngabaFundi bakaKristu, iBandla loBukristu, nokuba ngawaphi na amagama abababiza ngalo. Onke loo madoda phaya kudala, kwizigaba zexesha lawo, ayetsala ebonakalalisa kuphela into Ekuya kuba yiyo apha ekugqibeleni.

177 Ukuze ke ngoko apha, abantwana, kwangoko emva kwabo baseki, benza ntoni? Abazange bahlale kwisiqu. Bazitsala bemnka kuSo bazenzela ikhatshu elincinane lento elapha ngaphandle. Xa kunjalo, uyemnka kumthombo wenene woBomi, awunabomi. Xa uthabatha ikhatshu ulisuse entweni, ulityale apha phandle emhlabeni, liyakulala apho libole. Unjalo ke nawe, ukuzama ukudla imana ebolileyo yaloo mihla yakudala.

Isivuno sivuthiwe! UYesu ulungise isithebe, apho abangcwele bakaThixo bondliwa khona ngoKudla kwalo mhla, ngokuKhanya kweVangeli okungqinayo kuqondakalise ukuba Yena ulapha namhlanje. Amen. Abangcwele badla iSonka.

178 Cinga nje. Ikhatshu elidala layizolo, yabona, musa ukulityala phaya. Libolile. Ngekhe, alinako ukuhlala nayo. Hayi, mhlekazi. Aliyi kunceda nto. Alisayi kukhula. Liphumile eBomini; kwaye iLizwi libuBomi. Injalo loo nto. Ikhatshu liyawa lisuke, ubulembu obudala buyawa bumnke, nezinto ezilolo hlobo. Isuka nje izenze ihlelo iwe imnke. Iyakwala ukuhambela phambili noBomi.

Kodwa ukuKhanya kuyaBungqinela. Owu, bethu! Ewe, mhlekazi.

179 Okwayizolo, owu, bethu, indlela ebesimelwe kukuyibona ngayo loo nto! Yabona, ukuba, izinto ezibolileyo zayizolo, musa ukuzidla namhlanje. Yabona? Zinempethu kuzo. Niyabazi aba nojubalala bancinane ndixela bona? Andiyazi. A—Andazi kakhulu malunga nobomi bentsholongwane, kodwa ndiyazi ngokuba esiqhelweni sibabiza ngokuba

ngoonojubalala. Zingena kuyo nantoni na xa iqala ukubola. Yabona? Andiyifuni loo nto ngoko. Ukuba wanelisekile yiyo, qhubela phambili, kodwa hayi mna. Kodwa khumbula . . .

Uthi, "Ibitheni ukuze ibe yelungileyo izolo?"

180 Ukuba ubusazi nje ukuba esaa singxobo sincinane sasiphezu kwengqolowa ekuqalekeni, ukuba sithe sahlala kukhozo, silukhulisela phambili ukhozo. Yiloo nto kanye eyenza ingqolowa idubule, yiloo nto ibiyiyo izolo; kodwa ukuba ithe yazahlula kukhozo, ize ingakhuli, ngoko ke iyesuka. Yabona? Kodwa ukuba iqhubele phambili nenkqubekeko, yenkqubo enika ubomi, njengokuba isifa nje ihlangana ingene kwenye into yenze ukhozo. Ukuba ayenzanga njalo, ivela phi ke? Amen. Niyayifumana? [Ibandla, "Amen."—Mhl.]

181 NjengoKumkanikazi waseNgilane, ngaxesha lithile, owaya kwinkampani enkulu yamaphepha, waza wathi angathanda ukubona iindawo zokusila amaphepha. Ngoko bambonisa iindawo zokusila amaphepha, kwiminyaka emininzi ngaphambi kokuba baye ekuyenzeni ibe yintlama yamaphepha nezinto ezinjalo, ngoko bafumana . . . besenza amaphepha ngaloo nto. Ngoko bona, ke, emva komzuzwana, waya kungena kwigumbi ekwakungekho nto kulo ngaphandle kwemfumba endala yamaniki-niki amdaka, waza wathi, "Ivela phi le into? Yintoni le? Owu," watsho.

U—U—Umongameli welo ziko wathi, "Le—Le yile nto sizakwenza iphepha ngayo, lamaniki-niki amdaka."

Wathi yena, "Laa nto, yenze iphepha?"

"Ewe." Ngoko wayengenako ukuyikholelwa loo nto.

182 Ke emva kokuba wayemnkile, laa ndoda yathabatha loo mfumba inye imdaka yamaniki-niki, yawangenisa kwinkqubo ethile, yawakhupha ecocekile, eliphepha elisulungekileyo, uyazi, elihambe ngokwenkqubo laza lenziwa lalelenene . . . Yaze yabeka umfanekiso wakhe kulo, yawuthumela kuye, ebonakalaliswe kule nto wayeyibiza ngokuba "ngamaniki-niki amdaka."

183 Ngoku kuyiloo nto. Izinto ezifileyo zayizolo, umyalezo kaLuther, umyalezo kaWesley, umyalezo wakwaMoya, ukuba nje zingangena ziphumele kwinkqubo yoMoya oyiNgcwele kaThixo neLizwi lobungqina, ziyakukhupha umfanekiselo kaYesu Kristu, uKumkani. Amen. Kodwa ukuba uhlala ungqengqile, ngamaniki-niki amdaka. Yabona?

184 Umelwe kukuthi ubunjwe ube yinto ethile. ULuther umelwe kukubunjwa angene kuWesley, noWesley umelwe kukubunjwa angene kwaMoya, ukuze eyakwaMoya inyanzeleke ibunjwe ingene kuKristu. Iphumela kwinkqubo ethile. Yenze njalo iVangeli ukuphumela kwinkqubo. Iqhubela

phambili. Isigaba sikaLuther, sogwetyelo, siyakholwa yiloo nto; esikaWesley, songcwaliso, siyakholwa yiloo nto; esakwaMoya, sokubuyiswa kwezipho, sikaMoya oyiNgcwele, siyakholwa yiloo nto, ngokuqinisekileyo. Kodwa, ukuyibumba ihlangane iyonke, kuphuma nantoni? NguYesu, kunjalo, inguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Owu! Iyakuphuma inoYesu.

185 Xa umntu kwindawo ekwenziwa kuyo iintsimbi esenza intsimbi, unesikhalo esithile amelwe kukusifaka kuyo. Xa eyibumba ngendlela ethile egalela intsimbi yakhe, ufaka isinyithi esingumlinganiselo ongaka, intsimbi yona ibe ngaka, ikopolo yona ibe ngaka. Kuba? Uyazi ngokuchanekileyo ukuba makafake engakanani na, ukuze ayenze, ukuze ibe nesikhalo esisiso.

NoYesu ke wenze loo nto ngoMtshakazi waKhe. Kwanyanzeleka ukuba afake okungako kukaLuther, nokungako kobuWisile, nokungako kobuPresbhithari, nokungako kwakwaMoya, kuwo. Kodwa yintoni Aphuma nayo ke? Ngumfanekiselo OngowaKhe.

Yintoni na? Kufana kanye noMyalezo wephiramidi, uyabona, iyangqumbana inyuka, kulento, ize kwabambalwa, ukuya kwiLityе leNtloko. Ulungiselelo lukaYesu Kristu, emhlabeni, lumelwe kukuba yinto enye nolungiselelo Awayenalo, kungenjalo Akanakungena kulo. Kanye njengentloko, kwiinyawo. Intloko . . . Iinyawo aziyontloko, kodwa intloko izithwele iinyawo, okanye iyazenza iinyawo, iyazixelela ukuba maziyephi na. Niyayifumana? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Intle kakhulu, kukuKhanya kweli lixa.

186 UWesley wayekukuKhanya okukhulu. Njengokuba Yena watshoyo kuYohane umBhaptizi, "WayekukuKhanya okukhulu kweyure yakhe." Ngokuqinisekileyo, wayekuko.

187 Hayi. Ewe, mhlekazi, uyawacoca amaniki-niki . . . Okanye, amaniki-niki amdaka wayizolo, ukuba uhleli ulolo hlobo, kunyanzelekile ukuba . . . iyakuba ngamaniki-niki amdaka lonke ixesha. Ayakusebenzela akuko, njengempahla, kodwa ngoku enziwe iphepha.

Ugwetyelo lwasebenzela kwixesha lalo, ugwetyelo kuLuther, lwaze ke lwaba lungcwaliso kuWesley. Ungcwaliso lwasebenza kwixesha lalo, lwada lwaba lubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Nobhaptizo loMoya oyiNgcwele lwasebenza kwixesha lwalo; wade uMoya oyiNgcwele (wona, mnye kuphela uThixo) wahlangana kwiBandla, neBandla langena kuKristu, loo nto ke imenza uYesu Kristu abe nomfuziselo emhlabeni, oko Wakuthembisayo apha eBhayibhileni. Usenokungakholwa yiloo nto; andinakukwenza wenze njalo. Olwam uxanduva kuphela luseLizwini. Yabona? Injalo loo nto.

188 Ngoko uyayibona? Uyayibona loo nto? Ukuba uyayibona, kuya kuba njenge—njengendoda ngaxesha lithile eyaya . . .

ngexesha, yaya kungena eWales, ngexesha lemvuselelo yaseWales. Iqela lamadoda laya liphuma eUnited States. Ngoko ehla, kwaye esithi afuna ukufumanisa ukuba yayisesiphi na isakhiwo ekwakubanjelwe kuso le mvuselelo yaseWales. Abaninzi benu bayayikhumbula imvuselelo yaseWales, imvuselelo enkulu eyagqabhuka phakathi kwa—kwabantu abangamaWelsh eWales. Ngoko la madoda, aba balungiseleli babalulekileyo bakhulu, njalo njalo, besuka kwiZizwe eZimanyeneyo, bona beengogqirha bobungcwele. Babefuna ukuwela babone into enkulu ababeyenzile, uyazi.

Ngoko ayehamba esihla ngesitrato, aze athi. . . ahlangana nepolisa lakudala limi ekoneni, lijikele umxhaka walo, uyazi, libetha umlozi i—iculo, ngolo hlobo. Bathi, "Ke, ubetha iculo ngumlozi nje. Sisenokunyuka, sibonane naye, sibone ukuba uyakwenza ntoni na. Kuba, simbuze umbuzo."

Ngoko enyuka aya kuye, athi, "Mhlekazi, iphi apho ikhoyo imvuselelo yaseWales?"

189 Wagungxula umnqwazi wakhe; wathi, "Bahlekazi, imvuselelo yaseWales *ilapha*," entliziyweni yakhe. Owu, nantso ke, wayeyimvuselelo yaseWales.

Owu Thixo, ukuba nje—ukuba nje singaqonda ukuba sisibonakalaliso sikaYesu Kristu, iLizwi laKhe libonakalalisiwe. Usisibonakalaliso seLizwi laKhe. Yabona?

"Ibanjelwe phi imvuselelo yaseWales? Ikwesiphi isakhiwo?"

Wathi, "Mhlekazi, ingaphakathi entliziyweni yam." Wayeyimvuselelo yaseWales. Injalo loo nto.

190 Kwaye ibandla namhlanje limelwe ukuba nguYesu Kristu esebenza phezu komhlaba. "Ngenxa yokuba Ndisidla ubomi, niyadla ubomi nani; kwaye uBomi baM buyakuba ngaphakathi kuni. Imisebenzi endiyenzayo Mna, niyakuyenza nani." Yabona? IBandla limelwe kukufika kuloo ndawo, kananjalo. Kwaye Wathembisa ukuba liyakuyenza, yaye liyakuyenza. Kunyanzelekile ukuba kube lolo hlobo. Ngoko, uyabona, nantso into eyenzekayo. Thina, simelwe kukuba lolo hlobo.

Nguye ukuKhanya.

191 Wayenjalo uNowa ukuba kukuKhanya ngomhla wakhe. WayekukuKhanya. UNowa wayekoko kuKhanya. WayekukuKhanya kwintoni? Ukuze enze iLizwi likaThixo, "Ndiyakumtshabalalisa umntu phezu komhlaba, eNdimdalileyo. Yakha umkhombe, nabo bonke abanqwenela ukungena baya kusindiswa."

UNowa wahamba waphuma apho, wathi, "Inye indlela, yona ke ngumkhombe."

192 Bathi, "Umbaxi omdala ophambeneyo." WayeliLizwi libonakalalisiwe. UNowa wayekukuKhanya kwaloo yure, ngokuqinisekileyo wayekuko. Umhla wakhe, isigaba sakhe, wahluma wavelisa ukuKhanya.

193 UMoses wayekukuKhanya kwelixa lakhe. “Ngokuqinisekileyo ndiyakunivelela,” watsho uThixo ku-Abraham. “Ndaye Ndiyakuhla, Ndibakhuphe abantu baM, ngesandla esithe nkqi, ndize Ndibonakalalise amandla aM eYiphutha.”

Kwaye xa uMoses phaya phezulu wathi wahlangana nelaa tyholo litshayo phaya phezulu, waze wafumanisa ukuba uNDINGUYE wayekweloo tyholo, uMoses wehla apho, yaye wayekukuKhanya. Amen. Akumangalisi ukuba abe wayenokuthabatha uthuli, alivuthuze linyuke athi, “Makubekho iingcongconi phezu komhlaba.” WayeneLizwi likaThixo. Kwenzeka ntoni? Uthuli lwaqalisa ukuvuthuza, zaze iingcongconi zaqalisa ukubakho. Haleluya! Kuba? Wayesisibonakalaliso sokuKhanya kweLizwi likaThixo, “Ndiyakuyibetha iYiphutha.” Wayengumprofeti. Into awayithethayo yenzeka. WayekukuKhanya kwaloo mini. WayekukuKhanya kukaThixo.

194 UFaro wayesenokuba nayo yonke into awayefuna ukuba nayo, nabo bebonke, bonke ababingeleli babanayo into ababeyifuna, kodwa uMoses wayekoko kuKhanya. Kuba? Wayebonakalalisa iLizwi likaThixo, libonakalalisiwe. UThixo wenza idinga, “Ndiyakubakhupha, ngesandla esithe nkqi, ndaye ndiyakuZenzela uzuko.” Yiloo nto Awayeyenza.

Naso isizathu sokuba uMoses abe waqondakalisa ukuba wayenako ukudala. Kwakungekho ngenxa yokuba wayefuna ukudala; kungokuba uThixo wamxelela ukuba akwenze oko. “Ngaloo nto ke, ‘Hamba uye ebandleni, uthi, “Ngomso . . .”’ iNkosi uThixo ithethe nam khona ngoku, ‘Thabatha isandla sothuli uliphose phezulu esibhaka-bhakeni, *ngolu hlobo,* uyibize loo nto.’ Azikho apha, kodwa ziyakubakho.” Amen!

Owu, ndiyathemba ukuba anilelanga. Owu! [UMzalwana uBranham uqhwaba izandla kanye—Mhl.] Isibonakalaliso!

195 Wathi, “Ndithunyiwe. UThixo wayetshilo koobawo bethu, ukuba ngokuqinisekileyo Uyakusindwendwela apha ezantsi asikhuphe. Ndizokuqondakalalisa kuni ukuba eloo lixa lisondele. Kulahleni oko ninako. Masihambeni!” Ewe.

196 Abanye babo bathi, “Ke, ndiyakholwa . . .” UDatan wathi, “Andicingi ukuba kukho ukungxama kulento. Masingaphatshuzeli malunga noku.” Kwakhangeleka ngokungathi kuyasilela, kane mhlawumbi kathathu. Kodwa, kuseyinto enye nje, baqhubela phambili.

197 Babecinga loo nto. Baphuma bathi, “Sizakumxuluba lo Moses! Msuseni kuthi! Asimfuni kwi—kwiqela lethu eli.”

UMoses wahamba nje esiya phambili, nakanjani na, ngokuba wayebuBomi, wayekoko kuKhanya kweloo lixa. Eyona nto wayenayo, yayiyintoni? NguThixo ebonakalalisa iLizwi laKhe ledinga ngoMoses, waze uMoses wakoko kuKhanya.

198 U-Eliya wayekoko kuKhanya. “Yiya phaya uhlale phezu kwalaa nduli! Ndiyalele amahlungulu ukuba akondle.” Amen! Ewe, mhlekazi.

199 Wabuya wehla eno-ITSHO INKOSI. “Akusayi kuwa nombethe eZulwini ndingathanga ndiwubize.” Amen! “Ilanga lisenokukhanya, nisenokubiza onke amafu, nenze nantoni na enifuna ukuyenza, kodwa akusayi kuwa nombethe ndingathanga ndiwubize.” Wayeyintoni? UkuKhanya! Haleluya! WayekukuKhanya. UkuKhanya! WayeliLizwi likaThixo libonakalalisiwe.

200 Babecinga ukuba wayephambene, ehleli apho phezulu. Wayenabagcini ababemondla, babe bona besifa yindlala. Babefuna ukuhlala kwizithethe zabo; baqhubele phambili. Hayi uMoses, okanye hayi u-Eliya, wayehleli kanye ekuKhanyeni. Ehleli apho phezulu ecaleni komlanjana, iKeriti, ezonwabele nje; esidla, kukho umntu othile omhoyileyo, nayo yonke into. Babecinga ukuba uphambene, kodwa waye—wayekukuKhanya.

201 Bathi, “Heyi, kwenzeke ntoni kulaa mzenzi-ngcwele mdala besinaye apha? Ke, uyazi yintoni? Bekukho umntu obezingela ngenye imini, uthi bambone ehleli phaya phezulu ecaleni kwendlela, kude kakhulu phezu kwencopho yalaa ntaba. Ndiyaqonda nje laa mfo mdala womile, khona ngoku.” Owu, hayi. Yena wayekukuKhanya. Yena wayekukuKhanya. WayekukuKhanya kukaThixo, ngomhla wakhe.

202 UYohane, ekufikeni kwakhe emhlabeni, waze waphuma waya kungena entlango ukuya kufumana imfundo yakhe evela kuThixo, hayi kwiziko lemfundo. Wayezakwazisa uMesiya. Ngoko ekuveleni kwakhe, uYesu wathi, “WayekukuKhanya okukhanyayo okubengezelayo.” Haleluya! Ngoba? WayeliLizwi libonakalalisiwe.

U-Isaya watsho. Nantso ke. Injalo loo nto. “Wathumela izwi entlango, likhwaza, lisithi, ‘Yilungiseni indlela yeNkosi, nilityeneneze isango laYo, nityeneneze umendo.’ Wayeya kukhwaza, lowo. . .izwi lalowo umemeza entlango.” Nguye lowo esiza. Wayeyintoni? “Izwi lodanduluka entlango.”

Wayeyintoni? Sisibonakalaliso seLizwi, ukuKhanya. Loo Thixo mnye wathethayo kwiGenesis; owathetha oku, yanguye lo ke esiza ekukuKhanya. Njengoko Watshoyo, “Makubekho ukuKhanya, malunga nelanga,” ilanga labakho; wathi Uthe kuya kubakho “izwi lalowo udanduluka entlango,” nalo ke lifika. LalikukuKhanya kweloo lixa.

203 Kananjalo watsho, ngemihla yokugqibela! Amen! LikukuKhanya kweli lixa, lidanduluka kwintlango yaseBhabhilon, “Phumani kuyo, bantu baM, ukuze ningadlelani nayo ngezono zayo. Into engcolileyo yayo ningayichukumisi! Mkani kuyo! Balekani ingqumbo eyakuza!”

204 UYohane wathetha kwaloo nto. “Izembe libekiwe ezingcanjini zomthi.” Wayengenamfundo, wayengathethi nakuthetha njengomshumayeli. Wayethetha ngeenyoka neentonga, nemithi, namazembe, nezinto ezinjalo, izinto awayeqhelene nazo, entlango. Wayengakhuliselwanga kwezi zinto zibalulekileyo, zinkulu, zinjengezi banazo namhlanje, njengezo babenazo ngaloo mhla. Wavela neyakhe indlela yokuthetha. Akazange eme athi, “Ah-man,” enze konke oku kuvova kunobuchule. Waphuma nje, ephuma entlango kanye, ekrwada engqwabalala. Wathi, “Ningaqalisi ukucinga ukuba, ‘Ndingowa *le* nto ithile ndaye ndingowa *leya*.’ UThixo unako ukumvelisela abantwana kula matye u-Abraham.”

205 Musa ukucinga ukuba ngenxa yokuba ungumWisile, umBhaptizi, umPresbhithari, unokunxibelelana okuthile noThixo. UThixo unako ukuthabatha abathengisi beziyobisi namahenyukazi esitratweni, enze oonyana bakaThixo ngawo. Umntu othile oyakuLiva, nomntu othile oyakukholwa liLo.

206 Wathi, kananjalo, “Izembe libekiwe ezingcanjini zomthi. Kwaye wonke umthi ongakholwayo, uyagawulwa uphoswe emlilweni.” Ngoko yayingumyalezo wakhe lowo. WayekukuKhanya kwaloo mini.

207 UYesu wathi, “WayekukuKhanya okukhulu okuqaqambileyo, naze nina okomzuzwana nathanda ukuhamba kuko.”

208 Wathini ke yena uYohane, umprofeti? “Umi phakathi kwenu kanye ngoku. Andikulingene nokukhulula izihlangu zaKhe. Kwaye nje ukuba Athi gqi, ndiyatshonela mna.” Owu, bethu! Kuba, WayekukuKhanya kweyure.

Akukho kuKhanya kubini okanye kuthathu, akukho mibutho mine okanye mihlanu eyahlukeneyo. Kwakukho ukuKhanya okunye. Akukho buWisile, Bhaptizi, Luthere, Presbhithari. UKristu nguye ukuKhanya, kwaye ukuKhanya buBomi. ILizwi elibonakalalisiweyo ke likukuKhanya kweyure.

209 “Makubekho ukuKhanya, kwabakho ukuKhanya.” Ewe, mhlekazi. “Makubekho ukuKhanya,” kukho ke ukuKhanya! Wathetha ukuba kuyakubakho ukuKhanya ngalo mhla, yaye kukho ukuKhanya. Uyabuya. Ndiyakholwa yiloo nto. Khangelani kumadinga wesi sigaba sexesha. Owu, bethu!

210 Konke ukuKhanya okwakhe kwabengezela, ezi zigaba zebandla, ziyayibona indlela ezathi . . . Ku—Kungumbono olusizi ukuwubona, ukwala. ISityhilelo 3, ndinayo ibhalwe apha, iSityhilelo 3, yaye ndiyazi ukuba yi—yintoni na ebendisingisele kuyo ngoko.

211 Khangela kwidinga lale yure, le siphila kuyo; ukuKhanya okwaliweyo. Benza ntoni? BaKwala phaya kudala. Ngoba? Babehleli kwilitha. Benza ntoni namhlanje? Kwaloo nto inye.

212 Ke, u—unguye uMkristu? "NdingumLuthere. NdingumBhaptizi. NdingumPresbhithari."

Loo nto ayithethi kwanto. Ifana nje nokuthi "inkabi yehagu, ihagu," okanye nantoni na ofuna ukuzibiza ngayo. 'Yabona? Koko, koko okumalunga nokuba uthetha kona. Ngoku hayi—hayi ngokungakuhloniphi, kodwa ukuba uyithatha ngokoko isekelwe kona, injalo loo nto.

Ndibuze umbuzo, "UnguMkristu?" Oko kuthetha uKristu engaphakathi kuwe. Kwaye ukuba uKristu ungaphakathi kuwe, ngoko iLizwi lingaphakathi kuwe. Ukuze ukuba iLizwi lingaphakathi kuwe, nxa ukuKhanya kukhanya, ungathini ukuhamba ngaphandle kwaKo? Yabona, ngumbuzo lowo. Yiloo nto esikuyo ngoku, ukuKhanya. UkuKhanya kwangokuhlwa kuyakhanya. UMthi woMtshakazi uyadubula.

213 Owu, khumbula, bawuthena laa Mthi wakudala. "Yaye okushiywe yinkumbi ku—kudliwe ngumkhothululi; okushiywe ngumkhothululi kudliwe ngumqikela, umnqunquthi wakudla." Okwashiywa ngamaWisile, iBhaptizi yakudla; noko kwashiywa yiBhaptizi, abakwaMoya bakudlile. Wathi, "Lo Mthi," uYoweli apho, "wagawulwa ukuya kuma esikhondweni," kodwa wayefuna ukwazi ukuba uyakubuya uphile kwakhona na. Owu, ewe! Wawulondoloza laa Mthi, ewe, mhlekazi, kuba yayinguMtshakazi waKhe.

Yaye Wathi, "Ndiyakuyisa, itsho iNkosi." Yayiyintoni leyo? "Ndiyakuvelisa, konke okwadliwa ngamaLuthere, nokwadliwa ngamaWisile, nabo bonke. Ndiyakukubuyisa, kuba kukonke kusesengcanjini yalaa Mthi." Yabona?

Kulele ngaphaya emhlabeni. Kanye njengokuba incindi yehlayo, njengoko ke nditshilo malunga nalaa dade, kulele apho. Kwaye ixilongo likaThixo liyakukhala, ngenye imini, baze bathi abanyuliweyo kumaLuthere, amaWisile, amaBhaptizi, abangazange babe nanto yakwenza nombutho . . .

214 ULuther akazange abumbe kwanto. UMoody akazange enze mbutho nto. Yayilela qela loo Rickey, emva kwakhe, lilo elenza umbutho, lathabatha ikhatshu. UJohn Smith akazange enze nto ibe ngumbutho. Akukho namnye kubo owenza umbutho; yayikukuKhanya kwelo lixa oko. ULuther, uWesley, okanye namnye kubo; lelo qela lalisemva koko, elathi lafika, lenza umbutho.

215 UMoya oyiNgcwele awuzange wenze nto ingumbutho ngePentekoste. IPentekoste ngamava, hayi ihlelo. Awuzange wenze nto ibe ngumbutho. Owu, hayi. Kodwa abantu ababanga ukuba bayipentekoste, bawubumba. Likhatshu elo ngaphaya, lisifa. Endaweni yokuba lisilwe libe liphepha, lenze umfanekiselo ozeleyo kaYesu Kristu ukuba uvele; hayi, bazitsala bazikhupha, ngoko abayonto yakuthanani kuWo. Bashiyeni ke.

216 Kodwa sifumanisa ukuba ngoku, oku kuKhanya, lo Mthi, uKristu, waliwe kwakhona libandla. Kuba? Ngenxa yeso sizathu sinye bayenzela sona loo nto ekuqaleni, ilitha lakudala lokukhanya kweminye imihla. Yaye "Yena nguye izolo, namhlanje, nangonaphakade." AmaHebhere 13:8 athi unguYe. Nguye namhlanje njengokuba Wayenjalo ngoko, ngokuba Wenza laa nto inye Wayenzayo. Lelo Lizwi linye, laa Kristu.

217 Phulaphula, ndifuna ukukuthabatha nje ngoku, ndiyenze lento ize kuwe ngqo. Andazi, andiqinisekanga ncam nokuba siyicime na laa nto ngoku okanye hayi, yabona, ukulungiselela elaa khasethi. Ndizakuliyeka lihlale nje. Yabona? [Ibandla liyavuya—Mhl.]

218 Ndifuna khe ndibuze into. Khangela, yikhangele. Yabona, "Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade." Khangela. Imisebenzi yakhe, Awayenzayo, iyazibonakalalisa. Ngoku phulaphulisisa. Xa Wayemi apha, kuYohane 14:12, Wathi, "Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani. Nemikhulu kunale niyakuyenza, ngokuba Ndisiya kuBawo." Ngoku, Wayithetha loo nto. "Izulu nomhlaba liyakudlula, kodwa elaa Lizwi alisayi kusilela." Ngoku ukuba sisekupheleni kokugqibela kwesigaba sexesha, iphi yona "imisebenzi emikhulu" eyakubakho? Yabona? Yabona? Silapha. Asina . . .

219 Phulaphula, ukuba isalatha-maxesha samaRoma sichanekile, sinesitha . . . sinamashumi amathathu anesithandathu eminyaka eseleyo. Njalo ngamawaka amabini eminyaka, ihlabathi lihlangana nesiphelo salo. Kumawaka amabini eminyaka okuqala, latshatyalaliswa ngamanzi; kumawaka amabini eminyaka yesibini, uKristu wafika. Ngoku ngowe-1964 lo uzayo; ngamashumi mathathu anesithandu eminyaka. Ngoku, esaseJiphethe isalatha-maxesha sesibhaka-bhaka sithi siphosise ngeshumi elinesixhenxe leminyaka, "lishumi elinesixhenxe leminyaka ukuba phambili kunoko," loo nto ingashiya ishumi elinethoba leminyaka.

UYesu wathi, "Umsebenzi uyakunqanyulwa, ngenxa yabaNyuliweyo, kungenjalo bekungayi kubakho nyama iyakusinda." Siphi ke apho sikhoyo?

220 "Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani. Uhlobo olunye, koko ibe yemikhulu, eniyakuyenza." Ngoku khangela. Phulaphulisisa. Faka ezakho . . . Ndiyathandaza ukuba uThixo avule intliziyo yakho nengqondo yakho, ukuze uqonde, ukuze uqonde ungadanga uthi kubaxwe nto apha. Qaphela. Wathi ngenye imini . . .

Masibone eminye ye "mikhulu" yemisebenzi Awayenzayo. Masime nje kwizinto ezimbalwa. Masicinge.

Ngaxesha lithile, wathi, "Bapheni into edliwayo."

Bathi, "Asinanto."

Wathi, “Yintoni eninayo? Zisani kuM oko ninako.”

Baze bathi, “Sinezonka ezihlanu zerhasi neentlanzi ezimbini.”

Wathi, “Ziziseni kuM.”

221 Waze wathabatha ezoo zonka zazikho zihlanu zerhasi waqalisa ukuqhekeza ezoo zonka. Yaye, ngokuphuma kwinto ebisele ikho, Wenza isonka. Sadlisa amawaka amahlanu. Ingaba kunjalo? [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] Waze Wathi, Wathabatha intlanzi, “Zisani kum intlanzi.” Yayiyintlanzi, kwasekuqaleni. Waze Wakhupha, kuloo ntlanzi, enye intlanzi nenye intlanzi, wondla amawaka amahlanu. Ingaba kunjalo? [“Amen.”]

Kodwa ngemihla yokugqibela bekungekho nto Anayo. Uthethe nje, wathi, “Yithi iyakubakho,” yaze yakho, kungekho nto konke. Akazange abenayo unomatse wasemithini; kwakungekho nto phaya. Wathi nje, “Makubekho,” kwakho. Yabona? Owu, iLizwi laKhe alinakusilela, kwaye Limelwe kukuzaliseka.

222 Ndingakuxelela izinto ezinokukungcangcazelisa. Yabona? Ikho xa sukuba Esithi ikho. Myeke Ayithethe. Yabona, ngokuchanekileyo kanye.

223 Yabona, iMpuma, iNtshona apha ibuyele ekubeni ihlangane neMpuma. YayinguMoses, owathabatha nkqu intlabathi, wathi, “Makubekho iingcongconi,” nezinto ezinjalo ezilolo hlobo, “phezu komhlaba.” Kodwa kulo mhla wokugqibela Akathabathi kwanto; yabona, liLizwi kuphela. “Makubekho,” kwaye kukho. Into ethethiweyo, iyakuba lolo hlobo.

Ndifuna ukungqina ngezinye zezo zinto ngokuhlwanje, yabona, yabona, ngoko kwenzekileyo, ukuze ube nokubona ukuba Yena usenguThixo. AMazwi aKhe akangekhe . . .

“Le misebenzi Ndiyenzayo niyakuyenza nani, nemikhulu kunale niyakuyenza. Ndithabathe intlanzi ukuze ndenze intlanzi; nina animelwe nakukuthabatha ntlanzi.” Yabona? Usenguye uThixo, usenguloo Nyana mnye. Laa Nyana kaThixo mnye wathabatha intlanzi iphuma kwintlanzi, isekwangulo Nyana kaThixo mnye namhlanje. “Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani. Nemikhulu kunale.” Iyakuba yeyandisiweyo, “Emikhulu kunale niyakuyenza.” Abantu bayakumangala ukuyibona loo nto ke. Hee! “Imisebenzi emikhulu!”

224 Kukukhanya kobuxoki. Uyazi, bendicinga nje ngento ethile. Bendibhekiselela ngokukhulu malunga neNgilane, kodwa bendicinga malunga nokukhanya kobuxoki. Apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, nonke niyakhumbula ngolwaa phango i—iNgilane yakhe yanalo, olwathi lwenziwa.

Yayikukuxhonyiswa ngezigidi ezisixhenxe zeedollar. Andiqondi ukuba kukho into eyakhe yafana naleyo ehlabathini. Ukuxhonyiswa okukhulu, kutshanje, kwezigidi ezisixhenxe zedollar, nkqu nakwiScotland Yard abayiqondi ukuba yenzeke njani na.

Uyazi ukuba bayenza njani? Ngokukhanya kobuxoki. Babeka ukukhanya kumzila kaloliwe, okokulumkisa, kwehla njalo yade yakukukhanya okubomvu, babemisa. Nako ke apho lwenzeka khona uphango, kwindawo eyiyo kanye. Ukukhanya kobuxoki kwavelisa olona phango lukhulu izizwe zakhe zalwazi. Kwaphanga izizwe. Ngokona kuxhonyiswa kukhulu, olona phango lukhulu, kwenziwa ngokukhanya kobuxoki.

225 Yaye olona phango lukhulu elathi ibandla likaThixo lanako kukukhanya kobuxoki, ilitha, ihlelo labo. Libaphange amandla kaMoya oyiNgcwele. Lithabathe lesusa ebandleni kwa olo nxibelelwano loBomi. Baphange iLizwi, ekwamnkeleni kwabo umgaqo endaweni yeLizwi. Labaphanga.

Owu, babanga ukuba banalo iLizwi. ILizwi lesi sigaba liyaZiphila; LiyaZazisa. Babanga ukuba babenalo iLizwi, nabo, phaya kudala ngemihla kaYesu. Kodwa Lalithe, "Babona ukuKhanya okukhulu," baze baKwala. BaKubona, kodwa baKwala.

226 Owu, ukukhanya kobuxoki, ewe, kudle ibandla olona phango lukhulu lakhe lanalo. Imigaqo ebandayo yobuhlelo, mzalwana, ayingekhe ilenze livuthwe iLizwi elingqinelweyo, ukhozo. IBhayibhile ithe, uYesu wathi, "ILizwi likaThixo liyi—liyiMbewu awayihlwayelayo umhlwayeli." Yabona? Imigaqo ebandayo ayinakuze ilenze livuthwe eloo Lizwi. Hayi, hayi!

Imihla ebandayo enezitshingi-tshane ayinakuyivuthiswa ingqolowa. Hayi, ngenene! Ubushushu belanga obufunekayo, ngokuba yayiliLizwi likaThixo elithethiweyo ekunokwenziwa into enjalo ngalo.

Kwaye iyakuba liLizwi likaThixo elithethiweyo, namhlanje, ukuze libe nokubonisa abangcwele bakaThixo ukuba uYesu Kristu uyaphila. Kanye njengokuba Ebenjalo izolo, Unjalo namhlanje. Imigaqo namahlelo akanakuze ayenze loo nto. Ayabanda akanankathalo, yaye ukhozo luyakubolela phakathi emhlabeni. Alinakuntshula phantsi kwalo nto.

227 Naso isizathu, namhlanje, sokuba sibe nalento sinayo. NjengoMzalwana wethu othandekayo uBilly Graham, umvuseleli omkhulu. Ndicinga ukuba uThixo uyayisebenzisa laa ndoda. Kodwa khangela eyona nto ayenzayo; kukuphuma phaya ngaphandle phakathi kwamaBhaptizi namaPresbhithari. Yintoni oyenzayo? Kukuqokelela iqela labajoyina icawe.

228 Khangela eyona nto atshatshele ngayo abangamaBhaptizi aseZantsi phaya ezantsi ngenxa yokuba bengabona, amahlelo, amahlelo abo akhule ngaphezu kokuba enokukhula nawaphi na kumaProtestanti? AmaKatolika abathabatha bonke, ngokusondeleyo, kulo nyaka uphelileyo. Nayibona ephepheni? Ngokuqinisekileyo kwenzeka. Ungakhathazeki, azakubathabatha bonke, kuba athabatha amaBhaptizi nabo bonke, behlangene kanye. Bebonke ke bayinto enye, babe bengayazi loo nto.

Ibhunga lebandla, iBhunga leeNkonzo, libabeka babeyinto enye kanye. Ihlelo lemvaba libeka . . . Kutheni, kutheni nifuna ukuhlala *apha* okanye ngaphesheya *apha*? Okoko nje ukwala *oku*, yenza wuphi umahluko loo nto? Ingaba usasebenzisa kwa ezo zinto zokuphawula zobuhlelo, ngokufanayo ngokungathi benikwindawo enye? Omnye, ilirhamncwa; aze omnye, abe luphawu. Ngoko, nantso ke, loo nto ayenzi mahluko nje konke.

229 Sele efikile kuloo ndawo. Uligximfizile itywina lakhe lokuyiphumeza, nako ke wena ulithabatha. Likhokela bonke ke, ngokuthe ngqo ukuya kwiNdlu yeeNgwevu, nokuya eWashington D.C., no—nokuya kungena kwiBhunga leeNkonzo, nako ke nawe usiya kungena. Iinkokeli zezakwalizwi ziyabathabatha zibabuyisela kanye ngokuchanekileyo laa nto iBhayibhile yathi ziyakuyenza. [UMzalwana Branham unkqonkqoza kathandathu epulptini—Mhl.]

Bethu, akwaba laa wotshi ibingakhawulezi olu hlobo! [Ibandla lithi, "Qhuba."—Mhl.]

230 Ngoku, cinga nje koku ukuba siphi na. Khangela kumadinga alo mhla, aliwe kwakhona. Indlela amabandla athe enza ngayo ngalo mhla wokugqibela, ilitha lemvaba yobuhlelo!

231 Kukuhlala kwilitha lobuxoki isizathu sokuba Lingavuthwa. Naso isizathu saloo nto, eli Lizwi, ukuze ningayiboni imimangaliso.

232 Umpriste othile wakha wadlana indlebe nam, kungekudala kwixesha elidlulileyo, waze wathi, "Mnumzana Branham," wathi, "ubhaptiza njani?" I—Intombazana ethile eyayiphume kweli bandla; yaze yabuya umva yatshata nomfana womKatolika, yaya kungena kwibandla lamaKatolika. Wayezakuyingenisa ebandleni ke.

233 Ndathi, "Ndiyibhaptize ngobhaptizo loBukristu."

Wathi, "Ubhishophu ufuna ukwazi."

Ndathi, "Kulungile, yiyo leyo."

Wathi, "Uyayifungela lento?"

234 Ndathi, "Andifungi konke konke." Waze wathi . . . "Ewe," ndathi, "ukuba akandikholelwa ngaloo nto, ke, kulungile. Kuba, andifungi. IBhayibhile ithe, 'Musa ukufunga amazulu;

ayitrone kaThixo; umhlaba sisihlalo seenyawo zaKhe. U-ewe wakho makabe ngu "ewe," no-hayi, abe ngu "hayi."'" Ndathi, "Kuyakunyanzeleka ukuba akholwe koko ndikuthethayo."

Wathi, "Ke, u—uthe 'Ubhaptizo loBukristu,' uthetha ukuthini, ngo—ngo 'ntywiliselo'?"

235 Ndathi, "Yiloo ndlela kuphela oluqhutywa ngayo ubhaptizo loBukristu." Ndathi, "Ndiyibhaptize emlanjeni i-Ohio; ndayithabatha ndayifaka phantsi kwamanzi, eGameni likaYesu Kristu, ndayikhupha. Ndayibhaptizela e'Gameni leNkosi uYesu Kristu,' ekukuphela ke kobhaptizo loBukristu olukhoyo."

Wathi, "Ewe, mhlekazi." Wayibhala ngolo hlobo. Waze wathi, "Ngumhlola!" Wathi, "Uyazi, ibandla lamaKatolika lalikade libhaptiza ngolo hlobo."

Ndathi, "Nini?"

Waze waxela. Waqhubela phambili, ingxoxo yaqhubeka okomzuzwana. Waze wathi, "Kaloku, singamaKatolika akuqala."

236 Ndisazi ukuba, zaziphaya ii—iincwadi, uyazi, nembali ngalo, ndathi, "Yinyaniso, kodwa," ndathi, "kutheni ningayenzi nje loo nto namhlanje?"

Wathi, "Sinegunya lokuxolela izono." Wathi, "UYesu, akazange Atsho kubafundi baKhe, 'Abazono nithe nazixolela, zoba zixolelwe; nabazono nithe nazibamba, zoba zibambekile'?"

Ndathi, "Ewe, mhlekazi. Watsho."

Wathi, "Ngoko ke loo nto ayiliniki gunya ibandla? UPetros wayeyintloko yebandla."

237 Ndathi, "Ukuba ibandla liyakuzixolela izono ngendlela awazixolela ngayo uPetros." Ndathi, "Ngoku, bathi bakubuza, 'Senze ntoni na ukuze sisindiswe?' wathi, 'Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono.'" Ndathi, "Yenzani loo nto, ukuba kunjalo ndiyakuhamba nani."

"Owu," watsho, "uzama ukubeka iBhayibhile phambili."

Ndathi, "LiLizwi elo."

Wathi, "UThixo usebandleni laKhe."

Ndathi, "UThixo useLizwini laKhe. 'Wonke umntu, amazwi abanye abantu, abubuxoki; elaKhe liyiNyaniso.'" Yabona?

238 Ngoko akukho ndlela wayenokubona ngayo. Kodwa nabo—nabo behamba, ukuya kungena kanye ebumnyameni. NamaProtestanti, engamawaka, esiwela kuloo nto. Ngabo abo, besihlela kanye ekuthabatheni imigaqo yabo nezinto ezinjalo,

behamba kanye besiya phambili naloo nto. ILizwi liyaphuma, liqondakalalise, uYesu Kristu eZibonakalalisa, “isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” Kweloo litha lomgaqo, bayahamba kanye bayokungena ebumnyameni. Kanye njengokuba benzayo ngexesha likaNowa, kanye njengokuba benzayo ngalo lonke ixesha, benza loo nto kwakhona namhlanje, bayaphuma kanye baye kungena ebumnyameni! Ngoba? Bala ukuKhanya ngenxa yokuba umgaqo ubamfamekisile.

239 Owu, lelinjani ilixa lobumnyama esikulo ngoku! Ehe! Ewe, bala ukuKhanya okunguNaphakade kwenene kukaKristu, yiloo nto ebangela oko.

240 Amahlelo emvaba abandayo akanakuze akhuphe Bomi beLizwi likaThixo, ngokuba anika ubomi kumahlelo awo. Into eninzi esinayo ngaMakristu abubangayo ngoku . . . Khangela apha, ukuba uMkristu . . .

Ndambuza loo mpriste lento. “Ukuba u . . . Ndiyakuhamba nawe, yiloo nto elaliyiyo iBandla lamaKatolika, ekuqalekeni, ngomhla wePentekoste,” hayi eNicaea, eRome. IBandla alizange liqale eNicaea, eRome. Laqala ngePentekoste. Uyabona? EJerusalem kulapho laqala khona iBandla. Kodwa ndathi . . .

241 Apha, ndiza kuvuma ukuba aba bantu, la makhoboka nezinto ezinjalo, athi afumana uMoya oyiNgcwele, abanini bawo babona amandla awo nezinto ezinjalo, izinto awayezenza; evusa abafileyo, ethetha ngeelwimi, ekhupha iidemoni, exela kwangaphambili izinto. Eprofeta phakathi kwabo, njalo njalo, ephuma embethe iingubo zegusha ezijijele; esidla imifuno yasendle, ephuma kwelaa Bhunga laseNicaea, njalo njalo, engamadoda amakhulu! Nango ke ephuma apho, enyuka aya kwelaa Bhunga laseNicaea, emele elaa Lizwi.

Kodwa, kweza ntsuku zilishumi elinesihlanu zempalalo-gazi, amnkela “uYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele” njengomgaqo, endaweni yemfundiso yeBhayibhile, “eGameni likaYesu Kristu.” Ngaloo nto kwavela onke amabandla obuProtestanti, ezalelwe kanye kuyo kuloo nto inye, zonke ezinye ezi izinto. Ukuqonda ngendlela engeyiyo uMoya oyiNgcwele; bathabatha, bathabatha umthendeleko, basela iwayini, “Besithi loo nto yi-*eucharist engcwele,* ntoleyo ithetha, ‘Moya oyiNgcwele.’” Umpriste aninike loo nto.

242 Ngoku, iBhayibhile ayifundeki ngolu hlobo, “Wathi wakuzaliseka uMhla wePentekoste, kwathi gqi umpriste ngendlela, egqwethe ikholwa, wathi, ‘Yithi gqi ulwimi lwakho uthabathe i-eucharist engcwele.’” Hayi, Ayizange ithi, “Nonke bantu balekani nize kundinika isandla sokunene sobudlelane, nina maBhaptizi, maWisile, namaBhaptizi, ndiza kubhala igama lenu. Ndiziseleni incwadi evela kwindawo ethile.”

243 Wathi, “Babekwindawo enye bonke, bemxhelo mnye. Kwaze kwathi ngequbuliso kwaphuma isandi eZulwini sinjengomoya ovuthuza ngamandla, saza sayizalisa indlu ababehleli kuyo. Bazaliswa ngoMoya oyiNgcwele bonke, baqala ukuthetha ngalwimi zimbi, njengoko uMoya wayebanika ukuba bathethe baphimisele. Kwathi apho . . .” Baphumela ezitratweni, begxadazela njengamadoda anxilileyo, uMariya kunye nabanye, bephantsi kwempembelelo kaMoya oyiNgcwele.

Kutheni, abantu batsho, babahleka, bathi, “La madoda azaliswe yiwayini entsha.” Yayiyintoni kubo? Babemfanyekiswe ngumgaqo.

244 Laa mshumayeli mncinane wesibini siphindwe ngesine wema apho, ubizwa ngokuba nguPetros, waze wathi, “Nina madoda akwaYuda nimiyo . . .nina aseYerusalem, nimiyo kwelakwaYuda, makwazeke oku kuni, niwabazele iindlebe amazwi am. Aba abanxilile. Ke mandinixelele oko sathi kuyakubakho iSibhalo. KukuKhanya oku. Eli liLizwi libonakalaliswa.” Amen.

Kwenzeke loo nto inye namhlanje, yaye benza njengokuba benzayo ngoko, bemnka banikina iintloko zabo. Wathi, “Bayeke; iimfama zikhokela iimfama, ziyakweyela zonke emhadini.”

245 Owu, nguKristu, uBomi obunguNaphakade, onokuzisa iLizwi loBomi ekungqinelweni, lenziwe inyama. Owu, bethu, ukuba lusizi! LiLizwi . . .NguMoya oyiNgcwele onokwenza iLizwi likaThixo lisebenze.

246 Xa uYesu wathi, “Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nishumayele iiNdaba eZilungileyo kuyo yonke indalo.” Ngoku khangela, kuMarko 16, lo myalelo wokugqibela. “Kulo lonke ihlababathi, kulo lonke ihlabathi,” alikafikeleli ke apho, yabona. “Lonke ihlabathi, nishumayele iiNdaba eZilungileyo kuyo yonke indalo. Okholiweyo,” kulo lonke ihlabathi, “wabhaptizwa uyakusindiswa; okholwayo akagwetywa. Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo.”

“Bayakubambana izandla nomshu- . . .”? Hayi. “Bayakuba ngamalungu alungileyo enkonzo”? Hayi.

“EGameni laM bayakukhupha iidemoni; bayakuthetha ngeelwimi ezintsha; bayakuphatha iinyoka; okanye, nokuba bathe basela izinto ezibulalayo, azisayi kubenzakalisa; ukuba bathe babeka izandla phezu kwabagulayo, bayakuphila.” Owu, bethu!

247 Siye kumaphi? “Kuyo yonke indalo.” Kangakanani? “Kulo lonke ihlabathi,” Ade abuye kwakhona. “Nantsi imiqondiso eya . . .” “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye. Nemikhulu kunale uyakuyenza, ngokuba Ndisiya kuBawo.”

248 Owu, ukuba singemnka njani na kuloo Nto kungaphezu koko ndinokukuthetha! Sikubumnyama obukhulu ngoku kunokuba babekuko bona. Ngoku ndinevesi ezizezinye ezimbalwa apha, ndaye ndifuna ukufika ekupheleni ngokukhawuleza kangangoko-. . . Sikubumnyama obukhulu kunokuba babekubo bona.

Ndiyazi ukuba ndinidinisile apha, isithuba seyure enesiqingatha. [Ibandla lithi, "Hayi!"—Mhl.] Kodwa, yabona, eli khasethi liyaqhuba phaya ngaphakathi. Yabona? Yabona?

249 Bakubumnyama obungaphezulu kunokuba sikubo. Ndikhe ndayithetha loo nto, injalo. Kuba? Amabandla, kweli litha, aqhatha kakhulu, akhangeleka ngokungathi yiNyaniso. Ngoku, akazange atsho uYesu? Masibone uMateyu 24, sibone. KuMateyu 24, uYesu wayithetha eyokuba, "Ngemihla yokugqibela, imimoya emibini iyakusondelelana kangangokuba ilahlekise nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka." Liyakubakho iqela elinyuliweyo eliyakuphuma lenze iBandla, ngemihla yokugqibela. Le mibutho ke, inale nto bayibiza ngokuba yiNyaniso yabo, iyakusondela kakhulu ifane neNto yenene, kangangokuba ilukuhle nabaNyuliweyo, nkqu nabenkonzo kaMoya.

250 Ngoku, uyazi ukuba awungekhe uthabathe umntu wakwaMoya umqhathe ngemfundiso ethile yamaWisile okanye amaBhaptizi. Awunakuze umxelele loo nto. Wazi ngcono kunoko. Yaye awunakuze ulukuhle umBhaptizi othile ngemfundiso yobuLuthere, kananjalo. Yabona?

Yaye ungenakuze wamnkele uMyalezo, ubone uMyalezo ngoku kweli Lizwi, ngemfundiso ethile yakwaMoya, ubuxoki buka "Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele," nezinto zonke ezilolo hlobo, uphaya emva kuloo migaqo babenayo kolwaa bumbano lombutho. Hayi, ngenene. Awunakuze ubaqhathe, ngokuba abaNyuliweyo abanakulahlekiswa.

251 Yintoni? Yintoni? Lulahlekiso. Eli litha, benza ntoni? Bakhokelela ibandla kwibhunga lokuxhelwa, ngelitha labo. Oko iyakuba kukuxhelwa kokugqibela, xa lona neRoma linxibelelana. Xa beya kwenza loo mfanekiselo werhamncwa, kukuxhelwa kokugqibela oko. La matha ninawo ngoku ke, khangela ukuba enza ntoni, akhokela abantu. Yibhokhwe.

252 Ibhokhwe njalo ikhokelela igusha ekuxhelweni. Nakhe nayibona loo nto kwiindawo zokuxhela zezilarha. Laa bhokhwe iyakubaleka inyuke ngqo ikhokele igusha, ize ke itsibe iphume iyeke igusha inyuke iyokungena. Nantso into eyenzayo. Ihlala isenza njalo.

Yayizibhokhwe ezakhokelela uYesu, iMvana, ekuxhelweni. Iibhokhwe zamaRoma! Injalo loo nto.

Zi—Ziibhokhwe zemvaba zobuhlelo namhlanje ezikhokelela iigusha ezingenatyala ekuxhelweni. Zizifaka, zifaka amagama azo ezincwadini phaya ngaphesheya, yaye kuphelile ngazo. Luphawu lwerhamncwa olo. EGameni leNkosi, ndiyakuthetha oko. Ndikugcine ixesha elide. Yinyaniso leyo. Ngokuchanekileyo yiyo. Yintoni irhamncwa? Yintoni irhamncwa? Bubuphathi benkonzo yaseRoma, umbutho wokuqala. Yintoni uphawu lwerhamncwa. Yinto enye, ngokuchanekileyo, yinto enye kanye njengokuba yayinjalo leya. Ukuxhelwa, kungeniswe kwilitha!

253 Kodwa kobu bumnyama bukhoyo, sikubonile ukuKhanya kukaThixo kukhanya kuphumela. Sinombulelo kakhulu ngaloo nto!

254 Phulaphulisisa. Sikubonile ukuKhanya, iLizwi laKhe Athembise ngalo malunga nalo mhla, liqondakalalisiwe langqinelwa. LiyiNyaniso, ukuKhanya kwale yure. Owu, bethu! Andivuyi ngako. Akukho nto iphosakeleyo. Akukho nto iphosakeleyo.

255 Apha kungekudala kwixesha elidlulileyo kwakukho umlungiseleli owayethetha loo nto ezantsi eFlorida, yaye wayene—nemoto, ndiyakholwa yayiyiChevrolet, yasuka yambhida. Akakwazi ukuyilungisa. Wayeye kungena egaraji, umkhandi omdala omncinane wangena phantsi kwayo naphezu kwayo, eyinkqonkqa; akakwazi ukuyilungisa. Wayeye ke a—azame *oku*, ize ingabi nakusebenza. Aze azame enye into; ayabi nakusebenza. Wayeye afake ijanareyitha, afake *oku*, afake ii-plugs, afake ii-points; akabi nako ukwenza ukuba isebenze. Akabi nako nje ukuyenza isebenze.

Ekugqibeleni, kwakho indoda enxibe kakuhle evelayo. Yathi, "Ndikunike icebo?"

256 Loo mkhandi mncinane wanengqondo kangangoko wathi, "Ewe, mhlekazi."

Yathi, "Thabatha le *nto*, uyidibanise nale *nto*, nale *nto*, uze," yathi, "wakuba uyihlanganise yonke loo nto uzame kube kanye." Wathabatha le *nto* idityaniswe nalaa *nto*, wayihlanganisa, nantso ihamba.

257 Umkhandi omncinane wajika, wathi, "Khawutsho, ungubani?" Yayiyinjineli, injineli ephambili yakwaGeneral Motors. Nguye owayenze loo moto. Wayengumseki wayo.

258 Kwaye, namhlanje, xa sithetha ngamaWisile, amaBhaptizi namaRhabe, uMkhandi oyiNtloko ulapha, uMseki weLizwi laKhe, iNdoda Eyadala amazulu nomhlaba, yaze yaseka iBandla laYo! Ingaba nguye owazi ngokungaphezulu malunga nokuba lwenziwa yintoni na uXwilo, okanye ingaba ibandla lamaWisile okanye amaBhaptizi lazi ngokungaphezulu malunga nokuba yintoni na elubangayo? Nguye uMseki. Uyazi

ukuba lubangwa yintoni na. Unxibe ngokufanelekileyo eMandleni ovuko lwaKhe. Haleluya! Wahamba-hamba phakathi kwethu, namhlanje, eseMandleni ovuko lwaKhe.

Uyazi ukuba yintoni na eyakufaka iBandla kulungelelwano loXwilo. Nguye owaLisekayo, waze wahlanganisa amalungu alo apha eBhayibhileni. Amen! Waza wavulela uMsinga ukuba uhle uphumele kuLo, ngoku Likhangele nalo lisebenza. Maluthi ukholo, kwiLizwi ledinga lanamhlanje, lihambe liphumele, uyakulibona indlela Elisebenza ngayo. Ngoba? Nguye owayisekayo loo nto. Waliseka iBandla laKhe ngeLizwi. Yiloo nto ke Ayihlanganisayo. Hayi ngobuWisile, okanye ubuBhaptizi, okanye ubuPresbhithari, okanye umbutho wakwaMoya; koko ngeLizwi laKhe. "Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, koko ngaMazwi onke aphuma emlonyeni kaThixo." Ewe, mhlekazi.

259 Phumani kwezo zinto zililitha, esizikithini sobumnyama, eli xesha limnyama siphila kulo ngoku. (Ndishiyekelwe malunga nemizuzu emihlanu.) Esizikithini sobumnyama, ngubani oya kukhupha lo Mtshakazi mncinane? Owaziyo ngaLo? NguMseki oyiNtloko. Owu, ewe. Uphume kuyo yonke le ndideko yelitha!

Apha, amaWisile ajonge ilitha kwelinye icala, amaBhaptizi kwelinye, amaPresbhithari kwelinye, abenkonzo kaMoya kwelinye, lilitha nje jikelele. Bayabaleka, babhale igama labo *apha*, kweli litha lilapha; ufumanise, ukuba yenye into phaya. Uze uze *kweli* cala; ibe yenye into apho. Uwelele *ngapha*. . .

260 Njengoko ndatshoyo kulaa mpriste, "Ukuba nonke nilibandla lakuqala, naze nalandela iimfundiso zalaa madoda ayehlanganisene eNicaea, kutheni ke ukuba ningabi nawo amandla ababenawo phaya ekuqalekeni ngoko? Yabona? Kutheni ningazenzi nje izinto abazenzayo, awazixelayo uYesu?"

Wathi, "Owu, singabantu abaninzi kaloku ngoku. Thina, siphila kwesinye isigaba sexesha."

261 Ndathi, "Kodwa iLizwi aliguqu-guquki. Wathi, 'Le miqondiso iyakulandelelana nabo iye kuzo zonke izigaba zexesha. Izulu nomhlaba liyakudlula, ke iLizwi laM alisayi kudlula.' Nantso ke."

Wathi, "Ke, uthetha ngeBhayibhile."

262 Ndathi, "Ewe, iLizwi, elinguKristu." Injalo loo nto. Ke ngoko yiyo leyo. Uyabona?

263 Yaye kweli litha ke, amaWisile abonisa elawo, amaBhaptizi ebonisa elawo, amaRhabe ebonisa elawo, ngalinye kuwo liyakuya lisiya liba likhulu ngokuba likhulu, lonke ixesha.

Usizana loMtshakazi, uphi Yena? Wabaleka waya ngapha kwaboBunye bakwaMoya, okwethutyana; Wafaka igama laKhe apho, waze Wathi, kulungile. . . Wafumanisa, wakhangela loo nto ayenzayo. Baze bawelela ngapha, "Umelwe kukuba ube ngowethu. Ukuba awungowebandla lethu, awukho nokubakho kuMtshakazi. Akukho kwanto uyiyo." Wawelela apha kwi-Assemblies, yintoni ke abanayo; nantso ke kwakhona. Wehla waya kutsho kumaBhaptizi, khangela yintoni le banayo. Khangela kumaPresbh-. . .

264 Kuzakwenzeka ntoni kuloo Nto incinane? Yabona? Kodwa Uzakuvela. Ungahlupheki. Uzakubakho.

265 Omnye umfo wayesithi, kwiminyaka embalwa eyadlulayo. Wayephaya ezantsi eNew Mexico. Ndandibambe inkonzo phaya kufutshane neCarlsbad Caverns. Nakhe neva malunga nabo phaya ezantsi, abakhulu. . . Baze bathabatha indoda nenkosikazi yayo, neqela labantwana, behla ngezitepusi ezihambayo, behla baya kutsho ezantsi kanye emngxunyeni. Bathi bakufika apho ezantsi, bazicima izibane. Bathi bakuzicima zonke izibane, kwakumnyama ngokweenzulu zobusuku.

Ndakhe ndathi mabayenze loo nto kweli cala kwezi zitiya zilapha, yaye ngaxesha lithile ngaphaya eColorado, iyinkosikazi nam, apho kanye, sasilapho ngaphakathi. Baze bazicima izibane. Bethu, ubeka isandla sakho *kanje,* wawungenakubona kwanto.

Kwakukho intombazana encinane apho, yaze yaqalisa ukukhala, "Owu!" Ikhala. Yona, yayisoyikela ukufa, kwakumnyama kakhulu. Loo htwazana incinane yayiphampatha yonke indawo, izama ukukhala ikhwaze utata wayo, umama, kuyo yonke indawo. Yayingenakumelana naloo nto, kwakumnyama kakhulu. Yayingazange ibubone ubumnyama obunjalo.

266 Yaye phantse kube lolu hlobo kulilo ngoku. Injalo loo nto. Kumnyama kangangokuba awuzazi apho uya khona. Uya kumaWisile, uye kumaBhaptizi, uye kumaPresbhithari, kuyinto enye konke, yabona, badla loo nto indala ifileyo, imana endala enonojubalala. Yabona, yinto enye, umgaqo othile, "Yiza ujoyine *kule* nenye *leya,*" imigaqo yakudala nezinto ezinjalo. Awuboni Kristu kuyo. Yabona? Owu, ubona abantu abanobulungisa obubobabo,. . .?. . . Abaninzi babo ngabantu abalungileyo abo ngoku, kuloo mahlelo. Ndithetha inkqubo, hayi abantu abalapho. Kodwa, uyabona, nantso into abadla yona. Baxelele ngaloo nto!

Naku ke uKudla okutsha!

267 Le ntombazana incinane yayimi apho ke, yayikhala, ngelizwi layo lonke, sele izakuphatshuzela; phantse ngokufana nokuba enjalo uMtshakazi omncinane. Kodwa uyazi yintoni?

Ubhuthi wayo omncinane wakhwaza, wathi, “Dad’ethu omncinci, musa ukoyika.” Kuba, wayemi ngakwinjineri kanye. Wathi, “Ikho indoda apha enokukhanyisa izibane.”

Musa ukoyika, Dade omncinane, ikho indoda apha Enako ukukhanyisa iSibane. Unako ukulenza eli Lizwi liphile. Asazi ukuba Uza njani na. Asazi ukuba kunjani na, xa Esiza. Andazi kwanto malunga naloo nto. Kodwa Yena ulapha, yaye Unako ukukhanyisa iZibane. Sizakuphuma njani kuloo nto? Andazi. Kodwa Ulapha, yaye nguYe Onako ukukhanyisa iZibane. Ewe, mhlekazi. NguYe onako. Yena ukukuKhanya. UyaZazisa nje, nantso indlela Akhanyisa ngayo iSibane. Ngokuchanekileyo kunjalo.

NguKristu, onokudanyazisa iZibane zaKhe, buze bonke ubumnyama buphasalake. Uyahlula. Ukhupha uMtshakazi waKhe omncinane. “Ndiyakukhupha abantu kwiiNtlanga, ngenxa yeGama laM, abaya kuba neGama laM.” Ngubani iGama laKhe? Kulungile. AyoWisile, iBhaptizi, iPresbyterian, iLutheran. NguYesu Kristu. Injalo loo nto.

268 Nguye ukuKhanya, iNyaniso; ukuKhanya, yaye akukho bumnyama kuYe. Yena ke Uyabududula ubumnyama akungena, ngokuba UliLizwi. ILizwi likukuKhanya. Injalo loo nto. Ngokuba, Wathetha wathi, “Makubekho ukuKhanya,” liLizwi ke elo laba kukuKhanya. Xa Ethetha *Oku*, kukuKhanya kweso sigaba sexesha oko, xesha ngalinye.

Ngoku Ulapha, e—engekho kwilitha; kodwa abantu bahleli kwilitha. Kodwa Yena uliLizwi elingqinelweyo. Ngokupheleleyo u—ukukuKhanya ngexesha lobumnyama. Ewe, mhlekazi. Lonke eli litha lobuxoki nezinto ezinjalo ziyakunyamalala. Ewe, mhlekazi. Ulapha. Musa ukoyika. Khanyisa iZibane, iLizwi laKhe ledinga. Liyaphila. Lenza . . .

“Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna, uyakuyenza naye.” Ngoko, liLizwi elo. “Njengokuba uBawo waNdithumayo, ngokunjalo Ndiyanithuma nam.” UBawo owaMthumayo, weza engaphakathi kuYe. UYesu okuthumayo, uyeza engaphakathi kuwe. Ukuze imisebenzi Awayenzayo ngoko, abe Wenza kwaloo nto inye, ngokuba (ngoba?) iLizwi lenziwe inyama, kwinyama yomntu, liZibonakalalisa njengokuKhanya kwalo mhla. Nantso ke. Yiyo leyo. Ibonakalisa nje ukuKhanya, ekuKhanyeni. Abantu abazizilumko, abangamfanyekiswanga yimigaqo neemvaba zobuhlelo, bayakuhamba koko kuKhanya. Owu, bethu!

269 Ikho iNdoda apha enako ukukhanyisa iZibane, kunjalo. Wenza ntoni Yena? Ngokungqinela iLizwi laKhe lalo mhla. UYesu, uNyana kaThixo, Owathembisa iLizwi malunga nalo mhla, ulapha kanye ekunye nathi.

Musani ukoyika. Musani ukuhoya oko bakwenzayo; ukuba nenza njalo, niyakuhamba ebumnyameni.

Yibani zizilumko. “Abo benza ngokulumkileyo,” wathi uDaniyeli, “ngemihla yokugqibela, bayakumenzela imisebenzi ebalulekileyo uThixo wabo.” Yabona? Yabona? Bayakuhamba ekuKhanyeni, njengokuba Yena ekukuKhanya.

270 Ungakhathazeki. Kusenokuba mnyama, kukhangeleke ngokungathi bayakuninyanzela, umntu wonke. Bonke aba, niyazibona izimemezo zabo ziphuma, “Onke la mabandla mancinane nezinto ezinjalo amelwe kukungena ngoku. Nimelwe kukuba ningene,” kungenjalo azakuvalwa. Baza kuyenza loo nto.

271 Ngoku sifuna ukuyibetha ngokukhulu loo nto, ngokuhlwanje, ndakufika kweli xesha, yabona.

272 Ngoku, bona, “Sizakuvala.” Uyakunyanzeleka ukuba ube ngomnye wabo, kungenjalo ungabi nguye. Kuphakathi—Kuphakathi kokuba ube ngaphakathi kuloo nto, kungenjalo akukho nto unokuyenza, awunako nokuthenga okanye uthengise. Yiyo leyo. Ungathini ukuthandazela abagulayo khona. Ukuba ubanjwe ulungiselela umntu ogulayo okanye nawuphi na umntu oneentswelo ngokwasemoyeni apho, uphantsi komthetho womdibaniso, ukuze utshutshiswe. Injalo ngokuchanekileyo loo nto. Yabona? Niyayazi loo nto. Injalo loo nto. Ikumaphepha abo. Ewe, mhlekazi. Ngoko, umelwe kukuba ube ngowoloo nqulo lombutho.

Mzalwana, mandikuxelele izinto. Kungcono ufumane uKristu ngokuqinisekileyo entliziyweni yakho khona ngoku, kuba kuza ilixa lokuba ube ngoYiswele ngenene loo nto. Uyakube uphandle ngoko. Khumbula, xa elaa tywina libekiwe, liyakube lilapho ngonaphakade. Uyabona? Ngoko, ungakhe uyenze into enjalo. Ungakhe ukholelwe kulaa nto. Ngena kanye kuKristu khona ngoku, iLizwi. Ewe, mhlekazi.

273 Ungqinela iLizwi, abonise ukuba Lona likukuKhanya kwale yure. Yiloo ndlela esazi ngayo ukuba Yena ukukuKhanya, kungokuba Yena ukukuKhanya okuZibonakalisa kusenyameni.

Sazi njani? WayeliLizwi likaThixo lenziwe inyama. Yabona, iLizwi likaThixo lalizibonakalalisa, liZingqina, ekuzeni kukaMesiya, oko Ayakukwenza.

274 Wathi laa mfazi, equleni, “Xa athe uMesiya wafika, Uyakwenza ezi zinto. Unokuba ungumProfeti, oliLizwi, ochaza ezi zinto zingekenzeki.”

275 Wathi Yena, “NdinguYe.” Yabona? Yayanele loo nto. UkuKhanya kwakhanya phezu kweLizwi ledinga. Nako ke ukuKhanya.

276 Waya kungena ngqo esixekweni, wathi, “Yizani, nibone iNdoda Endixelele izinto endakha ndazenza. Ayingebi nguye na lo uMesiya?” Kwaphelela apho. Yabona? Kungenamsebenzi nokuba abanye babesithini na, yena wayesazi ukuba yayinguMesiya lowo.

277 Khumbula, kwisigaba ngasinye sexesha, ngexesha lobumnyama, uThixo wahlala enalo iLizwi laKhe ukwahlula ukuKhanya ebumnyameni.

WayenaLo ngemihla kaLuther, xa ibandla lobuKatolika lalinayo yonke into; Wathumela uLuther njengokuKhanya okuqaqambileyo, waze uLuther wahlula iNyaniso ebumnyameni.

Xa bathi abakaLuther bagqwetheka, Wenza uJohn Wesley, waze Yena wahlula ukuKhanya ebumnyameni.

Ngemihla yenkonzo kaMoya, xa amaWisile afumana konke. . . amaWisile athi akhumnka ema, namaBhaptizi, namaPresbhithari, Wathumela umyalezo wenkonzo kaMoya ukuza kwahlula ukuKhanya ebumnyameni.

Inkonzo kaMoya yaya kungena kanye ngaphandle ebumnyameni kwakhona, ngolo hlobo, kwimibutho yabo, yathabatha imigaqo yabo nezinto ezinjalo.

Ngoku ilixa lifikile lokuba eli Lizwi lingqinelwe. Uthumela ukuKhanya, iLizwi libonakalalisiwe, njengokuba Wenzayo ekuqalekeni; uthumela iLizwi, yaye LiyaZiqondakalalisa. Nako ke ukuKhanya, kwaye Yena uyahlula njalo. Kuyinto enye nangoku, njengoKhanya okuncinane okunguNaphakade ekuqalekeni.

278 Khangela abantwana, njengoko ndisitsho, ndidlule ngemizuzu emihlanu kwixesha lam ngoku. Kodwa mandithethe lento inye.

Ikho iNdoda ekhoyo! Musani ukoyika, akunamsebenzi nokuba bathini na. Ndiye ndabona kufikelela kwindawo apho ndingaziyo ukuba mandibheke ngaphi na ngokulandelayo, kodwa Yona ihlala ikho. UBukho obungenakusilela, Uhleli ekho. Unako ukukhanyisa iSibane. Ewe, mhlekazi. Ulindile nje, ukuze abone ukuba uyakuthini na. Angalicofa iqhosha naxesha nini na Efuna. Ewe, mhlekazi.

279 Ikho iNdoda apha enokukhanyisa iZibane. “Kwabo bahleli kwiingingqi zethunzi lokufa,” abanye babo bephantsi komhlaza, abanye kubo bephantsi kokufa kwemvaba yobuhlelo, abanye bephantsi kwemigaqo yokufa, abanye bephantsi kokufa kwezithethe, nazo zonke ezoo ntlobo zokufa, “Yaye babone ukuKhanya okukhulu.” INdoda eyadanyazisa iZibane ngoko, isekwaYiyo Eyathi, ekuqalekeni, “Makubekho ukuKhanya.” Laa Thixo mnye, “izolo, namhlanje, nangonaphakade,” Ukho namhlanje, kanye apha ngoku. Musani ukoyika. Unako ukukhanyisa iZibane.

Xa kufika iintshutshiso, musa ukoyika. Kukho ukuKhanya, wathi Uyakubaxwila emnke nabo abantu baKhe. UMtshakazi awuyi kungena kwimbandezelo. Awungeke. Wathi Awusokuze. Uyakuxwilwa kumnkiwe

naye. “Bayakuyenza njani loo nto, Mzalwana Branham? Kukhangeleka kumnyama ngokoyikekayo!” Akunamsebenzi nokuba kuba mnyama kangakanani na, ude ungabi nakusibona isandla sakho phambi kwakho, ukhumbule nje, ikho iNdoda apha enokukhanyisa iSibane. UyakuliXwila eloo Bandla.

Uthi, “Ke, ndiphakathi . . . ”

280 Ewe, uShadreki, uMisheki, no-Abednigo, babephakathi kanye ezikweni lomlilo, kodwa ikho iNdoda apho Enokuvulela umoya. Ewe, mhlekazi. Laa Moya uvuthuza ngamandla wathi wehla ngoMhla wePentekoste, WaWuvulela kwakhona wasusa yonke impepho kubo, wonke umlilo. Yayikho iNdoda apho; ibizwa ngokuba “yiNdoda yesine.”

281 Ukho Okhoyo apha. NguYe kuphela! Haleluya! Lisesandleni saKhe iqhosha leSibane. “Abo bahleli kwiingingqi zethunzi lokufa, bavelelwe kukuKhanya okukhulu.” Musa ukuKwala. KwaMnkele, eGameni leNkosi. Xa sithoba iintloko zethu okomzuzwana nje.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya okuhle,
Kuza apho amathontsi ombethe wenceba akhanyayo;
Akhanya esingqongile emini nasebusuku,
UYesu, ukukuKhanya kwehlabathi.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, ekuKhanyeni okuhle kakhulu,
Kuvela apho amathontsi enceba akhanya khona;
Akhanya esingqongile emini nasebusuku,
UYesu, ukukuKhanya kwehlabathi.

Yizani, bangcwele bokuKhanya, nibabaze,
UYesu, ukuKhanya kwehlabathi;
Ngoko ziyakukhala iintsimbi zeZulu,
UYesu, ukuKhanya . . .

Yintoni? ILizwi elingqinelweyo linguYesu namhlanje. Yena uliLizwi.

Siyakuhamba koko kuKhanya, ukukhanya okuhle kakhulu,
Kuvela apho amathontsi enceba akhanya khona;
Owu, ukuKhanya okusingqongile emini nasebusuku,
UYesu, ukuKhanya kwe . . .

282 Iintloko zenu zithotyiwe. Ingaba bangaphi abangathanda ukuhamba koku kuKhanya, phantsi kwenkokelo yoMoya

oyiNgcwele, iLizwi elingqinelweyo lanamhlanje? Yabona, iLizwi awathembisela ngalo unamhlanje uThixo, niyabona Libonakalalisiwe!

Asiyiloo nto Awayeyiyo ekuqalekeni? WayeliLizwi. UNyana wazalwa; Wabe eliLizwi. WayenguMesiya; wayeliLizwi elingqinelweyo. Ngoko ke iLizwi, uThixo wathetha eku-. . . kwa isiphelo ekuqalekeni.

283 Ngoku likho iLizwi lanamhlanje, kwaye Yena ulapha ukuza kungqinela eloo Lizwi.

Esizikithini sokudideka, ubumnyama nelitha, likhangeleka kakhulu ngokuka liLo, kodwa ayiliLo. Liyaqondakala ukuba ayiliLo; ngumgaqo.

284 UYesu wathi, "Ukuba iidemon Ndizikhupha ngomnwe kaThixo, nizikhupha ngabani nina?" Babengazikhuphi. Yabona? "Kodwa, hayi, ukuba iidemoni Ndizikhupha ngomnwe kaThixo, ngoko uBukumkani bukaThixo busondele kuni."

Owu, masiyicinge lento, sisaphakamisa izandla zethu. Ngokuthe chu ngoku, ucinge, ngokuzola kwenene.

Siyakuhamba koko kuKhanya, oko kuKhanya kuhle kakhulu,
Yaye kuvela apho amathontsi enceba ze. . .
Yenza isivumo sakho. Kholwa kuThixo ngoku.

Akhanya esingqongile emini nasebusuku
UYesu, ukukuKhanya kwehlabathi.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya okuhle,
Kuvela apho amathontsi ombethe wenceba akhanyayo.
Akhanya esingqongile emini nasebusuku,
UYesu, ukukuKhanya kwehlabathi.

285 Beqhubela phambili bedlala njalo, ndifuna ukukhe ndibuze. Isigaba ngasinye sexesha sasoloko siyinto enye. Ngemihla kaNowa, abo bakwalayo ukuKhanya, benza ntoni ke? Baphuma baya kungena kanye kumgwebo kaThixo. Kwenzeka ntoni kuFaro ngemihla yokuKhanya kwetyholo elitshayo, kwakukuMoses apho? Waya kungena kulwandle lokufa. Kwenzeka kuDatan owaphumayo waze wakumangala ukuKhanya? Waya kungena kwithanda lomhlaba; wamginya. Kwenzeka ntoni kuzo zonke izigaba zexesha, abo basilelayo ukuhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya komhla?

NguYesu lonke eli xesha. YayinguYesu ngemihla yaloo madoda. IsenguYesu namhlanje, kuba Yena uliLizwi, kwaye iLizwi lenza ukuKhanya. LikukuKhanya kwaloo mhla.

Yicinge ngoku, ngokuzola kwenene, ngeli thuba sinokunyaniseka, ndiyabuza, ingaba usekuKhanyeni na? Ngeli thuba sizakulidumzela siligqibe kwakhona. [UMzalwana Branham nebandla baqalisa ukungqumshela, u*Yesu, UkuKhanya KweHlabathi*—Mhl.]

. . . kuKhanya kuhle,
Kuvela apho amathontsi enceba akhanya
ngokuqaqambileyo;
Akhanya esingqongile emini nasebusuku,
Owu Yesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Masiphakame ngoku, sime ngeenyawo zethu.

286 Ndithandaza uBawo waseZulwini ukuba enze lo Myalezo ungene nzulu ezintliziyweni zabantu abakhoyo apha, nabo bayakuWuva ngekhasethi. Yaye kwanga ukuKhanya kungavela phezu kweLizwi, iMbewu, kuze kuntshulise yonke iMbewu eyamiselwa ngenxa engaphambili etyalwe apha phandle kweli litha ngokwahlukana kwalo nemibutho. Banga bangabona njengoNikodemo, nokuba ke bayakunyanzeleka ukuba "beze ngobusuku," ukuza ekuKhanyeni. Siphe oko, Bawo.

287 Kwanga kungavela olo lutho, lweli Liwa lithwetyulwe entabeni, kungengazandla. Lizicolela phantsi ezi zikumkani zeNtlanga, izikumkani zokomoya nezikumkani ngokwasenyameni. Laye iLityе liyakuwugquma umhlaba uphela; iyakuba yimo yohlambululo. Abo lithe labagraya eloo Litye bayakucoleka babe ngumgubo; abo bathe bawa phezu kweloo Litye bayakuba nesiseko esiqinileyo.

288 Owu Kristu, mayibe ndim, njengesicaka saKho, oyakufela phezu kweli Litye aphele, eli Litye leLizwi laKho. Nkosi Thixo, mandime, njengoDavide, kunye naloo magorha akudala athi ema noDavide, mandimele eli Lizwi namhlanje ngeli thuba ndilibona Laliwe ziimvaba zobuhlelo. Lilele apha phezulu kwindlwana yomkhosi kwindawo ethile. Owu Thixo na. . . Siphe ukuba sibe namandla nokukhuthala, noMoya oyiNgcwele, ukuze sime, kuba iiyure ziya ziba mnyama ngokuba mnyama.

Kodwa masihlale sikhumbula ukuba Ukho ukuze ukhanyise iSibane. Nangayiphi na iyure Othanda ngayo, Unako ukukhanyisa iSibane, Bawo. Ngoko siyathandaza. . .

289 Njengoko Wathi, "NikukuKhanya kwehlabathi nina." Siphe, Nkosi, ukuba iZibane zethu, ezimelwe kukusetyenziswa nguWe, zikhanye ngokuqaqambe kangako kwabanye, ukuze babe nokubona ukuKhanya kweVangeli njengoko siyiphila, Nkosi, imihla ngemihla, ibonakalalise kubo uBomi bukaYesu Kristu njengoko Wayenjalo emhlabeni; ezele yintobeko nakukulunga, ukanti iLizwi labe liphilwa ngaYe. Siphe oko, Nkosi.

Kuba, sikhangele kuWe, Wena Umkhulu uneqhosha esandleni sakho. Uliphethe ngesandla saKho ihlabathi. Uphethe zonke izinto esandleni saKho, yaye ihlabathi uliphakamisile ngeLizwi laKho.

Owu Bawo, masamnkele iLizwi; Awungeke, usincede Nkosi? Mayibe bubungqina nomnqweno wayo yonke intliziyo elapha obo.

290 Bawo, ngoko sicula la maculo . . . Njengokuba UDavide wawaculayo amaculo, abasisiprofeto. Ayesisiprofeto, waze Wawanika ingqwalasela, iziprofeto. Sisakucula, Nkosi, makube ngaphakathi ezintliziyweni zethu, kananjalo, njengoko sicula, "Siyakuhamba koko kuKhanya." Makube njalo, Nkosi.

KukuKhanya okuhle oku. KuliLizwi. KunguKristu ephila phakathi kwethu. Asikoko Wayekuko; koko Akuko, kwaye, siyazi ukuba Wayebonakalalisa kuphela oko Akuko. Yaye siyathandaza, Bawo, ukuba abantu babe nokuqonda bahambe koko kuKhanya kuhle. Sikucela eGameni likaYesu.

291 Ngeli thuba siseme njalo okomzuzwana, ndifuna ukuba sicule sonke.

292 Ngoku apha kukho amaPresbhithari, amaWisile, amaKatolika. Sisihlwele esixubeneyo esi, xa kufikelela kwiimvaba zobuhlelo.

293 Ngoku ukhumbule, makwazeke, ukuba andithethi nto ngokuchasene nabantu abakweloo litha. Kodwa ndiqondakalalisile, kwiBhayibhile, ukuba ezonto lilitha. Ukuba bezingelilo, uKristu ngesenza njengoko Wathembisayo ukuba uyakwenza, ngazo. Yabona? Kodwa ziyalile loo Nto. Yabona? Wakufika apho ke, ufumana ntoni? U "joyina inkonzo, cengceleza umgaqo." Iphuma phi ke loo nto? Yakufika ekupheleni kwendlela, ufumanisa ukuba ibubuxoki, isanga.

UKristu uliLizwi. Yena ukukuKhanya. Phila ngoku, ngeli thuba usenokuphila. Uphilela into ethile.

294 Uphilela ntoni? Ukuze ufe. Mntu ngamnye kuni, nisebenzela ntoni? Ukudla. Nidlela ntoni? Ukuze niphile. Niphilela ntoni? Ukufa.

Ngoko kutheni ungaphileli ukuze uphile nje? Kutheni ungaphileli ukuze uphile nje? Ngoko, inye indlela onokuphila ngayo kukwamnkela iLizwi. Kuba, "Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa," oko sikuzuzayo apha ngokubila kwebunzi lethu, "koko ngaMazwi onke aphuma emlonyeni kaThixo." Ngoku iLizwi lomlomo kaThixo lingqinelwa kanye apha phambi kwethu, ngoMoya oyiNgcwele. Phila ngaLo, awungethandi?

295 Ngoku ndiyafuna, ngoku sisaliculayo kwakhona, masithi sonke ngabanye sime nje kwiindawo zethu, wolule isandla ubambe isandla somnye umntu, uthi, "Mzalwana, masihambe koko kuKhanya," ngeli thuba sicula *Uhamba EkuKhanyeni.* Awunakwenza njalo? Thandazelanani njengoko nidibanisa izandla zenu, sisacula kunye; sivala amehlo, kangangoko sinokuba nako.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya okuhle kakhulu,
Kuvela apho amathontsi ombethe wenceba akhanyayo;
Akhanya esingqongile emini nasebusuku, (Ngubani lowo?)
UYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Ngoku masiphakamise izandla zethu.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya okuhle,
Ukuza apho amathontsi ombethe wenceba akhanyayo;
Akhanya esingqongile emini nasebusuku,
Owu Yesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Yizani, nonke bangcwele bokuKhanya, nibabaze, (Yintoni leyo?)
UYesu ukuKhanya kwehlabathi;
Ngoko iintsimbi zeZulu ziyakukhala,
UYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Sonke, masilicule kakhulu ngoku.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, yaye kukuKhanya okuhle,
Ukuza apho amathontsi ombethe wenceba akhanyayo;
Akhanya esingqongile emini nasebusuku,
Yesu, ukuKhanya kwehlabathi.

296 Iintloko zethu zithotyiwe ngoku. Khumbula xa uSirayeli wayekuhambo lwakhe, esidla imana entsha yonke imihla, bahamba ekuKhanyeni kweNtsika yoMlilo. Laa Ntsika yoMlilo yayinguYesu Kristu. IBhayibhile ithe yayinguYe. Kwaye namhlanje Ukunye nathi; sinaYo. Siyazi ukuba Ukunye nathi, laa Ntsika yoMlilo inye, isenza kwa ezo zinto Wazenzayo xa Wayelapha emhlabeni, ukuzalisekisa iLizwi laKhe.

297 Ekumnkeni kwethu apha, masikhumbule, siligcine eloo culo ezintliziyweni zethu njengoko sisiya kumakhaya ethu, xa amavili ayakube edumzela iculo. Phambi kokuba udle isidlo sakho sedinala, thoba intloko yakho ubulele uThixo

ngokuthumela ukukhanya ukuze kuvelise ukudla phezu komhlaba, ukulungiselela umzimba wakho wenyama. Uze ke ubulele uThixo ngokuthumela ukuKhanya kwasemoyeni, iLizwi laKhe, ukuze Anike uKudla emphefumlweni. "Kuba umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, koko uyakuphila ngaMazwi onke aphuma emlonyeni kaThixo."

298 Hlalani niziculela eli culo, kwikhaya lenu, phakathi kwabantu bakowenu, size sibuye sihlangane apha malunga necala leyesithandathu, kusihlwanje, ukuze sifumane amakhadi omthandazo nezinto ezinjalo. Siyakubonana ngoko. Kude kube ngoko.

299 Ndizakucela uMzalwana uNeville ukuba akanakunyukela apha na ngoku, umlungiseleli, asindulule ngezwi lomthandazo.

Ikho Indoda Apha Enokukhanyisa Isibane XHO63-1229M
(There Is A Man Here That Can Turn On The Light)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe kusasa, umhla wama 29, kuDisemba, ngowe-1963, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2006 ngabe:

©2006 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org